




**URhulumente  
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

**Ingxelo yoNyaka 2010/2011**  
ISebe EzeMfundo

**Mnu Donald Grant**  
**UMphathiswa wezeMfundu**

INgxelo yoNyaka yeSebe leMfundu leNtshona Koloni yethuba eliqala ngo-Apreli 2010 ukuya kwi-31 Matshi 2011  
ingeniswa ngokomyalelo

A handwritten signature in black ink, appearing to read "PA Vinjevold".

**PA Vinjevold**  
**Agasti 2011**

**ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO  
INGXELO YONYAKA KA-2010/2011**

**1. Ingaciso ngokubanzi**

Umbono, injongo ephambili neemfundiso ezisisiseko .....	1
Imeko engqonge isebe .....	2
Ugunyaziso lwemithetho .....	2
Amaqumrhu anika ingxelo kumphathiswa .....	2
Inkazo yoMphathiswa .....	3
Isishwankathelo seGosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali .....	5

**2. Ingaciso ngeenjongo esele zimiselwe**

2.1 Intsebenzo ngokubanzi.....	9
2.1.1 Iimali ezabiweyo .....	9
2.1.2 Injongo yolwabiwo-mali .....	9
2.1.3 Isishwankathelo seeprogram.....	10
2.1.4 Impumelelo kwijinjongo zezicwangciso eziphambili .....	11
2.1.5 Inkazo ngemeko yokwenziwa kweenkonzo ( <i>service delivery environment</i> ) ngo-2010/11 .....	18
2.1.6 Inkazo ngemeko eqhubeka kwiziko ( <i>Overview of the organisational environment</i> ) ngo-2010/11.....	22
2.1.7 Uphuhliso lwemigaqo-nkqubo ephambili neenguqu zomthetho .....	24
2.1.8 Ingeniso yeSebe.....	25
2.1.9 Inkcitho yeSebe .....	25
2.1.10 lntlawulo ezenziweyo ( <i>Transfer payments</i> ) .....	26
2.1.11 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ezizii-earmarked funds .....	26
2.1.12 Utyalo-mali kwiiprojekthi zolwakhiwo ( <i>capital investment</i> ), isicwangciso solondolozo nokulawulwa kwee-asethi, ( <i>maintenance and asset management plan</i> ) .....	29
2.2 Intsebenzo kwiiProgram .....	34
IProgram 1: Ezolawulo .....	37
Iprogram 2: Imfundo kwizikolo zikaRhulumente .....	44
Iprogram 3: linkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo .....	63
Iprogram 4: Imfundo kwizikolo zikaRhulumente ezineemfuno ezizodwa.....	68
IProgram 5: Imfundo noQeqesho oluQhubelekayo .....	75
IProgram 6: Imfundo noQeqesho IwaBadala .....	82
IProgram 7: UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo .....	89
IProgram 8: linkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo .....	95

<b>3.</b>	<b>lNgxelo-mali zoNyaka .....</b>	<b>100</b>
	lNgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi ( <i>Audit Committee</i> ).....	101
	lNgxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ( <i>Accounting Officer</i> ) .....	106
	lNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele ( <i>Auditor-General</i> ) .....	114
	lNgxelo yoLwabiwo-mali ( <i>Appropriation Statement</i> ).....	120
	Ingcaciso ehamba neNgxelo yoLwabiwo-mali.....	130
	lNgxelo yokuSetyenziswa kweMali ( <i>Statement of Financial Performance</i> ).....	132
	lNgxelo yoBume beMali ( <i>Statement of Financial Position</i> ).....	133
	lNgxelo yokuTshintsha kwii-Asethi ii- <i>Net Assets</i> ).....	134
	lNgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali ( <i>Cash Flow Statement</i> ) .....	135
	lMigaqo-nkqubo yokuLawulwa kweMali ( <i>Accounting Policies</i> ).....	136
	Ingcaciso ( <i>notes</i> ) ehamba neNgxelo yoNyaka yokuSetyenziswa kweMali) .....	146
	Ingcaciso echaza amatyala ( <i>disclosure notes</i> ) kwiNgxelo zeMali zoNyaka .....	156
	IziHlomelo kwiiNgxelo-mali zoNyaka .....	168
<b>4.</b>	<b>ULawulo lwezaBasebenzi (<i>Human resource management</i>) .....</b>	<b>176</b>
<b>5.</b>	<b>Enye ingcaciso</b>	
	Izishunqulelo .....	208
	Uludwe lweenkukacha zoqhagamshelwano .....	209
	Imilinganiselo yeentsebenzo kwiiprogram zikazwelonke- iinkcazo.....	210

## I<sup>c</sup>andelo 1 – INgcaciso ngokuBanzi

### Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda

Oku kubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ulwazi lokufunda nokubhala kanye nolwazi lokubala olubhetele ezikolweni zaseprayimari
2. Inani nomgangatho ongcono wabo bapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukuncipha kwenani lezikolo eziqhuba kakubi

### Injongo ephambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenqubo yemfundo iphela
- Imfundu kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundu kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente
- IMfundu noQeqesho oluQhubelekayo kwiikholeji zeFET zikarhulumente
- IMfundu noQeqesho IwaBadala (*AET*) kumaziko emfundo oluntu
- UPhuhliso lweMfundu yaBantwana aBasaqalayo (*ECD*) kwiBakala R
- Amathuba oqequesho kootitshala nakwabangezotitshala
- Ukunika inkxaso umntwana ngokupheleleyo ngokwandisa ulwazi nge-HIV/AIDS; ukubonelela ngokutya abafundi abaqtshelwe njengabathwaxwa yintlupheko nendlala ukwenzela ukuba bafunde ngokuyimpumelelo; kanye nokukhuthaza ukuba indawo engqonge isikolo ibe yekhuselkileyo
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela kwabo ngeemeko zengqesho ezifanelekileyo, iiprogram zenkuthazo (*incentives*) nezempiro-qete yabasebenzi

### Imfundiso ezisisiseko

- Ukabaluleka komfundi okubekwa phambili
- Imfundiso ezisisiseko zoMgaqq-siseko woMzantsi Afrika noMqulu wamaLungelo (*Bill of Rights*)
- Ukugqwesa ngokuthi kubonelelw ngabasebenzi abangootitshala abaneenjongo eziphakamileyo nabaqhubela phambili, ngokubanika inkxaso nangokubaxhobisa
- Ukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Ukuthembeka nokugqwesa nokuba novelwano kwimisebenzi yolawulo nenika inkxaso
- Ukuphendula ngokukhawuleza kwiimfuno zezikolo
- Ukuqaphela nokungqina ukugqwesa kootitshala nenkxaso yokufikelela kule njongo

## **Ukuma kwestraksha seziko eli (organisational structure)**

ISebe leMfundu leNtshona Koloni likhokelwa yiNtsumpa-Jikelele. Mane amacandelo amakhulu, ngalinye likhokelwa liSekela Mlawuli-Jikelele. La macandelo makhulu ngala: EloCwangciso IwezeMfundu (*Education Planning*); EloLawulo IweKarityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Management*); EloPhuhliso noQuuzelelo IwamaZiko (*Institution Development and Co-ordination*) kunye neleeNkonzo zeZiko (*Corporate Services*).

### **Isigunyaziso somthetho**

UMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996)

(*Constitution of the Republic of South Africa, 1996 (Act 108 of 1996)*)

UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka-1998)

(*Constitution of the Western Cape, 1998 (Act 1 of 1998)*)

UMthetho weMfundu weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997)

(*Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)*)

UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996)

(*South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)*)

UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundu kaZwelonke, 1996 (uMthetho 27 ka-1996)

(*National Education Policy Act, (NEPA), 1996 (Act 27 of 1996)*)

UMthetho weMfundu noQeqesho oluQhubelekayo, (Act 16 of 2006)

UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundu noQeqesho ngokuBanzi, 2001 (uMthetho 58 ka-2001)

(*General Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (Act 58 of 2001)*)

UMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998)

(*Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)*)

UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999), njengoko ufakelwe izilungiso

(*Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)*),

UMthetho woLawulo IweMali yooMasipala, 2003 (uMthetho 56 ka-2003)

(*Municipal Finance Management Act, 2003 (Act 56 of 2003)*)

UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka

(*Annual Division of Revenue Act*)

UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994)

(*Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994)*)

UMthetho weGunya eliLawula iZiqinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho 58 ka-1995)

(*South African Qualifications Authority Act, 1995 (Act 58 of 1995)*)

UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (uMthetho 31 ka-2000)

(*The South African Council for Educators Act 9 (Act 31 of 2000)*)

UMthetho weMfundu noQeqesho IwaBadala, 2000 (uMthetho 52 ka-2000)

(*Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*)

### **Amaqumrhu enza ingxelo (reporting) kuMphathiswa**

Akukho nalinye

## INgxelo yoMphathiswa

Unyaka-mali ka-2010/2011, ubo ngunyaka obalulekileyo kulo rhulumente njengoko ibiyibhajethi yokuqala ebingqinelana ngokupheleleyo neepryorithi ezicwangcawe ngobuchule zorhulumente wethu njengoko kucacisiwe kwisicwangciso sentsebenzo sonyaka sethu.

Esi sicwangciso sijolise kwezona nkalo ziziiproryithi ezibalulekileyo ezilishumi ezinjongo yazo ikukuphucula ngokukhawuleza kakhulu umgangatho wemfundo efundiswayo kweli phondo, kuze ke ekuggibeleni kuphuculwe iziphumo zabafundi.

Ezi nkalo zibandakanya ukuphucula ulwazi lokufunda nokubhala, ulwazi lokubala neziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, ukwandisa uxanduva lokumelwa kukuphendula ngendima yakho (*accountability*) kwinkqubo le, ukwandisa ukubonelelw ngeencwadi zezfundo (*textbooks*), ngezakhiwo nokuphucula izikolo, ukuphucula uqequesho nophuhliso lootitshala nokuphucula ukwazi ukukhawuleza kuphendulwe imibuzo yoluntu ngendlela eyiyo nefanelekileyo liSebe iWCED

Ngalo nyaka-mali, singuRhulumente weNtshona Koloni singatsho ngokuzithemba ukuba sikhazile ukwenza inkqabela enku lu ekubekeni isiseko esiyimfuneko sokuba sifikelele kwezi njongo.

Ukwenza umzekelo, kulwazi lokufunda nokubhala, nakulwazi lokubala, iNtshona Koloni iqhubekile ukukhokela ilizwe liphela ekusetyenzisweni ngokubanzi kovavanyo lwabafundi. Kunyaka ophelileyo siyandisile iprogram yethu yovavanyo ngokuthi kuvavanywe abafundi beBakala 3 ne-6 omabini kunyaka omnye, endaweni yokutshintshanisa iminyaka saza sangenisa nabafundi beBakala 9 kule program okokuqala ngqa. Iziphumo zibe zezithembisayo nezibonise ububhetele kwiziphumo zabafundi kulwazi lokufunda nokubhala, nakulwazi lokubala.

Entloko kule nkqubo, liSebe iWCED lijolise ubukhulu bezibonelelo zalo ekuncediseni abafundi beBakala 12 nezikolo eziqhube kakubi. Ungelelo ngoncedo kwizikolo eziqhube kakubi lubandakanye ukunikwa inkxaso ngamandla kwezelawulo zii-ofisi zezithili zemfundo, ukunikwa inkxaso kwizifundo ezithile kwezikolo ngokwembali ezipaselwa kakubi, nokusiwa kweencwadi zezfundo ezonegezelwego kwiinkalo zezfundo ezibaluleke kakhulu. Olu ngenelelo ngoncedo lube yimpumelelo enku lu baza abafundi beKlasi ka-2010 baphucula ukupasa kwabo iMatriki kwakunye nokwandisa inani labapasileyo yaye kwancipha nenani lezikolo eziqhube kakubi.

Ngokumalunga noxanduva lokumelwa kukuphendula ngezinto eziluxanduva lwakho (*accountability*), mna neNtloko yeSebe sasayina iimvumelwano zentsebenzo (*performance agreements*) ekuqaleni konyaka ophelileyo ezisinxulumanisa ngqa nokuphuculwa kwiziphumo zabafundi. Saphinda sapasisa uMthetho oYilwayo oFakela iziLungiso kuMthetho weMfundu wePhondo leNtshona Koloni, (*Western Cape Provincial School Education Amendment Bill*), owenza uMphathiswa wePhondo akwazi ukuvelisa imimiselo ephathelele kwiimvumelwano zentsebenzo phakathi kweNtloko yeSebe neenqununu namasekela-nqununu ezinxulumanisa ngqa uvavanyo lwentsebenzo nomgangatho weziphumo zabafundi kuzo zonke izikolo.

Ukuphuculwa kweenkqubo zemisebenzi yesebe neesistim (*department's business processes and systems*) ukwenzela ukuqinisekisa ukuphendula ngokukhawuleza nokunika inkxaso izikolo, kube yeyona nto ephambili ekujoliswe kuyo ngo-2010/11.

Siyazingca ngendlela esiyitshintshe ngayo ngokupheleleyo inkqubo yezithuba zemisebenzi, ngokuthi sipapashe izintlu zezithuba ezesixhenxe ngo-2010, xa kuthelekisa nezintlu ezimbini kwiminyaka engaphambili. Ngokutshintsha amaxesha kwinkqubo yokuqeshwa kwabantu, siqinisekisa uzinzo ngakumbi ezikolweni. Oku kuyinyaniso ngakumbi kwimeko yeenqununu, apha sidla ngokufikelela kwimeko apha lowo usanda kuqeshwa engena phambi kokuba obambe isikhundla ashiye isithuba sakhe.

Imfundu esemgangathweni ixhomekeke ekufundiseni okusemgangathweni. Ngako oko ke, sisuse okungafunekiyo kwiiprogram zoqequesho nophuhliso lootitshala, ukwenzela ukuba zigxile ngakumbi, apha kunyanzelekileyo ukuqequesha kootitshala kwizikolo eziqhube kakubi nokunyenyiselwa kootitshala banikwe ukuba bazikhethetele okuthile kwizikolo eziqhube kakuhle.

Lo rhulumente ukholelwa ngakumbi kwinto yokuba iincwadi zezifundo (*textbooks*) zisisibonelelo esibaluleke kakhulu, yaye ngo-2010/11 iSebe iWCED laqabela ngaphaya kwemilinganiselo kazwelonke yesabelo-mali seencwadi zezifundo ngokwaba imali eyi-R123 yezigidi ukuba kuthengwe iincwadi zezifundo kwinkqubo iphela. lincwadi zezifundo ezongezelelweyo eziyi-15 000 zasiwa kubafundi beBakala 12 ngeprogram yokongezelela (*top-up programme*) iincwadi zokufunda (*reading books*) zanikwa izikolo ezikhethiweyo zamaBakala 1 – 6 zaza iincwadi zezifundo ze-maths zasiwa kuzo zonke izikolo zethu eziziiprayimari kuwo onke amaBakala 2 – 7. Sikholelwa ukuba oku kuza kudlala indima ebaluleke kakhulu ekuphuculeni izakhono zokubala kubafundi bezikolo eziziiprayimari.

Ngethuba lokuqhubeka konyaka-mali ophelileyo, iSebe iWCED labala laza labeka njengeprayorithi ephambili iimfuno zethu zeziseko zophuhliso laza lakhupha isicwangciso seziseko zophuhliso esiya kwenza kwakhiwe izikolo eziqsho eziyi-25 kule MTEF iqhubekayo ngoku, ukulungiswa kwezikolo eziyi-20 kutshintshwe izinto ezakhiwe ngazo ezingafanelekanga, kwakhiwe amagumbi okongezelela nokufakwa kweeklasi ezingoomahamba nendlwana apha kukho ingxinano engamandla kakhulu.

Siye safakela ngempumelelo iiyunithi ezingoomahamba nendlwana ezingaphezu ko-171 kwaze kwakhiwa okanye kwaqaliswa ukwakhiwa iiklasi eziyi-112. Ngo-2010/11 kwakhiwa izikolo ezilishumi kwaza kwatshintshwa ezine nezikwizigaba ezahlukeneyo zokwakhiwa kweli phondo, ukanti ezinye izikolo ezingamashumi amathathu zikwizigaba ezahlukeneyo zokwakhiwa.

Ezi zezinye zezinto ezibe yimpumelelo ezenziwe ngo-2010/11. Ibingunyaka obenomahluko owodwa, ngenxa yokuba ubeke iziseko zokuphunyeza kwesicwangciso esenziwe ngobuchule.

Nangona kunjalo siyazi ukuba kusenomgama ekufuneka siwuhambile ukuze sikuwazi ukufikelela kwiinjongo zethu ezicaciswe kwisicwangciso sethu kodwa ke iyasivuya inkqubela eyenziweyo ngo-2010/11.

Ngo-2011 siza kuqhubeka ukwakhela kwezi ziseko, ngakumbi ukuthagetha izigaba zokuqala zokufunda, ukwandisa ukubonelelwka kweencwadi zezifundo, ukuhlabela mgama kwisicwangciso sethu seziseko zophuhliso, kwakunye nokuqinisekisa ukuba iSebe lethu likulungele yaye lizimisele ukunika inkxaso efunekayo kwizikolo ezihluphekayo.

Siya kusoloko siqinisekisa ukuba iimfuno zabafundi zibekwa ekuqaleni, kwaye siya kwenza konke okusemandleni ethu esinako ukukwenza ukuqinisekisa ukuba ootitshala baphathwa njengezfundiswa eziqequeshiweyo nezixabisekileyo njengoko benjalo.

**Donald Grant**  
**UMphathiswa weMfundu wePhondo leNtshona Koloni**

## Isishwankathelo seGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso IweMali

### Ukwanda kumanani obhaliso

Lo nyaka ubonise iimpawu zokwanda kwamanani abafundi kuzo zonke iindidi zeenkalo eziphambili.

Icandelo	2009	2010	Umahluko
Abafundi beBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	46 100	50 726	4 626
Abafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	913 965	919 936	5 971
Abafundi kwiZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa	17 966	18 292	326
Abafundi abasisigxina beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	44 931	45 783	852
abantu abadala ababhalise kuMaziko eMfundu oLuntu	38 053	40 120	2 067
Abaviwa be-AET beLevel 4 qualifications	1 901	2 066	165
Abafundi kwiiKholeji zeFET	42 291	45 056	2 765

### Umgangatho ophuculweyo

Ukongeza koku kwanda kwamanani obhaliso, kukho ubungqina bokuphuculwa komgangatho wemfundo njengoko ulinganiswa ngeemvavanyo neemviwo zangaphandle.

#### *Ulwimi neMathematika kumaBakala 3, 6 no-9*

Ukususela ngo-2002 kuye kwakho uvavanyo oluqhutywa kwiphondo (*provincial testing*) lwabafundi beBakala 3 no-6 kwiminyaka etshintshanayo (*alternate years*) ukwenzela ukufumanisa iingxaki ezikhoyo nokulandelela indlela abaqhuba ngayo abafundi. Ngo-2010 iSebe iWCED, okokuqala ngqa, lavavanya bonke abafundi beBakala 3, 6 no- 9 ukufumanisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwisikolo ngasinye kwiphondo. Oku ibikokokuqala ngqa kuvavanya abafundi beBakala 9. Inani lilonke labafundi abavavanywayo ngo-2010 ngu-227 899. Eli nani liphindwe kathathu kubafundi abavavanywayo kunyaka ngamnye kwiminyaka esibhozo edlulileyo. Ngokomndilili nje, zizikolo ezingaphezu kwe-100 ezavavanya ngosuku ngalunye kusetyenziswa abalawuli bovavanyo (*test administrators*) abayi-200. Uvavanyo IweBakala 9 ibiluvavanyo olulingwayo (*pilot exercise*) ukwenzela ukuba kumiselwe uvavanyo lokwandlalela. Iprogram yovavanyo yandiswa ngenxa yokusingathwa ndawonye (*centrality*) kovavanyo kwisiCwangciso *iLiteracy and Numeracy Strategy*.

Iziphumo zovavanyo zabafundi beBakala 3 no-6 zibonisa ukuphucuka kwezi nkalo zilandelayo:

IBAKALA 3			IBAKALA 6		
ULwazi lokuBala	I-% Yaba-pasileyo	I-avareji %	I-Mathe-matika	I-% Yaba-pasileyo	I-avareji %
2008	35,0%	39,5%	2009	17,4%	31,9%
2010	48,3%	48,0%	2010	24,4%	39,2%
	+ (13,3%)	+ (8,5%)		+ (7,0%)	+ (7,3%)
ULwazi loku-Funda nokuBhala	I-% Yaba-pasileyo	I-avareji %	Ulwimi	I-% Yaba-pasileyo	I-avareji %
2008	53,5%	50,5%	2009	48,6%	48,2%
2010	54,9%	50,7%	2010	52,3%	50,8%
	+ (1,4%)	+ (0,2%)		+ (3,7%)	+ (2,6%)

### **ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke:**

Unyaka ka-2010 ibingunyaka wesithathu weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke esitsha. Ibingunyaka apho iikota zesikolo zaye zatshintshwa ukulungiselela ukhuphiswano lweNdebe yeBhola iSokha yeHlabathi (*Soccer World Cup*) nekwathi kwangawo kwachaphazeleka ixesha lokufundisa neshedyuli yeemviyo ziintshukumo zogwayimbo. Nakuba bekukho ezi meko zoxinzelelo, kubekho ubungqina obubonisa inkqubela kuzo zonke ezi nkalo ziqatshelwego zokwanda kwamanani ngolu hlolo lulandelayo:

<b>ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke -2010</b>			
	<b>2009</b>	<b>2010</b>	<b>Ukwanda</b>
Abaviwa abasisigxina beNSC	44 931	45 783	852
Inani labapasileyo	34 017	35 139	1 122
Ireyithi yoKupasa	75.7%	76.8%	1.1%
Abafanele ukungena kwiZifundo zesiDanga	14 324	14 414	90
Abafanele ukungena kwizifundo zediploma	12 677	13 755	1 078

### **ISatifikethi sikaZwelonke (Vocational)**

La mabanga emfundu matsha eminyaka emithathu aqaliswa kwiiKholeji zeFET ngo-2007. Unyaka ka-2009 yaytingunyaka wokuqala wovavanyo lwabafundi benqanaba lokugqibela yaye kwapasa abayi-690. Ngo-2010, kwapasa abafundi *be-Level 4* abayi-1 370 NC (V) (beeKholeji zeFET), nekulinan eliphinde itotali yango-2009. Icandelo lijunge ngethembra koku kwanda kwamanani kuqhubekayo.

### **Intsebenzo ithelekiswa neethagethi**

Ukwanda kwamanani nomgangatho ekubhekisa kuwo ngentla apha kubonisa inkqubela eyenziwe liSebe iWCED xa kuthelekisa neenjongo ezintathu ezichaziwego: Intsebenzo ephuculwego kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala, iziphumo eziphuculwego zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokuncipha kwenani lezikolo ezingaqhubi kakuhle.

#### **Ukushwankathela:**

- Ngo-2010, ireyithi yokupasa yeBakala 12 yande yaya kutsho ku-76.8%, ukuze ngokwenjenjalo kuguqulwe imeko yokuhla komgangatho weziphumo kwiminyaka emi-5 ukususela ku-2004 – 2009;
- Kubekho ukuhla kumanani ezikolo eziphakamileyo ezingaqhubi kakuhle (izikolo ezinereyithi yokupasa engaphantsi ko-60% kwiBakala 12), ukuqala ku-85 ukuya ku-78 ngo-2010. Isabe iWCED ke ngoko liye layiguqula imeko emva kwethuba leminyaka emithathu elandelelanayo yokwanda kwamanani kwizikolo ezingaqhubi kakuhle.
- Iziphumo *kulwazi lokufunda nokubhala*, njengoko zilinganisiwe ngeemvavanyo zamaBakala 3 no-6, zibonisa inkqubela eyenziwego. Indlela ekuqhutwyne ngayo seyiyonke yile ilandelayo:

	<b>Ulwazi lokuBala kwiBakala 3</b>	<b>Ulwazi lokuFunda nokuBhala kwiBakala 3</b>	<b>IMathematika kwiBakala 6</b>	<b>lilwimi kwiBakala 6</b>
<b>Inani labafundi</b>	74 397	74 430	77 656	77 707
<b>Inani labapasileyo</b>	35 934	40 862	18 948	40 641
<b>lithagethi</b>	40%	55%	15%	45%
<b>Ireyithi yokupasa</b>	48.3%	54.9%	24.4%	52.3%
<b>Amanqaku angumndilili</b>	48%	50.7%	39.2%	50.8%

Amanqaku kwezi mvavanyo anika isikolo umfanekiso waso ngezo zinto sinokuzenza nciam nezo singenako ukuzenza. Ubungqina obungamaxwebhu aye esanda, buya kunceda iSebe iWCED ekomelezeni inkxaso yalo nasekunedeni izikolo ekwakheni iziseko eziyimfuneko ekufikeleleni kwimigangatho ephezulu kulwazi lokufunda nokubhala nakulwazi lokubala.

Inkqubela ethe gqolo kwindlela izikolo eziqhube ngayo kwizifundo isisiphumo sezwangciso ezicaciswe kakuhle neeprogram ezikolweni. IsiCwangciso soLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala (*Litnum Strategy*) sigxininsa kula maphulo mane aphambili alandelayo: limvavanyo zokufumanisa ingxaki (*diagnostic tests*), nocazululo, uqequesho lootitshala nenkxaso, ukubonelelwa ngezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa nokuthatha inxaxheba kwabahlali kwezemfundo.

Iprogram *iLiteracy and Numeracy Programme* ngo-2010 yabonelela izikolo ezizipriyimari eziyi-250 ngoqequesho olumandla (intensive training) nangenkxaso eqhubekela kumaziko yootitshala bamaBakala 1-6. Izikim zokufunda *ii-structured reading schemes* zabonelelwa kwizikolo eziziiprayimari eziyi-508. Esi sibonelelo sakhatshwa yinkxaso eziklasini. Iincwadi zezfundo zeMathematika zanikwa bonke abafundi kumaBakala 2-7 ngo-2010, ukulungiselela kwazo ngo-2011. Abafundi kumaBakala 1 – 3 baya kufumana iincwadi zezfundo kuzo zonke izifundo ngo-2012 nabo bakumaBakala 4 – 6 baya kunikwa ngokunjalo iincwadi zazo zonke izifundo ngo-2013. ISebe leMfundu esiSiseko labonelela ngeencwadi zomsebenzi kumaBakala 1-6, laza iSebe iWCED lanika inkxaso yokwensiwa kweenkonzo.

IProgram yokuPhucula iZikolo eziPhakamileyo (*High School Improvement Programme*) ijolise ekwandisei amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle. I-High School programme yaqala ngo-Januwari kwaye inendlela enomahluko eqhuba ngayo kuzo zonke izikolo eziphakamileyo kwiphondo. Kwizikolo apho kwapasa abafundi abangaphezu kwe-90% ngo-2009 zaye zanikwa inkxaso encinane, zaza ezo zifumene ireyithi yokupasa engu-60% – 89% zanikwa inkxaso ephakathi nokugxininsa kwizifundo ezithile ukanti kwezo zikolo bangaphantsi kwe-60% abapasileyo kwagxininiswa ngamandla kwisikolo siphela kwabo bafundi.

NgoJanuwari 2010 nango-2011, iSebe iWCED, libambisene nezikolo ezhaphazelekayo, lacazulula iziphumo zesikolo ngasinye, ngokwesifundo ngasinye nangokwepheda lemibozo ngalinye. Kwamiselwa izicwangciso, neethagethi ezihambelana nezikolo ngqo, ngokususela kolu cazululo. Kwamiselwa iithagethi ngesikolo nangesithili ngasinye zamanani okupasa abafundi abanokwamkelwa kwizidanga zokuqala (*B-degrees*). Kwabonelelwa ngabaniki-ngcebiso (*mentors*) kubafundi abasemngciphekweni. Iprogram yokufundisa kusetyenziswa ootitshala abaziingcali ekufundiseni, abavela ngaphakathi nangaphandle kweSebe iWCED, yaqala ngoMatshi yaza yandiselwa kuNovemba. Kwasasazwa ngamaza omoya izifundo ze *Telematics* kwizikolo eziyi-120. Inkxaso engamandla yabonelelwa ngaBacebisi ngezeKharityhulam kwezo zikolo zafumana ngaphantsi kwe-avareji yephondo (*provincial average*) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu. Bekukho iimviwo zikaSeptemba kuzo zonke izikolo neziye zaxhaswa ngabasebenzi besithili. Incwadana yeengcebiso zokufunda nephekhi yamaphepha emibozo yanikwa umfundi weBakala 12 ngamnye.

## **Inkxaso yokulungisa undonakele wethuba langaphambili.**

Kubekho ukwanda kweenkonzo zenkxaso kunyaka-mali ka-2010/11. Izikolo eziziiPrayimari eziyi-568 neziziiSekondari eziyi-108 kumaNqanaba 1-3 eNtlupheko kaZwelonke (*National Quintiles 1-3*) zixhamle izibonelelo ezongezelewyo ngolu hlobo lulandelayo:

	2009	2010	Umahluko
<b>Abafundi abaxhamla kwiprogram yesondlo (nutrition programme)</b>	334 287	415 829	81 542
<b>Abafundi abaxhamla kwinkqubo yokungabizwa zifizi</b>	349 373	365 112	15 739

Izikolo eziyi-50 ezitsha zabonelelwa ngokufakwa izixhobo zokuxhasa ukhuseleko (*safety support installations*) nenkqubo yesikim sothutho lwabafundi (*learner transport scheme*) yonjeza abafundi abayi-1 033, ukwandisa ukubonelelwa kwabafundi abayi-47 753 abathuthwayo yonke imihla ngo-2009 ukuya ku-48 786 ngo-2010/11.

## **Inkqubela kumgangatho wedatha**

ISebe iWCED liwomeleze ngakumbi umgangatho wolawulo lwedatha yalo ngo-2010/11. Ukulandeleta okuqhube ka kwicandelo le-ECD nokuphendula okungaphezulu malunga nezikolo ezizimeleyo kwisaveyi yaQho ngoNyaka yejona mizekelo iphambili, kodwa kukwakho inkqubela ebubungqina kwinkqubo yokulandeleta idatha yeeKholeji zeFET kwakunye nakwimeko yabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo. Idatha echanek ngokungaphezulu, ize nomahluko kwidatha yezembali ebingachanekanga. Idatha yengaciso engcono nethembeke ngakumbi iya kuba nefuthe ekumiseleni iithagethi nezigqibo ezimalunga nenkxaso.

## **Intsebenzo ngaphakathi kwiziko ngokubanzi**

ISebe leMfundu esiSiseko liqaphele eli qela lezalathi-nkqubela njengenxalenye ye-“Action Plan 2014”. Inani elikhulu kwezi livele kwi-WCED Five Year Plan yaye inkqubela ngakwithagethi zentsebenzo kwizifundo ilandeletwa kule Ngxelo yoNyaka. ISebe leMfundu esiSiseko liya kuniqa ingxelo ngeqela elipheleleyo lezalathi-nkqubela, zakuba zonke iinkcukacha zilungiswe ngendlela. Amanqaku e-Annual National Assessments (ANA), amiselwe liSebe leMfundu esiSiseko, aya kuba yinxalenye yale ngxelo.

## Icandelo 2- Ingaciso kwiinjongo esele zimiselwe

### 2.1. Intsebenzo ngokubanzo

#### 2.1.1. Iimali ezabiweyo

Uhlahlo-mali oluPhambili	Uhlahlo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	Eyona Mali kanye eSetyenzisiweyo	Inkcitho engaphantsi kwebibhajethelwe
R11,845,691,000	R11,998,212,000	R11,955,743,000	R42,469,000
UMphathiswa othweswe uxanduva	UMphathiswa wezeMfundu wePhondo		
ISabe eliBambe ezoLawulo	ISabe leMfundu		
IGosa elimele ukuphendula ngemicimbi yezemali	INTloko yeSebe, ISabe lezeMfundu laseNtshona-Koloni (ISabe iWCED) (INTsumpa-Jikelele yezeMfundu)		

#### 2.1.2. Injongo yoLwabiwo-mali

URhulumente waseNtshona Koloni unenjongo yokuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana bakhe ngokubabonelela **ngemfundo esemgangathweni**. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuhlala besesikolweni kangangelo thuba linokwenzeka baze bazuze ezona ziphumo zibhetele.

Ukwenzela ukuba kufikelelw kule njongo, ISabe iWCED liya kubonelela ngezi nkondo zilandelayo zingundoqo:

- Ucwangciso luhela nolawulo lwenkubo yemfundo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
- IMfundu noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET (*Further Education and Training*)
- IMfundu yaBadala noQeqesho (*AET*) kumaziko emfundo oluntu
- UPhuhliso lweMfundu yaBantwana aBasaqalayo (*ECD*) kwiBakala R
- Amathuba oqequesho kootitshala nakwabo bangezotitshala
- Ukunika inkxaso umntwana ngokupheleleyo ngokwandisa ulwazi ngeHIV/AIDS; ukubonelela ngokutya kubafundi abahluphekileyo nabafunyenwe yndlala ukwenzela ukuba bafunde ngokuyimpumelelo nokukhuthaza ukuba indawo engqonge isikolo ibe yekhuselekileyo
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubabonelela ngenkonzo yeemeko ezingundoqo zengqesho, iiprogram zenkuthazo (*incentives*) nezempilo-qete yabasebenzi

### 2.1.3. Isishwankathelo seeprogram

Imisebenzi yaho onke amasebe ezemfundo ephondo eMzantsi Afrika icwangciswe yaziiprogram ezsibhozo (8) ngolu hlobo lulandelayo:

Iprogram	Iprogram esekelayo
<b>1. Ezolawulo</b>	1.1 I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundu ( <i>MEC</i> ) 1.2 liNkonzo zeZiko 1.3 Ulawulo lwezeMfundu 1.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 1.5 ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundu ( <i>i-EMIS</i> )
<b>2. IMfundu yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo</b>	2.1 Izikolo zikarhulumente eziziiprayimari 2.2 Izikolo zikarhulumente eziziisekondari 2.3 linkonzo zokufundisa 2.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 2.5 IProgram yoKutyiswa kwaBantwana kaZwelone
<b>3. liNkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo</b>	3.1 Isigaba sePrayimari 3.2 Isigaba seSekondari
<b>4. IZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa zikaRhulumente</b>	4.1 Izikolo. 4.2 linkonzo zokufundisa 4.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
<b>5. liKholeji ze-FET (Further Education and Training)</b>	5.1 Amaziko karhulumente 5.2 linkonzo zokufundisa 5.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 5.4 Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango
<b>6. IMfundu noQeqesho IwaBadala olusiSiseko</b>	6.1 linkxaso-mali kumaziko abucala 6.2 linkonzo zokufundisa 6.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
<b>7. UPhuhliso lweMfundu yaBantwana aBasaqalayo</b>	7.1 IBakala R kwizikolo zikarhulumente 7.2 Ibakala R kumaziko oluntu 7.3 linkonzo zokufundisa 7.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
<b>8. liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo*</b>	8.1 intlawulo eziya kwiSETA 8.2 liprojekthi zegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango-HIV/AIDS 8.3 limviwo zangaphandle 8.4 Uqequeso lootitshala 8.5 iKapa eliHlumayo

\* Apha kukho umahluko omncinane phakathi kwamaphondo

## **2.1.4. Impumelelo kwiinjongo zeziwangciso eziphambili**

Ezona zinto ziypumelelo (*main achievements*) ekwanden i kwamanani abafundi nenqubela kwindlela abafundi abaqhuba ngayo zidwelise phantsi kwesihloko “*Isishwankathelo seGosa lezeMali* ” apha ngasentla.

### *UkuMelwa kukuPhendula*

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngendlela yeemvumelwano zeenkcazo zomsebenzi neemvumelwano zentsebenzo. Amagosa akwaNdlunkulu athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo nasezikolweni yaye izithili zemfundo zithweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso emayinikwe izikolo nangendlela abaqhuba ngayo abafundi. Izikolo zamiselwa iithagethi emazifikelelwe zokupasa kwabafundi kumaBakala 3, 6 no-12. Amagosa ezithili abeka esweni inkubela eyenziwa zizikolo ekudaleni iimeko eziyimfuneko ukuze kufikelelwe kwezi thagethi. Ukuya esikolweni kootitshala nabafundi nokusetyenziswa kosuku Iwesikolo ngeyona ndlela enenzozo enkul, ibe zezona nkalo kujoliswe kuzo.

Ukuphendula ngokuqhube ka esikolweni kuya komelezwa ngamandla ukususela ku-2011 ngokusetyenziswa koMthetho weMfundu wePhondo leNtshona Koloni oFakelwe iziLungiso, 2010 (*Western Cape Provincial School Education Amendment Act*) (uMthetho 7 ka-2010) (Act No 7 of 2010), oqale ukusebenza ngoJanuwari 2011.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kwandiswe ngeendima zokongamela ezidlalwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo nokaZwelonke (*Provincial and National Treasury*) ngokwemfuno ezinyanzelekileyo (*mandatory elements*) zemijikelo yeziwangciso neyokwenza ingxelo (*planning and reporting cycles*) nejongene nayo yomibini imibandela yezemali nenyeziyo eyezemali. Amathuba okunika ingxelo asusela kwawaqho ngenyanga (umz. ezemali) ukuya kwawaqho ngonyaka. Onke amacandelo akwiSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundu esiSiseko okanye iSebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho) (*Higher Education and Training*) apho kulondolozwa khona iingxelo ezilandeelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeWCED ezithi zilandelelw ngenkubo ye-*Provincial Dashboard*.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula ebalulekileyo yobudlelwane obusemthethweni obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, olikumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke leziphumo zokufunda: obu budlelwane bungqinisiswa ekumodareyithweni kwangaphakathi kweenkubo zovavanyo nokubonelelw kwenkubo yovavanyo eyamkelekileyo.

### *Amaxesha empendulo ekhawulezileyo nenkxaso*

UNdlunkulu neSebe iWCED baye bahlenga-hlengiswa ukwenzela ukuba kulungiswe ngokufanelekileyo ukwenziwa kweenkonzo nokuba kujongisiswe izigxeko ezibhekiswa kwinkqubo yokwenziwa kweenkonzo engangqinelaniyo. ISebe iWCED liyaqhube ka nokuphonononga iinkqubo zesitraktsha esiggibeleyo neenkubo zoshishino (*optimum structure and business processes*) ekwenzeni iinkonzo ezikolweni.

Bekukho ukuya kuthi ga ngo-2009, izintlu ezimbini zezithuba zengqesho zootitshala. Ukulungiselela u-2010 bekucwangcise we izintlu zezithuba ezintlanu. Izithuba zeenquunnu zabhengezwa kwigazethi nganye. linkqubo zoshishino eziphuculweyo zikhokelele kwixesha lokuguqula indlela ekuqhutya ngayo yeentsuku ezilishumi (*ten day turnaround time*) ukulungiselela ukuqeshwa kweenqununu yaye isiggibo sokuba kuveliswe ezinye izintlu ezimbini, olunye ngoSeptember nolunye ngo-Oktobha 2010. Le nkqubela inciphise amathuba aphi ootitshala bebekwizikhundla zokubambela nokusetyenziswa kootitshala abangesosigxina yaye yafaka igalelo kwimeko ezinzileyo esikolweni.


ISebe iWCED lahlule phakathi amanani eentsuku ezithathiwe yo ekusingatheni inkqubo yekhefu *iPolicy and Procedure on Incapacity Leave and For Ill-Health Retirement (PILIR)* ngokunceda abenzi-sicelo ekuzaliseni iifom zabo ngokuchanekileyo, ukukhawulezisa izicelo, ukuggiba izicelo zomhlala-phantsi ngenxa yokugula kwiintsuku eziyi-7 zokufumana isigunyaziso esivela kuBalawuli *beHealth Risk Management*, ukunxibelelana nabenzi-sicelo, ukucebisa abenzi-sicelo abangaphumelelanga ukuba babuyele esikolweni okanye bajongane nezohlwayo nokuhlangana rhoqo neeMibutho yaBasebenzi (*Labour Unions*), ukujongana nezikhalazo ezithe zavela kule nkqubo.

Kuqulunqwe isicwangciso ukwenzela abasebenzi abangaphezu kwemfuneko ukuba bafakwe ezindaweni, kwanabo babenikwe ibhasari abazii *Funza Lushaka bursary holders*, njengootitshala abasisigxina okanye ababambeleyo.

I-CEMIS yisistim yekhompyutha esisixhobo esisebenza ngempumelelo sokulawula ubhaliso Iwabafundi nokubalandelela kwinkqubo yezemfundo. Inika inkxaso ngokuthe ngqo kwiinkqubo zeemviwo, ezeemvavanyo nobhaliso yaye ibonelela ngedatha yokubalwa kwezithuba ezabelwa amaziko nokwenza iisaveyi ekhompyutheni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo eziineemfuno ezizodwa. I-CEMIS ibonelela ngedatha yabafundi ukwenzela iinjongo zokucwangciso nolawulo. Intshayelelo yokulandelela abafundi nge-web-enabled *i-SAMS* sisiqalo sokufikelela kwidatha engaphezulu yezikolo. Ngokwangoku iyalingwa apha kwiphondo ngokubanzi.

Ukwenziwa kwesaveyi yangoFebruwari kwikhompyutha *iFebruary online SNAP survey administration* neyangoMatshi *i-March Annual School Survey (ASS)* zaqhutywa ngokwezicwangciso yaye amanani abafundi be-ASS yethutyana (*provisional ASS learner numbers*) afumaneka ekupheleni kukaMatshi 2011. Kwaqhutywa isaveyi yonyaka yezikolo kubafundi beMfundu eneeMfuno eziZodwa, yaza yensiwa yafumaneka idatha ngoSeptember 2010. Kwaqhutywa *i-SNAP* saveyi yezikolo zabafundi bemfundu eneemfuno ezizodwa ngo-2011 nge-1 Matshi 2011 aza amanani abafundi afumaneka engadlulanga u-Apreli 2011.

Isistim *i-District Management Information System (DMIS)* yaqalisa ukusebenza ngokupheleleyo kuzo zoyi-8 izithili zemfundo ngo-Apreli 2010. Amagosa ezithili zemfundo asebenzisa le sistim ukucwangcisa, ukufaka nokujonga iingxelo zalo lonke ungenelelo ngoncedo olwenziweyo ezikolweni. Kule thebhile elapha ngezantsi, *i-axis* ibonisa inani leengxelo ezifikwe kwisistim kwinyanga echaphazelekayo.



#### *Inkxaso eNikwa oo Titshala no Phuhliso*

iSebe iWCED liqhubekile ngenjongo yalo ecacisiweyo yokunika inkxaso ebonakalayo kootitshala kwinkalo eziqatshelwe ngootitshala ngokwabo. Oku kwensiwe ngokuthi kuncitshiswe uxinzelelo kotitshala ekwenzeni imisebenzi yezolawulo nokuya qho koomasifundisane neentlanganiso.

Ekubeni kuthathelwa ingqalelo oku, kwathunyelwa ezikolweni ngo-2009 nango-2010 iiKhalenda zoCwangciso (*Planning Calendars*), ezazidwelise imihla ebalulekileyo, enjengeyokuqala nokuggiba iimviwo, neminye imihla ebekiweyo yokwenza imisebenzi yezolawulo, phambi kokuqala konyaka wezifundo ngamnye ukunceda izikolo ukuba zicwangcise kuselithuba elide ngaphambili.

Ukongeza aphi, iSebe iWCED lazibophelela ukwazisa izikolo ubuncinane kuseyinyanga ngaphambili ngazo naziphi na iintlanganiso, yaye aBalawuli beZithilili zeMfundu babamba iintlanganiso ezizodwa nootitshala ukuxxa ngezicwangciso zika-2011 nokubabulela ngomsebenzi wabo. Le program yenkhoso eyahlukanisiweyo yezikolo yathetha ukuba kwabonelela ngenkhoso efanelekileyo nengaphezulu ezikolweni nakoomasifundisane abaqhutywa ndawonye.

Ukugcinwa kweerekhodi zolawulo kuncitshisiwe kakhlulu, ingakumbi ngokumalunga novavanyo Iwabafundi. Bekukho amabhaso ephondo ootitshala abaggwesileyo, emva kwenkubo yokhetho ebiyimpumelelo. La mabhaso anika ingqwalasela kwimpumelelo eyenziwe ngootitshala nokuba beze nezinto ezintsha.

Uphuhliso loottitshala abaqeqlieshiwe oluqhubeoka okokoko kwiSebe iWCED yinkalo ephambili ekugxininiswa kuyo. Ngo-2010 Iwabandakanya ukubonelelwa ngeebhasari nangeendidi zeekhos, iisemina neenkomfa e-Cape *Teaching and Leadership Institute (CTL)*.

Ilibhasari zaphambi kokungena enkonzwensi zanikwa ootitshala ababonisa umdra nabanolangazelelo (*aspiring teachers*), lokuqhubeoka nezifundo ezingabileyo kwinkalo ezifana neMathematika, iSayensi, iThekhinolaji neSigaba seSiseko. Isixa-mali esiyi-R5 yezigidi senziwa safumaneka kulo nyaka yaye kwafumana abafundi abayi-126 iibhasari. Bayi-14 abaggiba izifundo zabo ngo-2010, bayi-112 abaqhubekayo ngo-2011. Kwakhutshwa iibhasari eziyi-15 ezintsha ngo-2011. Ootitshala abaqeqlieshwa besenkonzwensi bafumana iibhasari ezintsha eziyi-919 ukuphucula amabanga abo emfundo ngeeprogram ze-ACE kwinkalo ezahlukeneyo. Baya kuggiba izifundo zabo ngo-2011.

Uqequesho lo gama usenkonzweni nophuhliso lukwenziwa yi-CTLI. likhos i zoqequesho eziyi-29 zaqhutielwa ootitshala beSigaba seSiseko, iSigaba esiPhakathi neSigaba saBadala, bayi-811 ootitshala abeza kwezi khosi zeveki ezimbini ukuya kwezintathu kulo nyaka-mali. Ziyi-337 iinqununu namalungu eekomiti yolawulo lwasikolo afumana uqequesho ngokusetyenziswa kweekhosi zolawulo eziyi-10 ezaqhutya ngeli thuba. linkomfa neesemina kwi-Mathematika nakwi-*Reading* nezeeNqununu zafikelela kootitshala neenqununu eziyi-2 230.

#### *ULawulo IweSikolo noBunkokeli*

Ugxiniso kulo nyaka belusekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nakuphuhliso nenkxaso kwiiqununu ebezingenawo amava, okanye ebezifuna ukunikwa ingcebiso engaphezulu, okanye ezinomdla wokuphucula amabanga emfundo yoqequesho kune/okanye ukuqhubela phambili nezfundo.

Ukwenzela ukuba kwandiswe uzinzo kulawulo ezikolweni, inkubo yokuggibezela ukuqeshwa kweenqununu zezikolo ngaphandle kokulibaziseka, yaba yinto eqwalaselwa kuqala. Ukwanda kwenani lezithuba zengqesho kwanceda ekuqinisekiseni ukuba izikolo zingaesha ngexesha elililo, zaze ngokwenjenjalo zaqinisekisa utshintsho olungenamagingxingxi kubunkokeli nokuphazamiseka okungengako kwinkqubo yesikolo.

Ziyi-147 zizonke iinqununu ezaqeshwa ngo-2010. Zonke izithili zemfundo zabamba iiseshoni zoqhelwaniso nomsebenzi (*induction sessions*) zabo baqeshiweyo. Inqununu nganye esanda kunyulwa yabekwa kune nongumcebisi wayo ukususela ngoJanuwari 2011. Ezinye eziyi-45 iinqununu zabekwa kwiiprogram zokufumana iingcebiso ezsenthethwenti neSebe iWCED lalugqiba uphando oluncinane ngenqubo yokunika iingcebiso ukwenzela ukomeleza iprogram yoqequesho.

Bayi-152 abaphathi bezikolo ababhalisela *i-Advanced Certificate in Education: School Leadership*.

I-CTLI yenza uqequesho lwbaphathi bezikolo abayi-337 kwizihloko ezibandakanya inqununu njengomphathi wekharityhulam; iindima nemisebenzi yamasekela-nqununu; iindima nemisebenzi yeentloko zezfundo (*heads of department*), zeenqununu ezibonisa umda nolangazelelo neenkokeli zesikolo; ukuqhelisa kweenqununu namasekela-nqununu; iikomiti zolawulo lwasikolo nabasetyhini abakulawulo.

#### *lincwadi (texts) neZibonelelo zoKufunda eziseMgangathweni (Quality Texts and Materials)*

Ikhubalo elingundoqo xa kulungiselelwa ukufunda nokufundisa (*teaching and learning*) kukubonelelwa ngeencwadi ezifanelekleyo nezinye izibonelelo zokufunda. Kuthathelwa ingqalelo ukuqhubeka nokuthengwa kwakhona kweencwadi zezfundo neencwadi zokufunda okuqhubeka okokoko. Oku kunikwa inkxaso liphulo lokuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zabo ekupheleni konyaka ukwenzela ukuba iincwadi zibenako ukusetyenziswa kwakhona konyaka olandelayo.

Isebe lichithe i-R120 yezigidi kwiilayibrari zezikolo kwizikolo zamaNqanaba 1, 2 no-3 entlupheko kwithuba leminyaka emithathu yaye kuqaliswe iinkqubo zokubeka esweni nezinye ukuqinisekisa ukuba ezi zibonelelo zisetyenziswa ngokupheleleyo. Ukongeza, ngo-2010/11, isikolo sikarhulumente esiyisekondari ngasinye sabonelelwa ngeseti yeencwadi ze-HIV/AIDS, ezixabisa i-R2.1 yezigidi, kwilayibrari zazo. Ukubonelelwa ngeencwadi zelayibrari kwezikolo ngale ndlela kukwanika inkxaso uphuhliso lolwazo lokufunda nokubhala.

Ngo-2010/11 iSebe iWCED lityale i-R123 yezigidi kwiincwadi zokufunda neencwadi zezifundo. Kwabonelelwa izikolo eziyi-508 ngezikim zokufunda zoLwimi lwaseKhaya kwaza kwabonelelwa izikim zesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwizikolo zaseprayimari eziyi-158 apha ulwimi lokufunda nokufundisa isisiXhosa. lincwadi zeMathematika zabonelelwa kubo bonke abafundi kumaBakala 2-7. Ukongeza, bonke abafundi abafunda *iLife Sciences*, njengesifundo kwiBakala 12, babonelelwa ngeencwadi zezifundo ze*Life Sciences*.

Ukuqinisekisa ukuba ukufundisa kuxhaswa ngezibonelelo, ziyi-196 izibonelelo zekhompyutha ezintsha ezabonelelwayo, inani elingaphezu kwethagethi engu-160 yonyaka. Kwangaxeshanye, ziyi-83 izibonelelo zekhompyutha ezidala ezahlaziwayo. Ziyi-117 iibhodi ii-*interactive whiteboards* ezaphiwa izikolo zaza zafakwa. Zonke ezi bhodi zafakwayo zixhotyiswe nge-software efanelekileyo yaye ootitshala baqeqliwiwe ekusetyenzisweni kwethekhinoloi.

Ezinye izibonelelo zekhompyutha ezifakiwego zisondeze iSebe iWCED kufutshane nokuggitywa kweprojekthi yeKhanya, eyaba yiprojekthi yebhongo yokubonelela zonke izikolo ubuncinane ngelebhu enye yekhompyutha ekupheleni konyaka-mali ka-2011/12. Ngo-2011/12 izikolo zokuggibela eziyi-156 ziya kubonelelwa ngezibonelelo zekhompyutha.

Iziko lewebhu leSebe iWCED libonelela ngezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa ezingqinelana namaziko ewebhu ezifundo ngqo. Iziko lewebhu livumela uluntu ngokubanzi ukuba ludlale indima kwezemfundo apha kwiSebe iWCED ngaphakathi.

#### *Iziseko zophuhliso*

Amanani obhaliso lwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (AmaBakala 1–12) andile ngo-17 894 ukususela ngo-2006, kwizikolo zikarhulumente zabafundi bemfundu eneemfuno ezizodwa ande kwangeli thuba linye ngo-1 829, yaye kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente ande ngo-20 681. Oku kwanda kubangela imfuneko yeprogram eqhubeka okokoko yeziseko zophuhliso zeprogram yokwandisa. Phakathi ko-2009 no-2010 yedwa amanani obhaliso ande ngolu hlobo lulandelayo:

Icandelo	Ukwanda ukususela ngo-2009
Abafundi beBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	4 626
Abafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	5 971
Abafundi kwiZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa	326

Isicwangciso seziseko zophuhliso kwi-Medium Term Expenditure Framework (MTEF) ukususela ngo-2010 – 2013 saqwelasela izibonelelo zeziseko zophuhliso saza saqaphela ezi nkalo zilandelayo zophuhliso:

- Ukungasetyenziswa kweeklasi kwizikolo ezikhoyo
- Ukwakha iiklasi ezintsha kwizikolo ezikhoyo ukuphelisa ingxinano (*over-crowding*)
- Ukwakha izikolo eztsha, kubandakanywa nezikolo zemfundu eneemfuno ezizodwa, ukuphelisa uxinzelelo kwindawo yokuhlala (*accommodation pressures*)
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye iiklasi ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga
- Ulondolozo nolungiso lwazakhiwo
- Ukbonelelwa ngeeklasi zeBakala R
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweehostele
- Ukuphononongwa kwakhona kokuqeshisa ngezakhiwo zesikolo

Ukongeza, ukubonelelwa nokusetyenziswa kweklasi ezingoomahamba nendlwana kuhleli kuyimfuneko ukwenzela ukubonelela ngendawo yokuhlala kwiimeko zeemfuno ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga. Isicwangciso seMTEF ke ngoko siphakamisa:

	Ezitsha	Ezitshintshwayo	Itotali
Inani lezikolo :	26	23	49
Inani leeklasi	768	583	1 351

Iziseko zophuhliso ezacwangciselwa ukwakhwa ngo- 2010/11 zidweliswe apha ngezantsi, kunye namanani ezo ziza kwakhwa.

Udidi	Ezithagethiweyo	Inani kanye lezikolo
Izikolo ezitsha	5	5 (3 ezingoomahamba nendlwana)
Izikolo ezitshintshwayo	3	1
liklasi zeBakala R	64 (ukusuka ku-2009) + 50 (2010)	94
liklasi zokuphungulela ( <i>Relief Classrooms</i> )	Akukho zithagethi zimiselweyo kodwa ibhajethi eyandisiweyo yavumela iiprojekthi ezongezelelweyo eziziiprayerithi.	106 (+14 engad-lulanga uMeyi 2011)
Ukwandisa kweeklasi		23
liklasi ezingoomahamba nendlwana		181

Ukongeza, iiholo zezikolo ezi-3/iiforam nezindlu zangasese eziyi-32 zakhiwa zaggitywa (kwizikolo ezizipryimari) kwakhwa nezindlu zangasese eziyi-81 (kwizikolo eziphakamileyo).

#### *Ulondolozo*

UNDLUNKULU weSebe iWCED wenza umsebenzi wolawulo lwazo zombini, ulondolozo olucwangcisiweyo nolweentleke. Sele icwangcisiwe inkubo yokuqaphela iiprojekthi ukwenzela ukunciphisa izinto ezingeyomfuneko yaye isithili semfundo ngasinye singenise uluhlu lwezikolo eziyiprayerithi. Ngokususela koku, izintlu zolondolozo olucwangcisiweyo ukuya kufikelela ku-2012/13, sele zenziwe yaye kuphandwa ngokudibania iiprojekthi zolondolozo (ukulungiselela iinjongo zokhuphiswano ngamaxabiso (*tendering purposes*)). Ziyi-487 iiprojekthi zizonke ezaggitywa kulo nyaka-mali ngemali eyi-R8,9m yezigidi eyabelwe ulondolozo olungxamisekileyo ne-R8m yezigidi, yenxaso-mali yolondolozo olucwangcisiweyo.

#### *Ukuthwaxwa yiNtlupheko noKulungisa umonakalo wethuba langaphambili*

Imali ezasetyenziselwa ukujongana neenkitho kwezemfundu, iMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni, ziyaliganiselwa ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abahlelelekileyo zabelwe iimali ezingaphezulu.

INqanaba leNtlupheko	Inani lezikolo	Isixa se-R ngomfundu
NQ 1	323	855
NQ 2	163	784
NQ 3	189	784
NQ 4	321	431
NQ 5	456	202
<b>Itotali</b>	<b>1 452</b>	<b>539 (i-avareji)</b>

Onke amacandelo emithombo yeemali ezisetyenziswa ngokokubona kwalowo ungumsebenzisi (*discretionary funding streams*), afana neprogram yezikolo ezingabizi zifizi nokwabelwa kwezikolo ootitshala abongezelelweyo, ibhekisa ngakwicala lokulgisa umonakalo wethuba langaphambili (*historical disadvantage*) ukuphelisa ifuthe lentlupheko. Umgaqo-nkubo wezikolo ezingabizi zifizi isetyenziswa kumanqanaba 1, 2 no-3 entlupheko kazwelonek ekuye kwaxhamla abafundi abayi-365 112.

<b>Imeko yeefizi</b>	<b>Inani eliyitotali yezikolo</b>
Ezingabizi zibizi	675
Isikolo ezibiza iifizi	777
<b>Itotali ePheleleyo</b>	<b>1 452</b>

Amagosa amaninzi abelwe umsebenzi kwezo ndawo aphi zinzi kakhulu izikolo ezithwaxwa yintlupheko (*needy schools*). Izikolo ekugxilwe kuzo zeendidi ezahlukeneyo zinika amathuba okufunda kubafundi abangenako ukufikelela kwezi zifundo kwithuba elidlulileyo. Iprogram ezinikwe inkxaso-mali ziqhutywa kwezo zikolo eziwela ngokuba rezona zihlwempuzekileyo ngokwamanqanaba entlupheko kazwelonek, (*Quintiles 1-3*). Ezi program yi-*Quality Improvement, Development, Support and Upliftment Programme (QIDS-UP)* neProgram yeSondlo yeZikolo (*School Nutrition Programme*).

Ngo-2010, ziyi-568 iZikolo eziziiPrayimari neziyi-108 eziziiSekondari ezaxhamlayo kwi-QIDS-UP programme kumanqanaba 1-3 entlupheko. Yi-60% yezbonelelo zolwabiwo-mali eya kwizikolo eziziprayimari ne-40% eya kwizikolo eziphakamileyo. Iindidi ezibanzi zamaphulo okuphucula umgangatho axhaswa ngezimali (*funded improvements*) zezi: izakhiwo nendawo ezingqongileyo ephuculweyo, izbonelelo zekharityhulam eziphuculweyo nophuhliso loottitshala.

Amaphulo ongenelelo goncedo abandakanya: ukuhlaziya kwezakhiwo zeehostele zezikolo eziyi-33; uqequesho kwezelayibrari; iphulo iTelematics Intervention laBafundi beBakala 12 kwizikolo eziyi-120; ukuthengwa kweekhihti zeMathematika zabafundi beSigaba esiPhakathi kuzo zonke izikolo eziziiprayimari kumanqanaba 1-3 entlupheko kunye noqequesho loottitshala ekusetyenzisweni kwezi zixhobo; ukuthengwa kwezixhobo zePhysical Education ukwenzela ukusetyenziswa kwiSigaba seSiseko neSigaba esiPhakathi.

I-National School Nutrition Programme ibonelela abafundi abayi-415 829 ngokuya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziyi-1 000 eziziiPrayimari, eZikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa neZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo. Bonke abafundi kwizikolo eziziisekondari zamanqanaba entlupheko 3 badityanisa kwiprogram kwikota yokuqala ka-2011, ukuze ngokwenjenjalo kwandiswe iprogram ukuba ibandakanye zonke zikolo ezikumanqanaba 1- 3 entlupheko. Oomasfundisane baqhutyelwa abantu abaphatha ukuya abangamavolontiya, ukhuseleko lokuya nokhuseleko lokusebenzisa igesi (*food and gas safety*) nocceko. Ootitshala, abazali nabafundi baqhutyelwa iikhosi ezingokuveliswa kokuya. Kwasekwa iigadi zemifuno eziyi-23 ezongezelelweyo kwizikolo ezithagethiweyo.

Inkubo yothutho lwabafundi njengangoku, ibonelela ngezithuthi eziziibhasi ukuya nokubuya esikolweni kubafundi abayi-48 786, ikakhulu abakwiindawo zasemaphandleni.

Ziyi-491 iitshala ezongezelelweyo ezafumana uqequesho /weHIV/AIDS Life skills. Bayi-202 ootishala bamaBakala 10-12 *beLife Orientation* abafumana uqequesho kwiprogram ebizwa ngokuba yi- "Today's Choices". Ukudibanisa ulwazi nge-HIV/AIDS kuzo zonke izifundo, bayi-63 abacebisi ngezekharityhulam abaqheliwa kule nkqubo. Iprogram zokufundisana kootitshala (*peer education programmes*) zaqhube ka ezikolweni ngo-2010. Izibonelelo zokufunda zamaBakala R-7 nezamaBakala 8-9 zasiwa ezikolweni. Bayi-616 abantu abafumana uqequesho kwi-*"Schools as Nodes of Care and Support"*.

Iprogram yeZikolo eZikhuselekileyo ineenkalo ezi-6 ekujoliswe kuzo: ukuphucula iziseko zokulawula ulwaphulo-mthetho (*crime control infrastructure*); ukomeleza iisistim zolawulo lokhuseleko lwezikolo; ukwakha umoya wemvano phakathi kwabahlali nesikolo; ukunqanda ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi; ukuqinisekisa ukuthotelwa komthetho ngokufanelekileyo nokuhlanganisa ukhuseleko lwezikolo namaphulo othintelo lolwaphulo-mthetho asekelwe naxhaswa ngabahlali ngokubanzi. Zingamashumi amahlanu izikolo ezitsha ezafumana iziseko zophuhliso zokhuseleko ezingundoqo (*motorized gates*); ilgeythi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo (*pedestrian monitoring gates*); iisistim ze-alam (*alarm systems*) eziqhagamshelene kwi-*armed response*; iingingo ii-barbed wire nee-mesh wire; ii- burglar bars) nezithe zaxhamla kuqequesho lwee-peer mediators. Lingingo kwizikolo ezsengozini zalungiswa; likhamera iiCCTV cameras zafakwa kwizikolo ezikhethekileyo kwabonelelwa nangokhuseleko ngethuba leholide apho kuyimfuneko. Uqequesho kwi-*Occupational Health and Safety and Disaster Management* lwabonelewa, kwakunye noqequesho kumgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo zokuvavanyelwa iziyobisi zabonelelwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkubo zokusetsa nokuhlutha iziyobisi notywala nokubonelelwa ngeditektha ii-hand held metal detectors kwizikolo eziyi-50 ezizezinye ezikhethiweyo. Ziyi-R3.26 izigidi ezabelwa ibhajethi yokuquela okungekehli (*contingency budget*) ukuphendula kwiimfuno zokhuseleko olungxamisekileyo kunyaka-mali uwonke. Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo namahlakani kune namasebe karhulumente nee-NGOs.

### **2.1.5. Inkazo ngemeko engqonge ukwensiwa kweenkonzo (service delivery environment) ngo-2010/11**


Uxwebhu lwehondo iStrategic Statement for Education 2010 to 2019 lwapapashwa ngoNovemba 2009. Isicwangciso sicacisa ukuba "URhulumente waseNtshona Koloni uya kuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana kwiphondo ngokubabonelela ngemfundu esemgangathweni. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuhlala besesikolweni kanganelo thuba linokwenzeka baze bazuze iziphumo eziggwesileyo. Kuza kujoliswa, nangakumbi, ngeli thuba 2010 – 2019 ekuphuculen iizakhono zokufunda, ukubhala nokubala zabafundi. Ithuba eliqalela ku-2010 – 2014 liya kumisela ezi ziseko zolu phuhliso. Kwithuba eliqalela ku-2014 –2019 abantwana beli phondo baya kuvuna iziqhamo zale nkqubo eseles ilungisiwe yephantsi kolawulo yokufikelela kwiithagethi ezimiselweyo".

Ukuphucula ukwensiwa kweenkonzo ezingundoqo okwensiwe kulo nyaka uchaphazelekayo kubandakanya oku kulandelayo:


Inkonzo ephuculweyo yeSebe iWCED eyenzelwa izikolo yabandakanya oku kulandelayo:

- Ukutshintshwa kwenkqubo kwiiinkalo zonke ukuba ibe nokufikelela kumanqanam (*goals*) okuphucula indlela izikolo eziqhube ngayo kwizifundo. Oku kubandakanya ukumiselwa kwezitraktsha ezimelwe kukuphendula ukuqinisekisa ukuba iithagethi zemfundo (*academic targets*) ezimiselwe zizikolo ziba ziziphumo zokwenziwa kwenkonzo ngamagosa eSebe iWCED kuwo onke amanqanaba.
- Izibonelelo (ezingabasebenzi, izibonelelo ezizincwadi (*text*) neziyimali) zisetyenziselwe ukuphucula inkxaso enikwa izikolo. Amanyathelo athathwayo abandakanya ukulungiswa ngokutsha kwezithuba zengqesho apho, umzekelo, kwaye kwapapashwa izithuba zokubambela zabasekondiweyo kwaza kwabonelelwa nangezithuba ezongezelelweyo kwezo zikolo zizifunayo.
- Ukwensiwa nokwandiswa kwesicwangciso seZiseko zoPhuhliso esonga iindleko sayipratorithi ephambili esiza nezinto ezintsha sokujongana nee-backlogs nokwanda kwamanani abafundi.
- Isigqibo sokuba ibe ngamagosa aqhuba iikhosi eCTLI, endaweni yokuba ibe ngababoneleli-nkonzo.
- Izithuba zakwaNdlunkulu kuwo onke amanqanaba ezithuba zange zizaliswe kwade kwaba kuqwalaselwe ngokutsha (*evaluated*) imfuno yezithuba nezitraktsha. Isiphumo soku kukuba amagosa makongeze eminye imisebenzi ukwenzela ukuba kubenokongwa imali ethe kratya yokusetyenziswa ekunikeni inkxaso ezikolweni. Okunxulumene noku ibe kukutshintshwa kokwenziwa kwemisebenzi ukwenzela ukuba uNdlunkulu athwale uxanduva lokunika inkxaso izikolo ezizimeleyo, kwaza ngaloo ndlela kwanika umtyhi kwizithili zemfundo.
- Unxibelewano nezikolo Iwaphuculwa ukulungiselela ukuba lusebenze kakuhle nangokufanelekileyo - umzekelo, kubonelelwe kwasekuqaleni ngekhalenda engeenkqubo zezinto eziza kwenziwa ngonyaka.
- Isigqibo sokuba kubekho izintlu ezintlanu (5) qho ngonyaka zezithuba zengqesho, xa kuthelekswa nezimbini zethuba langaphambili, ukwenzela ukuba kuqinisekiswe ukubanako ukuqwalaselwa imfuno yezikolo yootitshala bokufundisa.
- Kumiselwe iinkqubo zokunciphisa ukuphazamiseka kwexesha lokufundisa. Ezi nkqubo zibandakanya imbalelewano yokukhumbuza qho iinqununu nootitshala ukuba kufanele kungabikho ziphazamiso kwiprogram yokufundisa ngenxa yeendwendwe ezhambela izikolo, iiNGOs nezinye izinto eziqhube ka esikolweni. Zonke iintlanganiso nootitshala zifanele ukwenziwa emva kwemini, emva kokuphela kwexesha leeyure zesikolo zokufundisa eziqhelekileyo. Lincitshiswe kakhulu inani leentlanganiso neenqununu nootitshala. Kusetyenziswa ikhompyutha ukuhambisa ingcaciso enokuthunyelwa ngeli jelo. ISebe iWCED laphumeza umgaqo-nkqubo weehambo zokufunda zesikolo (*school excursion policy*) ocacisa ukuba isikolo masenze isicelo kumlawuli wesithili semfundo phambi kokuba abafundi bathathe uhambo lokufunda. ISebe iWCED lanika izikolo imihla ekunoqala ngayo iimviwo zangaphakathi (ngoJuni nangoNovemba), kwakunye nowona mhla uphambili wokugqiba iimviwo. Ikhosi zophuhliso lootitshala kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala ziqhutywa ngethuba leeholide zezikolo.

Kubalulekile ukulandelelela imigangatho yokwenziwa kweenkonzo (*delivery standards*). Isaveyi *iCustomer Satisfaction Survey* yokuqala yaqhutywa ngo-2009. Eyesibini yaqhutywa ngo-2010, inemibuzo eyongezelelweyo. Okubalulekileyo kukuba iimbono ezimalunga nokwenziwa kweenkonzo, kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo, kwabonisa inkqubela. Ukuqaliswa kwekomiti zeesekethe ngo-2009 kwaye kwanika ithembu. Ukureyithwa kwenkxaso eyenziwa zizithili zemfundo njenge-“ngaphezu kwe-avareji” kwaphinda-phindana ukususela kwi- 24% ngo- 2009 ukuya ku-47% ngo- 2010.



Inkonzo eyenziwe ngamagosa ala macandelo iMfundu eneeMfuno ezizodwa (*Special Needs*), eleKharityhulam eloLawulo nokuPhathwa kwaMaziko (*Institutional Management and Governance*) naBaphathi beeKomiti zeeSekethe (*Circuit Team Management*) zireyithiwe apha ngezantsi. Kuphela yi-4% abanike iimpendulo abareyithe iiKomiti zeeSekethe njengezinganeno “kwezanelisayo” yaza i-66% yazibona “njengesisemgangathweni” okanye “ezigqwesileyo”. Oku kutshintsha kube yireyithingi eyanelisayo engu- 98% “eyanelisayo nengaphezulu” ngo-2010 xa kuthelekiswa no-84% ngo-2009.



Njengenxalenyi yoqhelwaniso oluphuculweyo lwabenzelwa iinkonzo, elinye kumasango okungena akwaNdlunkulu weSebe iWCED laphuculwa, kwafakwa nabasebenzi ukuze libe liZiko leeNdwendwe (*Visitors' Centre*). Eli ziko libonelela ngendawo yokulinda nendawo yentlanganiso kumalungu oluntu atyelela iSebe iWCED. IZiko leeNdwendwe, iZiko leefoni, iziko lewebhu, neziko labenzelwa iinkonzo, onke aye asetyenziswa kakhulu yaye aneereyithingi eziphezulu ngo-2010.

Kunyaka ophantsi koqwalaselo, ugwayimbo lwachaphazela iiintsuku zokuhamba isikolo eziyi-16. Oku kwenza iiintsuku zomsebenzi eziyi-23 787. Izikolo eziyi-1 303 zabonisa ukubakho komahluko ekuphazamisekeni kwiprogram yokufundisa. Amaphulo ongenelelo ngoncedo phantsi kwe-High School Improvement Programme, anjengokufundisa ngesathelayithi (*satellite tuition*), iiklasi ezongeziwego (*extra classes*) nenkxaso ekufundiseni (*tutoring support*), omelezwa ngakumbi ukuqinisekisa ukuba ixesha lokufundisa alidlelelewanga.

Itheyibhile kwiphepha elilandelayo inika idatha yobhaliso lwabafundi kwinkqubo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zaseNtshona Koloni ukususela ngo-2000 – 2010 yaye ibonisa ukuhla nokunyuka kwamanani abafundi kodwa ikwabonisa nokwanda kwawo jikelele. Indlela eboniswa ngamanani obhaliso iyachatshazelwa lutshintsho, kwinganaba likazwelone, ngokumalunga nomgaqo-nkqubo yobudala bokwamkelwa komfundu esikolweni kwiBakala 1 ngo-2000, nowavumela izikolo ukuba zibhalise kuphela abafundi abaminyaka isi-7 kunyaka wokwamkelwa kokuqala ngqa. Ngenxa yoko, inani lokwamkelwa kwiBakala 1 lancipha. Kwathi ngethuba kwakutshintshwa imfuno engummiselo yobudala bokwamkelwa esikolweni ngo-2004, ngokuthi kuqaliswe omnye umgqaliselo, aphinde anda amanani obhaliso kwakhona.

Le theyibhile ingezantsi ikwabonisa ukuba kukho uzinzo kumanani obhaliso nahlala engatshintshi de abafundi baye kutsho kwiBakala 10. Ukuhla kwamanani kumaBakala 11 no-12 kuphantsi koqwalaselo ngokuthi kuphculwe ukukhethwa kwezfundo ekupheleni kweBakala 9, ukunikwa ingcebiso ngeentlobo zamakhondo omsebenzi ezinokukhethwa Kunye nezifundo ezikhethwayo nokomelezwa kwenkxaso kwizifundo okunikwa izikolo eziphakamileyo.

### **Ubhaliso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-2000 – 2010**

Unyaka	IBkl 1	IBkl 2	IBkl 3	IBkl 4	IBkl 5	IBkl 6	IBkl 7	IBkl 8	IBkl 9	IBkl 10	IBkl 11	IBkl 12	Itotali
2000	64 844	81 865	92 343	91 949	85 766	80 658	75 813	80 026	70 634	63 840	48 934	40 996	877 668
2001	81 790	62 960	81 832	94 302	89 254	83 305	77 778	82 190	71 966	67 034	50 206	39 910	882 527
2002	86 969	77 026	64 134	83 022	93 188	86 786	80 865	75 601	80 450	69 752	51 618	40 468	889 879
2003	86 916	82 454	75 931	66 033	82 383	92 341	84 514	81 154	73 200	81 739	51 746	39 644	898 055
2004	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	87 650	85 972	89 828	80 443	77 811	73 106	65 347	78 926	80 595	83 529	57 536	40 198	900 941
2007	92 818	82 562	83 914	89 973	78 674	78 021	72 733	66 406	80 697	86 495	61 938	42 624	916 855
2008	91 853	83 267	79 454	85 891	87 116	78 290	76 146	71 410	72 914	79 133	63 819	43 470	912 763
2009	93 601	82 158	80 385	83 150	82 382	85 621	76 262	75 227	79 795	68 405	60 812	45 692	913 490
2010	98 086	83 046	79 155	84 234	80 290	81 402	82 777	75 426	85 114	70 630	53 799	44 876 <sup>1</sup>	918 835 <sup>2</sup>

*Umthombo weDatha : 2000 – 2010: Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)*

<sup>1</sup> Makuqatshelwe ukuba bekukho abaviwa abayi-45 783 ababhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwiBakala 12. La manani eNSC abandakanya abaviwa bezikolo ezizimeleyo (2 300) nezikolo zeemfundo eneemfundo eezizodwa (78) – itotali aziboniswa kule theyibhile. Amanani kule theyibhile ingentla athathwe kumhla othile yaye awananto yakwenza nabafundi abangena bephuma kwinkqubo yezemfundo emva kwalo mhla.

<sup>2</sup> Makuqatshelwe ukuba ezi totali azibandakanyi abafundi beeYuniti ze-LSEN abayi-1101

## 2.1.6. Isishwankathelo ngemeko yokuqhubeka kwiziko ngo-2010/11

ISebe iWCED lenziwa yi-*Provincial Ministry of Education*, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili ezsibhozo nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, iikholeji zeFET, amaziko emfundo abantu abadala namaziko e-ECD.

Iziko linenjongo yokubonelela

- ngamagosa anenkathalo, anolwazi nanocwangco ukunika inkxaso izikolo, ootitshala nabafundi
- ngootitshala abakhoyo, abakulungiseleleyo ukufundisa nokusebenzisa iincwadi (*texts*)
- ngenkxaso-mali ebonelelwego ukukwandisa impumelelo
- ngezikolo ezanaleyo nezikhuselkileyo
- ngemeko yendawo engqongileyo kumahlakani kwezemfundo ukwenza igalelo kwimfundu esemgangathweni: Imibutho yabasebenzi, amaBhunga oLawulo eZikolo, amacandelo abucala, Amaqumrhu angekho ngaphantsi kukaRhulumente (*Non-Governmental Organisations*), izikolo ezizimeleyo, Amaziko eMfundu ePhakamileyo (*Higher Education Institutions*) neekholeji.

### Imisebenzi yeSebe iWCED –umhlaba ofikelelwego nomlinganiselo (scale)\*


Abafundi**	965 058
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo*	1 452
Izikolo ezinabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo	72
Iikholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	6 (43 amaziko)
AMaziko eMfundu oLuntu abantu abadala	142 (349 amaziko)
ii-Ofisi zezithili zemfundo	8
Ootitshala	31 672
Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente (izithuba ezabelwe amaziko ezivuniweyo)	8 751

\* Amaziko akhoyo (Zonke izikolo zikarhulumentw eziqhelekileyo, i-pre-Grade R ukuya kwimatriki) (31 Matshi 2011)

\*\*Source 2010: Annual Survey for schools pre-Grade R to matric)

ii-ofisi zezithili zemfundo ezsibhozo zahlulwa zaba ziisekethe eziyi-49 nezibonelela ngenkxaso ngqo ezikolweni. likomiti zeesekethe ziikomiti ezenza imisebenzi emininzi ezinabacebisi ngezekharityhulam; iingcali zeenkonzo zemfundo eneemfuno ezizodwa (*special education service professionals*) (iisayikholojisti, oonontlalontle, abacebisi bezibonelelo zokufunda (*learning support advisers*) nabacebisi be-IMGP. ABaphathi beeKomiti zeeSekethe bakhokela ezi komiti zenkxaso.

## Education Districts of WCED



Amanani ezikolo nabafundi ami ngolu hlopo lulandelayo:

Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo naBafundi ngeSithili seMfundu ngasinye neSekethe nganye											
ISITHILI SEMMFUNDO		1	2	3	4	5	6	7	8	Itotali	
Cape Winelands	Izikolo.	40	35	33	38	30	30	33	36	275	
	Abafundi	25 276	25 537	21 962	13 063	14 697	22 549	9 725	9 891	142 700	
Eden and Central Karoo	Izikolo.	33	32	24	32	40	39	28		228	
	Abafundi	8 915	22 875	23 399	19 010	12 729	14 433	14 379		115 740	
Metro Central	Izikolo.	45	44	36	36	25	25			211	
	Abafundi	28 625	21 777	22 094	23 088	17 931	17 524			131 039	
Metro East	Izikolo.	36	20	19	18	18	26			137	
	Abafundi	38 636	21 704	20 636	19 381	21 298	26 832			148 487	
Metro North	Izikolo.	28	26	27	26	33	31	31		202	
	Abafundi	24 346	18 621	30 190	23 532	22 915	21 529	31 566		172 699	
Metropole South:	Izikolo.	35	33	28	16	17	30	30		189	
	Abafundi	26 269	20 962	18 082	12 796	17 890	32 602	28 151		156 752	
Overberg	Izikolo.	29	28	25						82	
	Abafundi	10 594	18 495	10 438						39 527	
West Coast	Izikolo	27	26	22	26	31				132	
	Abafundi	13 888	9 748	16 419	7 555	10 504				58 114	
Qaphela : Umthombo Annual Survey 2010 - All Grades: Pre-Grade R to Grade 12 plus LSEN. 1 452 izikolo ngowe- 31 Matshu 2011											
7 Izikolo ezavalwayo: Blackwood SSKV Primary, Cafda Primary, Groote Post Primary, Napier High, Platdrif VGK Primary, Smuts-Malan High, Weltevreden Primary											
3 Izikolo ezavulwayo : Claremont High, Westlake Primary, Zwelihle Primary											

## **2.1.7. UPhuhliso IweMigaqo-nkqubo ePhambili neeNguqu kwimithetho**

**UMthetho i-Basic Education Laws Amendment Bill, 2009:** ISebe leMfundu esiSiseko lapapasha uMthetho osaYilwayo *Basic Education Laws Amendment (BELA) Bill, 2009*, ukuba kwensiwe iikhomenti, nge-9 Disemba 2009, kwiGazethi kaRhulumente No. 32790. Injongo yalo Mthetho usaYilwayo kukulungiselela imiba engokudalwa kweSebe leMfundu esiSiseko (*Department of Basic Education*) nemibandela enxulumene noko ukuze ngokwenjenjalo kufakelwe izilungiso kuMthetho i-National Education Policy Act (NEPA) nakuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*); kufakelwe izilungiso kwingcaciso-gama elithi “umzali” nakwi “mali-mboleko”; kwezo ntlobo zahlukeneyo zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, imisebenzi eyongelelweyo yeenqununu zezikolo nokueqesha amabhunga olawulo ezikolo ngumbutho wamabhunga olawulo ezikolo owaziwayo. Likwajonge ukufakela izilungiso *kuMthetho weNgqesho yooTitshala (Employment of Educators Act)*, No. 76 ka-1998, i-South African Council for Educators Act No 31 of 2000 ne-General and Further Education and Training Quality Assurance Act No. 58 ka-2001

**UMthetho oFakela iZilungiso kuMthetho weMfundu wePhondo leNtshona Koloni (Western Cape Provincial School Education Amendment Act, No. 7 of 2010),** wapapashwa kwiGazethi yePhondo yeSikhawu, No. 6823, nge-8 Disemba 2010. UMthetho oFakela iZilungiso kuMthetho weMfundu wePhondo leNtshona Koloni (*Western Cape Provincial Schools Act*), 12 ka-1997, noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act*), 84 ka-1996, ofakelwe izilungiso amaxesha asibhozo ngeli thuba linye; wandisa amagunya okwenza imigaqo-nkqubo kwezemfundo oMphathiswa wePhondo namagunya okwenza imithetho eNtloko yezeMfundu; obonelela ngokuhlolwa kwezikolo; omisela ngokutsha imigaqo yokusekwa nemisebenzi yebhunga lezemfundo lephondo; obonelela ngomahluko phakathi kwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zabafundi abanezithintelo ekufundeni nezikolo ezineemfuno ezizodwa ezbonelela ngemfundo egxininisa kwiimfuno ezizodwa; ogunyazisa uMphathiswa wePhondo ukuba amisele imimiselo nemigangatho emalunga neziseko zophuhliso ezizezona zisezantsi nokwazi ukwenza umsebenzi (*capacity*) kwezikolo zikarhulumente; othintela izixhobo eziyingozi, iziyobisi ezingekho mthethweni notywala obunxilisayo kumasango esikolo; othintela izinto zezopolitiko (*political activities*) esikolweni ngethuba lokufunda; othintela ukuhlawulwa kweentlawulo ezingagunyaziswanga kubaqeshwa abathile; obonelela ngokuba ootitshala abathile bathathwe ngokuba bagxothiwe (*deemed discharged*) kwiimeko ezithile; onciphisa ithuba lokufaka izikhalazo ezithile nowandisa amagunya oMphathiswa wePhondo okwenza imimiselo.

**Umgaqo-nkqubo i-National Policy for an Equitable Provision of an Enabling School Physical Teaching and Learning Environment** wabhwengwa nge-11 Juni 2010 (Vol. 540 (no-No. 33283). **Imimiselo (regulations) (norms and standards)** ephathelele kulo mgaqo-nkqubo ayikagazethwa.

**UMgaqo-nkqubo ongoKuhamba iSikolo kwaBafundi** wagazethwa nge-4 Meyi 2010 waza waphunyezwa kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukususela nge-1 Januwari 2011. Zonke izikolo zikarhulumente sazeMzantsi Afrika maziphembelie zikhuthaze umoya wokuthanda ukuhamba isikolo qho yaye ziwigcine uqhubeka loo moya. Isikolo ngasinye sinomsebenzi wokukhusela ilungelo elisisiseko lomfundu ngamnye lokufumana imfundu; yaye ubhaliso esikolweni lumbeka umfundu phantsi kwembopheleleko (*obligation*) yokuba ahambe isikolo rhoqo, afike ngexesha esikolweni, ngaphandle kokuba kukho isizathu esivakalayo, sokungabikho esikolweni. Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukukhuthaza (a) ukuhamba isikolo rhoqo, nokufika ngexesha kwizikolo zikarhulumente yaye (b) kubonelelwe izikolo namasebe ephondo ngenkqubo yokurekhoda, ukulawula nokubeka esweni ukuhamba isikolo kwabafundi.

## 2.1.8. Ingeniso yeSebe

Itheyibhile elapha ngezansti ishwankathela ingeniso eqokelelwe liSebe, eyenziwa zezi ntlawulo (*administration fees, insurance premium collections, reprographic services (intlawulo zenkonzo zokufotokopa nokuelisa amaxwebhu); refunds*) ngokumalunga neminyaka edlulileyo nemicimbi yezemali kwii-asethi namatyala (*financial transactions in assets and liabilities*).

	2007/08 Eyona kanye kanye	2007/08 Eyona kanye kanye	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	I-% yomahluko kwithagethi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
Ukuthengiswa kweempahla neenkonzo ngaphandle kwee-asethi <i>ii-capital assets</i>	9,049	8,297	9,127	9,466	11,193	18.2%
lifayini, izohlwayo neemali ekuphulukenwe nazo	361	382	383	228	511	124.1%
Inzala, izahlulo nerenti yemihlaba	1,524	1,227	1,394	1,998	324	-83.8%
li- <i>Financial transactions kwii-asethi nasematyaleni</i> (assets and liabilities)					-	
li- <i>Financial transactions (recovery of loans and advances)</i>	20,458	12,639	15,543	11,182	10,206	-8.7%
Zizonke iimali zesebe ezifunyenweyo ( <i>Total departmental receipts</i> )	31,392	22,545	26,747	22,874	22,234	-2.8%

## 2.1.9. Inkcitho yeSebe

Itheyibhile elapha ngezantsi ibonisa inkcitho ngeProgram nganye kwiminyaka emi-4. Isebe lichithe i-99.6% kwibhajethi ebelabelwe yona ngo-2010/11.

liprogram	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	I-% yomahluko kwithagethi
	R'000	R'000	R'000	R'000	
1. Ezolawulo	393,529	415,605	440,064	425,918	-3.09%
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	7,410,535	8,587,360	9,691,042	9,687,499	-0.04%
3. linkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	44,119	55,522	59,709	59,696	-0.02%
4. Izikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	510,390	623,604	721,679	719,684	-0.28%
5. likholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	367,190	368,917	447,043	446,971	-0.02%
6. IMfundu noQeqesho lwaBadala olusisiseko	26,838	29,479	32,152	32,152	0.00%
7. UPhuhliso lweMfundu yaBantwana aBasaqalayo	228,748	288,620	365,586	345,895	-5.39%
8. liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo*	211,129	244,206	240,937	237,928	-1.25%
<b>Itotali</b>	<b>9,192,478</b>	<b>10,613,313</b>	<b>11,998,212</b>	<b>11,955,743</b>	<b>-0.35%</b>

## 2.1.10. liNtlawulo eZenziweyo (*Transfer payments*)

Njengoko kubonisiwe apha ngezantsi, isebe lihlawule (*transferred*) 99.37% yesixa ebésibhajethiwe kumaziko alo Esona sixa-mali sikhulu semali sibalwa ngokwee-Norms and Standards zemali exhasa amaziko ngamaziko.

### litheyibhile: Isishwankathelo seentlawulo ezenziweyo (*Transfer payments*) ngo-2010/11 (R'000)

liprogram	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	I-% yomahluko kwithagethi
	R'000	R'000	R'000	R'000	
IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo*	553,673	604,506	624,737	602,685	-3.5%
IZikolo ezizimeleyo	44,119	55,522	59,709	59,696	0.0%
IZikolo ezinaBafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundu	95,081	115,014	106,146	119,552	12.6%
lkholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	186,057	163,969	165,042	165,042	0.0%
I-ABET: Amaziko abucala	22,020	22,578	24,058	24,987	3.9%
Amaziko e-ECD IBakala R: Izikolo zikarhulumente	81,790	89,441	150,753	150,753	0.0%
Amaziko e-ECD IBakala R: Amaziko oluntu	34,455	45,732	45,287	45,287	0.0%
<b>Itotali</b>	<b>1,017,195</b>	<b>1,096,762</b>	<b>1,175,732</b>	<b>1,168,002</b>	<b>-0.7%</b>

## 2.1.11. ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ezabelwe ezinye iinjongo (earmarked funds)

### litheyibhili: Isishwankathelo seeGranti eziphuma ngokwemiqathango ethile ngo- 2010/2011 (R'000)

Igranti eziphuma ngokwemiqathango ethile	Ulwabiwo oluhenga- hlengisiweyo 2010/11	Ezigqithisi- weyo ( <i>Roll-over</i> ) ukusuka 2010/11	Itotali yeemali ezabiwego 2010/11	Itotali yemali ezihlawu-lweyo ezifunyenweyo	Inkcitho eyiyo kanye 2010/11	% Inkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
I-HIV/AIDS	15,392		15,392	15,392	14,440	94%
IProgram yoKutyiswa kwaBantwana kaZwelone (Nat. School Nutrition Programme)	173,318		173,318	173,318	169,775	98%
lkholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	447,043		447,043	447,043	446,971	99.98%
Igranti yeziseko zophuhliso yephondo	255,062		255,062	255,062	255,062	100%
Ukuxhaswa ngemali kwakhona kweSekondari zoBugcisa	3,288		3,288	3,288	3,253	98.9%

Zonke iimfuno ezingummiselo *ngokweDivision of Revenue Act, 2010*, ngokumalunga nezi Granti ziphuma ngokwale miqathango ithile kwahlangabewana nazo:

- Zonke iimali ezihlawulweyo (*transfers*) ezifunyenweyo zadipozithwa kwi-akhawunti yebhanki yesebe;
- Zonke iimali zachithwa kwizicwangciso zoshishino;
- Yonke imiqathango yeegranti eziphuma ngokwemiqathango ethile, njengoko icaciswe kwiziCwangciso zoMsebenzi (*Business Plans*), kwahlangatyezwana nayo.

IZakhono zoBomi I-HIV/AIDS	
liNkalo zeNtsebenzo eziPhambili (KPA)	Inkqubela
<b>Ukugaya inkxaso ngamandla</b> Ukugaya inkxaso ngamandla kuyaqhube ka okokoko kwiphondo, kwizithili zemfundo, kwiikomiti zeeseketha nakubahlali besikolo. Iphulo lokugaya inkxaso litshintshwe ngenjongo ethile ekuben 'lulwazi nge-AIDS' laba liphulo locwangciso ngobuchule ngokunxulumene neempendulo ezisekelwe kubungqina obuphathekayo kwi-HIV/AIDS, nemiba enxulumene nemiba echaphazela ingqondo nezentlalo kunye noqoqosho enjengokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi notywala). Iprogram zemisebenzi zasemva kwamaxhesa okufundisa ( <i>extra-mural</i> ), ezasemva kweeyure zesikolo ( <i>after-school</i> ) nezeholide zezikolo zinika inkxaso, ngokusebenzisana namaziko ngamaziko, ukugcina abafundi abasemngciphekweni behuselekile kwaye besesikolweni. 'Intsebenziswano 'yoluntu oluyinxalenye yesikolo', 'ekarhulumente namashishini abucala' 'nekarhulumente nemibutho yoluntu' kunye nentsebenziswano ephakathi kwamacandelo ngamacandelo, iyakhuthazwa kuzo zonke iiKPA, ukuqinisekisa ngeempendulo ezifanelene nezasekuhlaleni, ezinoqoqosho nezinzileyo ezinciphisa ukuxhomekeka kwizibonelelo zemali nakwinkxaso encinane yabasebeni. linkqubo eziphangaleleyo zokukhuthaza exemplilo ngokusebenzisa imfundu ezinjenge <i>Child-Friendly Schools (UNICEF Health Promoting Schools (WHO), Caring Schools (UCT), ziyakhuthazwa ngenjongo yokunceda ukunciphisa ingozi nokuthintela i-AIDS.</i>	
<b>Uphuhliso lootitshala: Ezekharityhulam</b> Injongo yale Nkalo yeNtsebenzo ePhambili kukuqinisekisa ukuba ootitshala bafumana uqequesho olululo nokuba izikolo zixhotisywe ngezinto zokusebenza zanika nenkxaso. Ithagethi yango-2010/11 yoqequesho lootitshala abayi-100 beBakala 1-7, abayi-100 beBakala 8-9 nabayi-50 bamaBakala 10-12 sele kufikelelwe kuyo. Uqequesho lujongwe nezinye iindlela zokufundisa ( <i>alternative teaching methodologies</i> ).	
<b>UBunkokeli, uLawulo nokuPhatha ezikolweni</b> NgokoMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundu kaZwelonke: uMgaqo-nkqubo weHIV/AIDS wooTitshala naBafundi ( <i>National Education Policy Act: HIV/AIDS Policy for Educators and Learners (1996)</i> , kunyanzelekile kwisikolo ngasinye ukuba senze esaso iSicwangciso sokuFundisa ngeHIV/AIDS ( <i>HIV/AIDS Implementation Plan</i> ). Oku kuye kufakwe kwiSIP ( <i>School Improvement Plan</i> ) yesikolo ngasinye. Ngokusebenzisa inkqubo yokufumana izibonelelo ( <i>resource mapping</i> ), izikolo ziyakhuthazwa zikhangele amahlakan eziya kusebenzisana nawo asekuhlaleni kwaye, apho kufanelekileyo kunye/okanye kuyimfuneko, zibandakanye abantu abajongene nezibonelelo ( <i>resource persons</i> ) kwii-SGB zazo.	
<b>UkuNonophela nokuNika iNkxaso</b> Bamalunga ne-5 ootitshala namalungu eSGB ayi-5 kwisikolo ngasinye (kuxhomekeke kubukhulu besikolo) abathagethiweyo kuqequesho lokuNonophela nokuNika iNkxaso. Uqequesho kwimodeli ye <i>Soul City 'Schools as Nodes of Care and Support'</i> (SNOC), kweeSGB namahlakani oluntu oluyinxalenye yesikolo, iuyaqhube ka ukwensiwa ngokugqitha kuqala kwiiKomiti zeeSekethi. Ikhithi zoNcedo lokuQala zithengelwe zonke izikolo kwiphondo yaye ziya kusiwa kwikota yesibini ngo-2011. Amagumbi abagulayo ( <i>sickbays</i> ) kwizikolo ezikumanqanaba 1-3 entlupheko eziyi-80 sele ehlaziyiwe ngokweemfuno zazo.	
<b>Ukufundisana koontanga</b> Iprogram yokufundisana koontanga yezikolo eziziisekondari ixhaswe ngezimali yi- <i>Global Fund (GF)</i> kule minyaka mihihanu idlulileyo, ekuthe ngayo bayi- 37 348 ootitshala abancinci ( <i>junior</i> ) (IBakala 10) abangoottitshala abangoontanga abaqequeshwayo kwizikolo ze-GF zizodwa, baze abayi-21 169 baqhube ka njengootitshala abaneqhuzu ( <i>senior</i> ) (IBakala 11) Oontanga abaFundisanayo nabayi-7 822 abaghubeke bangabacebisi beBakala 12 ( <i>Grade 12 mentors</i> ). Le nkqubo ilawulwa ngentsebenziswano liSebe lezeMpilo lePhondo ( <i>DoH</i> ).	
<b>Izixhobo zokuNcedisa ukuFundisa nokuFundisa (LTSM)</b> INTShona Koloni ivelisa iLTSM ye-HIV/AIDS Life Skills LTSM kwiilwimi ezintathu (IsiNgesi, isi-Afrikansi nesiXhosa) ize izise ezikolweni qho ngonyaka. I-LTSM entsha eveliswe yi-DBE (ukutshintsha iLTSM endala engqinelana neKharityhulam 2005) yahlewa yaza yaguqulwa. Kwathengwa i-LTSM entsha yamaBakala R – 9 yaza yasiwa ezikolweni kwikota yokuqala ngo-2011. I-Specialised LTSM ikwabonelelw kwiintlobo ngeentloba zezikolo ze-ELSEN. I-LTSM yeHIV/AIDS iyabonelelw ukunika inkxaso iKharityhulam. Oku kwabandakanya i-HIV/AIDS Life Skills enxulumene neLTSM yeelayibrari zezikolo neyabonelelw kuzo zonke izikolo eziphakamileyo kwikota yokuqala ka- 2011.	
<b>UkuBeka esweni (Monitoring), ukuNika iNkxaso (Support) noVavanyo (Evaluation)</b> Isistim yaseNtshona Koloni yaBaququzeleli abaqeshelwe iZikolo beze-HIV/AIDS (abancediswa ngokuzithandela ngaBaququzeleli Beeklasta), efakwe kwisigunyaziso sokwenziwa komsebenzi seKomiti yeNgcebiso ngezeMpilo ( <i>Health Advisory Committee</i> ) (NEPA) neeKomiti zokuNika iNkxaso kuBafundi ezikuMaziko zeEWP 6 ( <i>EWP 6 Institution-based Learner Support Teams</i> ) (okanye ii-EST/TST), zizo emazomelezwe ukwandisa ukuzimela kwezikolo nasekuxhomekekeni kwiinzame zazo zokujongana nesiphumo seHIV neAIDS kwiMfundu nakuluntu oluyinxalenye yesikolo.	

<b>Izakhono zoBomi I-HIV/AIDS</b>	
<b>liNkalo zeNtsebenzo eziPhambili (KPA)</b>	<b>Inkqubela</b>
<b>Ezokuphatha nezoLawulo</b>	
<p>Isikhokelo nabaphathi bale program bagxile kwiziphumo zethuba eliphakathi kwaye sichaphazela izalathiso ezibhalwe kumgaqo-sikhokelo seUNGASS samazwe ngamazwe kwaniezicwangciso zoorhulumente bakaZwelonke nabamaPhondo zango-2007-2011, apho uxanduva oluphambili lwezeMfundu ikukuqinisekisa ukuba (i) ngonyaka ngamnye, kubo bonke abafundi bamaBakala 1-12, amashumi amathathu (30) eeyure zokufundisa okuqhubelekela eklasini kweZakhono zoBomi ngeHIV/AIDS, ukwenzela ukuba (ii) iMfundu ikwazi ukufaka igalelo ngokuqaphelekayo ekuncitishisweni ekujoliswe kuko kwe-50% yamanqanaba obukho beHIV phakathi kolutsha oluyiminyaka 15-24 ubudala (engagqithanga u-2011). Ngentsebenziswano namasebe ngamasebe, eli phondo liphumelele ekunciphiseni iHIV phakathi kolutsha. Ukulungiselelwa kwemisebenzi yeprogram kujoliswe ekulawuleni, ekuphumezeni iithagethi zephondo ezilibhongo nezo zesiCwangciso seKhabhinethi seHIV/AIDS sikaZwelonke sika-2007-2011 (<i>Cabinet's National HIV/AIDS Strategic Plan 2007-2011</i>).</p>	
<b>Okwensiwe kwiiprogram</b>	
<p>Abafundi abayi-415 829 babonelelwa ngokuya okunesondlo kwizikolo eziyi-1 000 ezithagethiweyo. Ngokwembali, iprogram yaqala kwizikolo zeeprayimari yaye yandisiwe ngokungangxamanga ukuze libandakanye izikolo eziziisekondari. Ngo-2011, zizikolo eziziisekondari eziyi-18 zeNqanaba 3 lentlupheko ezonegezwayo kule program zaza zaqala ukutyisa bonke abafundi ukususela nge-1 Apreli 2011.</p>	
<b>Izibonelelo nezixhobo (Material and equipment)</b>	
<p>Izikolo zenqanaba 3 lentlupheko ezonegezelelweyo zonke zabonelelwa ngezixhobo zasekhitshini nangeeyunithi zamakhitshi angoomahamba nendlwana. Izikolo eziyi-13 zafumana imali yokuhlaziya kweziseko zophuhliso zazo. lincwadana zeresiphi zeemenyu zeNSNP ezivela kwi-ofisi yeNational NSNP zasiwa kuzo zonke izikolo. Izibonelelo zezifundo zezonndo ngeenzuso zokuya iziqhamo nemifuno nazo zasiwa.</p>	
<b>Ukupuhhlisa izakhono</b>	
<p>Bayi-521 oomasifundisane bokupuhhlisa izakhono (<i>capacity building workshops</i>) abaqhutyhelwa amaVolontiya aPhatha uKunya (<i>Volunteer Food Handlers</i>) malunga nokhuseleko lokuta nokusebenzisa igesi nococoeko (<i>food and gas safety and hygiene</i>). Izikolo ezithathu zatyunjelwa amabhaso eNSNP Best School awards.</p>	
<b>Iprogram ezonegezelweyo</b>	
<p>Iprogram elingwayo i-special pilot programme ebizwa ngokuba yi-<i>Edutaining</i> yaqhutywa ezikolweni kwizithili zemfundo ezi-5 apho kwagxininiwa inzuso efunyanwa ekutyeni iziqhamo ezifreshi ngengoma nangokudanisa. Ngeeholide zesikolo ngoJuni 2010, iSebe iWCED laquuzelela iiprogram zezemfundo kwizikolo ezininzi ezenzela abahlali abathwaxwa yintlupheko iinkonzo. Injongo yalo msebenzi kukufaka igalelo ekugcineni abafundi abasengozini bangayi ezitratweni ngethuba leNdebe yeBhola eKhatywayo yeHlabathi. Iziphungo neziselo zaphiwa abafundi ababekho kwezi program.</p>	
<b>Imenu</b>	
<p>Iziqhamo ezifreshi zaqaliswa ukongeza kwiimenu ezinazo zonke izakha-mzimba nezinezondlo. Abafundi bafumana isiqhamo esipheleleyo kabini ngeveki.</p>	
<b>ligadi zokutya</b>	
<p>Bayi-17 oomasifundisane bokuVeliswa koKunya abaqhutywayo: Inani lezikolo ezineegadi zokuya kwiphondo landa ukususela ku-303 ukuya ku-326. ISebe lezoLimo (<i>DoA</i>) labamba uSuku loKunya lweHlabathi kwiPhondo (<i>Provincial World Food Day</i>). Izikolo ezineegadi zokuya zatyelelwa rhoqo ukwenzela iinjongo zokuzinika inkxaso. ISebe lezeMpilo, neSebe leeNkonzo zezeNtlalo, neSebe lezoLimo enze ikomiti eyi-<i>Integrated Food Security and Nutrition Task Team</i>.</p>	
<b>UkuBeka esweni (Monitoring), ukuNika iNkxaso (Support) noVavanyo (Evaluation)</b>	
<p>Izikolo ezithagethiweyo zatyelelwa rhoqo. lindawo zokugcina (<i>warehouses</i>) zabo bonke ababoneleli ngenkonzo kabini ngonyaka ukujinisekisa ukuba ngaba iziveliso zokuya ziyanqinelana neenkukacha ezimiselweyo.</p>	
<b>Enye inkxaso</b>	
<p>Amagosa avela kwi-ofisi i-<i>Environmental Health Office (Department of Health)</i> aqhubecka ukubonelela ngenkxaso ngokumalunga nokhuseleko lokuta nesondlo njengoko kucacisiwe kwi-<i>Service Level Agreement</i>.</p>	

Isebe lacela i-Ofisi kaNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury*) ukuba igqithisele i-R3,473 yezigidi kwiNSNP ekwakuyinkcitho ebe ngaphantsi kwebhajethi (*under-spending on the NSNP*). Ukuchitha imali ngaphantsi koku bekungenxa yababoneleli-nkonzo abangazange baphumelele ukungenisa amabango abo kwangexesha, yaza ngenxa yoko iNSNP yafaka isicelo sokugqithiselwa kwezimali (*roll over of the funds*) esele zabelwe ezinye izinto ekuhlawuleni amabango ababoneleli-nkonzo.

Igranti yecandelo leeKholeji zeFET isetyenziselwa ukubonelela urhulumente ngenkxaso-mali yekholeji. linkcukacha zezipumo zeekholeji zirekhodwa phantsi kweProgram 5 yolu xwebhu. Ngokufanayo igranti *i Provincial Infrastructure Grant* isetyenziselwa ukuxhasa ngezimali utoyal-mali kwizakhiwo –(*capital investment*) neenkukacha zoku zinikiwe apha ngezantsi, phantsi ko-2.1.12. Ngokweprogram ye-*Technical Schools Recapitalisation*, ziyi-9 izikolo ezikhethiweyo ukuze zixhamle kulwakhiwo lweewekhishophu ezintsha, ukuhlaziya kwazo nokuthengwa kwezixhobo ezitsha; ukuthengwa kwezixhobo zokusebenza (*tools*); uqequesho lootitshala nokuhlaziya iilebhu zeekhompyutha. Le yiprogram yeminyaka emi-3.

Bekukho iingxowa-mali ezi-2 ebezabiwe ngolu hlobo lulandelayo:

Iprogram	Eyabiweyo R'000	Echithiweyo R' 000
UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo (Iprogram 7-kungabandakanywanga iziseko zophuhliso)	R330 934	R311 243
UZinziso IweZiseko zoPhuhliso noLondolozo (Kubandakanya iiGranti eziPhuma ngokweMiqathango)	R535 990	R543 248

Izipumo zophando IweSigaba seSiseko zasadazwa ngokubanzi, yaye njengoko kwensiwe ingxelo phantsi kweProgram 2, neemali ezingachithwaga ezisetyenziselwe ukunika inkxaso izibonelelo zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala. Inkqubela kuPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo kunikwe ingxelo ngayo phantsi kweProgram 7.

## **2.1.12. Utyalo-mali kwiiprojekthi zolwakhiwo (*Capital investment*), isicwangciso solondolozo nokulawulwa kwee-asethi, (*maintenance and asset management plan*)**

Izakhiwo zezikolo zihlelwa ngokwendibanisela yekhrayitheriya (*matrix of criteria*) ngokumalunga nokufaneleka kwazo nangokwazi ukusetyenziswa kwazo. Ukuba iikhrayitheriya zisetyenziswa kuzo zonke izikolo zeWCED, izikolo eziyi-218 (14%) zireyithwa “njengezingekho mgangathweni” (nekuqeshiswe ngeziyi-33 zazo); eziyi-1308 (86%) zireyithwa “njengezisemgangathweni onguwo” ukuze ezi-2 zibe “zezigqwesileyo” kwi-*User-Asset Management Plan* yango-2011 (*U-AMP*) yeSebe iWCED.

## Iprojekthi zokwakha ezaggitywayo ngo-2010/11

### Izikolo ezitsha (26 ngaphezu kwe-MTEF)

- Izikolo ezibini ezitsha zanikezelwa ngo-2010: *Wallacedene High School ne-Tafelberg Special School*
- Izikolo ezibini ezitsha ngoJanuwari 2011: *Claremont High School for Science Technology, Engineering, Mathematics (STEM) ne-Khayelitsha COSAT*
- Kwanikezelwa izikolo ezithathu ezingoomahamba nendlwana: *Naphakade Secondary School (Julayi 2010), Khayamandi Primary School ne-Bardale High School (Januwari 2011)*
- Izikolo ezitsha ezithandathu zanikezelwa ngoJulayi 2011: *Westlake Primary School (Apreli); Blue Downs Primary School; Delft High School 1; Delft High School 2; Delft Primary School 1; Delft Primary School 2*
- Izikolo ezitsha ezithandathu ziyakhiwa: *Citrusdal High School; Napakhade High School; Fisantekraal High School; Northpine Technical High School; Melkbosstrand High School ne-Sunningdale Primary School*
- Kwenziwa izicwangciso zezikolo ezithathu ezitsha : Imyeso Wama Apile High School (Grabouw Secondary School); Wellington Primary School; Concordia High School
- Kwenziwa izicwangciso zezikolo ezibini zeemfundo eneemfundo ezizodwa : Cheré Botha neRusthof
- Isikolo esixhaswa ngezipho-mali ngokupheleleyo (*fully donor-funded school*) siyakhiwa eHout Bay

### Izikolo ezitshintshwayo (replacement schools) (ebezakhiwe ngezixhobo ezingafanelekanga) [eziyi-23 ngaphezu kwe-MTEF]

- Esinye sigqitywe ngo-2010 yaye siyasetyenzisa: *Bongolethu Primary School*
- *Wallacedene Primary School*: Isigaba sokuqala sigqityiwe yaye isikolo siyasetyenzisa.
- Isikolo esitshintshwayo esinye esiza kwenziwa engadlulanga uJuni 2011: *Klapmuts Primary School*
- Izikolo ezsithoba ziyakhiwa : *Cloetesville Primary School; Thembalethu Primary School; Masibambane High School; M M Mateza Primary School; Bloekombos Primary School; Oaklands High School; Fairview Primary School; Enshona Primary School ne-Plantation Primary School*
- Kwenziwa izicwangciso zezikolo ezitshintshwayo ezilishumi elinambini: *New Eisleben High School; Itsitsa Primary School; Nalikamva Primary School; Kathleen Murray Primary School; Pacaltsdorp Primary School; Bottelary Primary School; Garden Village Primary School; Wes Einde Primary School; ACJ Pakhade Primary School; Rusthof Primary School; Formosa Primary School ne-St Thomas Primary School*

### Iiklasi ezongezelelwego

- Ezandiswayo (100 iiklasi) : liprojekthi ezi-5 zigqityiwe. liprojekthi ezi-6 eziphantsi kolwakhiwo neeprojekthi ezi-3 ezikwisigaba socwangciso. Ziyi-23 iiklasi esele zigqityiwe.
- Iiklasi zokuphungulela (*Relief classrooms*) (120 iiklasi): Ziyi-106 iiklasi esele zigqityiwe. Eziseleyo eziyi-14 iiklasi ziya kuggitywa engaphelanga uMeyi 2011.
- Iiklasi zeBakala R: Ziyi-94 iiklasi ezaggitywayo. Ezinye iiklasi eziyi-20 ziya kuggitywa ngoJuni 2011.
- Iiyunithi ezingoomahamba nendlwana ezibonelelwego: 181

## Ezinye

- liforam/iholo: Zimbini ezaggitywayo kwizikolo eziziiprayimari (*Plantation Road neSiyazakha*) nesinye (1) kwisikolo esiphakamileyo (Indwe Secondary)
- Izindlu zangasese zabonelelwa eBongulethu (13); eMM Mateza (6) naseWallacedene (13) izikolo eziziiprayimari; Wallacedene (37); Naphakade (13); Bardale (18) neClaremont (13) izikolo eziphakamileyo.

Inkcitho ihambelana nemimiselo yezorhwebo. li-arthente zesebe *ii-Implementing Agents (Department of Transport ne-Public Works and the PIU)* zisingatha zonke iinkqubo zokukhuphisana ngamaxabiso kwizakhiwo ezitsha neeprekthi ngokungqinelana noMthetho *iPublic Finance Management Act* neminye imithetho emiselweyo.

## Ulawulo Iwee-asethi

### Li-asethi ezishenxisekayo (movable assets)

ISBe iWCED lisebenzisa i-Education Management Information System (EMIS) ne-Schools' Register of Needs Information System (SRNIS) ukusingatha *ii-asethi ezishenxisekayo*.

**Li-asethi ezinkulu ezishenxisekayo** Ngokunxulumene nee-asethi ezishenxisekayo, iSebe iWCED laseka iyunithi yokulawulwa kwee-asethi. Le yunithi yenyenye yeentsika zeYunithi yoLawulo loQhagamshelwano naBathengi naBathengisi (*Supply Chain Unit*).

Yonke ifanitshala nezixhobo ezifunekayo kwaNdunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo zithengwa nguNdunkulu zize zifikwe kwi-inventri yee-asethi ezishenxisekayo ngokweemfuneko ezimiselwe yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke.

La manyathelo alandelayo aye athathwa ukuqinisekisa ukunyaniseka kwedatha ekuncediseni ekubhalweni ngempumelelo kwerejista yee-asethi nokugcina imigangatho ye-akhawuntingi nasekuqinisekiseni ukungqinisiswa ngempumelelo, ngobuchule nangokuchanekileyo kwengcacio:

- Ukubalwa kwestokhwe qho ngonyaka kwenziwa lisebe lemfundo, njengoko kumiselwe yiMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo
- Ukusayinwa kwee-inventri ngamagosa ajongene noko nokuqinisekiswa kwazo ngaBaphathi bamaCadelo
- Ukukhutshwa kweesetyhula ngokungqinelana neSahluko 10 seMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo
- linkqubo zokuthengwa kwee-asethi kwiSistim yeGosa loLawulo IweMali (*Accounting Officer's System*)
- Ukungqinelaniswa kwamaxwebhu ezinto ezithengwayo qho ngenyanga kwiLOGIS nenkcitho kwiBAS
- Ukulondolozwa kwerejista yee-asethi ekubhalwe kuyo yonke ingcaciso efunekayo ngokweMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo

lindlela eziphunyeziweyo ezenzelwe ukuqinisekisa ukuba kumiselwa isistim eseberenza kakuhle yokuqaphela, ukukhusela, ukubeka esweni nokugcina iirekhodi zee-asethi ezingesosigxina zimi ngolu hlolo lulandelayo:

- Zonke *ii-asethi* zafakwa iibhakhowudi, zaphawula "RSA" kwii-inventri ezirekhodiweyo.
- Zonke *ii-asethi* zaye zabhalwa kwirejista yee-asethi ezishenxisekayo kuzo zonke iintloblo zee-asethi ezibhalwe yi-Ofisi kaNondyebo zanikwa iinombolo ezifana zodwa.
- Abaphathi bamacadelo banoxanduva lokukhusela *ii-asethi* zabo.
- Zonke *ii-asethi* ezishenxisekayo zarekhodwa kwi-inventri ngokweziko ngalinye nendawo ezifumaneka kuyo. li-inventri zaqinisekiswa njengezichanekileyo ngabaphathi bamaziko zaza zagcinwa kwindawo esekuhleni kwindawo nganye

## Izikolo

ISebe iWCED lathenga ifanitshala nezixhobo zokwenza ukhawuleze umsebenzi wezikolo. Ezi zixhobo azyionxalenye yeRejista yee-Asethi yeSebe iWCED (WCED Asset Register). NgokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho No 84 ka-1996), ezi zithathwa njengezinto ezizii-inventri zezikolo. Izikolo kufuneka, ngoko ke, zinike ingxelo ngezi zinto zikwii-iinventri kwinguXelo-mali zonyaka zazo. IRejista yee-Asethi yeSebe iWCED ibonisa ii-inventri zakwaNdlunkulu kunye nezee-ofisi zezithili zemfundo kunye neendawo ezisetyenziswa kuzo.

## Izicwangciso ngokuphathelele kwii-asethi ezishenxisekayo, ezinjengeemoto

ISebe lePhondo lezoThutho neMisebenzi (ezoThutho zeeMoto zikaRhulumente) (*The Provincial Department of Transport and Works (Government Motor Transport)*) lilawula ukubonelelwa, ukurhoxiswa nokutshintshwa kweemoto ezindala kunye/okane iimoto zeGaraji kaRhulumente (*Government Garage*) (GG). Bakwenza umgaqo-nkqubo wephondo ophathelele ekusetyenzisweni kwezithuthi ze-GG.

ISebe leMfundu lijongene nokuhlawulwa kweelaisensi, ukulondoloza nokuthiwa amafutha kweemoto, ngokunjalo nokulondoloza irejista yee-asethi kwiSistim yeCandelo lezoThutho (*Fleetman System*).

ISebe iWCED liqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo wephondo uyasebenza. Likwalondoloza irejista yezithuthi ezisetyenziswa liSebe iWCED lize libeke esweni ukusetyenziswa kwazo ngokusebenzia amaxwebhu okulogisha. Ezi zithuthi zikhoyo ziayafezekisa iimfuno zeSebe iWCED.

## Ulondolozo

liprojekthi zolondolozo ezinkulu

Inani leeprojekthi	Ibhajethi ka-2010/11 R'000	lindleko zokugqibela eziqikelelweyo R'000
231	R102,276	R102,276

I-U-AMP ka-2011 ibonisa ukuba oku kulandelayo phantsi kwesihloko “User Condition Rating”

Imeko yesakhiwo	Inkcazo ngokubanzi	Ukureyithwa
Intle ngokuggwesileyo	Akukho ziphene. Sikhangeleka sisitsha. Isalathi sezinto ezixhalabisayo: Akukho nto ingenzeaka ekusetyenzisweni kwaso ( <i>service capability</i> ). Akukho nto ixhalabisayo.	C5
Sikwimeko entle	Sibonisa ulondolozo olungephi lokuba sisetyenziswa ( <i>wear and tear</i> ), zizophene ezincinane neempawu ezingephi zokuxweba nje komphandle wesakhiwo ( <i>deterioration to surface finishes</i> ). Isalathi sezinto ezixhalabisayo: Lulondolozo olufuna ukumana lusenziwa, kungekho kuphazamiseka ekusetyenzisweni kwaso. Inkxalabo kwimpilo nokhuseleko okanye kwipropathi incinane kakhulu. lindleko zokusilungisa zisezantsi.	C4
Sikwimeko engagxekekanga kangako	Sikwimeko ephakathi nje, ukuhla komgangatho wenkangeleko yangaphandle ( <i>deteriorated surfaces</i> ) kufuna uqwalasel; iinkonzo ziyasebenza kodwa zifuna uqwalasel, kukho ukusilela kumsebenzi wolondolozo. Isalathi sezinto ezixhalabisayo: Kukho ukuphazamiseka qho ekusetyenzisweni kwaso. Kukho inkxalabo ekhoyo ebeka engxakini impilo nokhuseleko kwipropathi. lindleko zokusilungisa ziphakathi nje.	C3
Sikwimeko embi	Sikwimeko embi kuba sigxagxisekile, kwaye kukho iingxaki mpela kwisakhiwo ngokwaso. Inkangeleko yaso imbi nje ngokubanzi. Ipeyinti ixobukile ( <i>eroded</i>	C2

Imeko yesakhiwo	Inkcazo ngokubanzi	Ukureyithwa
	protective coatings); izinto zophukile, iinkonzo azenziwa; kukho iqela leziphene eziphambili. Isalathi sezinto ezixhalabisayo: Kukho ukuphazamiseka kakhulu ekwenziweni komsebenzi. Kukho inkxalabo enkulu ebeka engxakini impilo nokhuseleko kwipropathi. lindleko zokusilungisa ziphezulu/kukho nelahleko yezemali.	
Sikwimeko embi kakhulu	Soyisakele nje ngokupheleleyo, asinakusetyenziswa, akufanelanga kuhlala bantu kuso. Isalathi sezinto ezixhalabisayo: Asinakusebenziseka, siyingozi enkulu engxamisekileyo kwimpilo nakukhuseleko okanye kwipropathi. Kukho iindleko ezinkulu ezinokubakho.	C1

Zingamakhulu amane anamashumi asixhenxe anesihlanu (475) izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eNtshona Koloni ezireyithwe njengezikwimeko “embi”. Izikolo eziqeshe izakhiwo nezikolo ezingafanelekanga (izikolo zamaplanga (“plankie” schools)) zikolu didi. Kwiminyaka eggithileyo kwenziwe ulondolozo oluncinane olucwangcisiwego ngabanini beepropathi eziqeshiweyo. Abanini bepropathi bathi iintlawulo zerenti ezisezantsi zizo ezisisizathu esiphambili sokuba kungabikho kolondolozo olufanelekileyo kwizikolo eziqeshisayo. Izikolo ezingamakhulu asithoba anamashumi amahlanu anesibhozo (958) zireyithwe “njengezikwimeko engagxekekanga kangako”. Ezininzi kwezi zikolo kufanele sreyithwe “njengezikwimeko entle” kodwa ukusilela kulondolozo Iwezi zakhiwo kuchaphazele ukureyithwa kwazo, zibonisa inkcitho kulondolozo engaphantsi kwemfuneko.

Zingamashumi amabini (20) izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezireyithwe ngo-“C4”.

Le meko yezakhiwo zeSebe iWCED iye isihla ngokomgangatho yaye iya kuqhubeaka ukuhla ngaphande kokuba kuphuculwe ibhajethi yolondolozo okanye kusetyenziswe ezinye iindlela. Okufunekayo qho ngonyaka kulondolozo yi-1.5% yexabiso lestokhwe. Nangona iiprojekthi zolondolozo ezicwangcisiwego ziqbabela phambili ngokwesicwangciso, ukwanda kwaqho ngonyaka kwiindleko kunefuthe kubungakanani balo nto inokulungiswa. Ngenxa yoko, inkxalabo yokuphelelwia lixesha kwesitokhwe nokuhla komgangatho waso iya kuhlala ihleli. Isishwankathelo samanani sicaciswa apha ngezantsi.

Ukusilela kulondolozo				
Unyaka-mali	Ixabiso lee-asethi	Yi-1,5% eFunekayo kuLondolozo	Ibhajethi eBonelelweyo	Ukusilela
2004	10,560,000	158,400	73,719	84,681
2005	12,000,000	180,000	76,174	103,826
2006	12,000,000	180,000	90,037	89,963
2007	15,052,800	225,792	37,192	188,600
2008	15,052,800	225,792	52,363	173,429
2009	15,052,800	225,792	73,719	152,073
2010	17,357,885	260,368	102,363	158,005
2011	18,225,779	273,387	108,413	164,974
<b>Itotali yokusilela ukususela ngo-2004</b>		1,115,551		

## 2.2 Intsebenzo kwiiProgram

### ICandelo leMfundu yePhondo

ST001	ICANDELO LEMFUNDU YEPHONDO-Jmila ephambili	2008/09 Eyona kanye kanye		2009/10 Eyona kanye kanye		2010/11 Ithagethi kanye	
		2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Ithagethi kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	2010/11 Ithagethi kanye	2010/11 Eyona kanye kanye
<b>Ingeniso (R' 000)*</b>							
Isabelo esilinganayo		8,782,197	10,183,421	11,073,016	11,035,772		
ligranti eziphuma ngokwemiqathango ethile		282,736	302,345	894,103	889,501		
Inkxaso-mali yabaxhasi (donors)		0	0				
Ukuuxhasa ngemali		105,000	100,800	8,219	8,219		
Ingeniso yethu		22,545	26,747	22,874	22,234		
<b>ITOTALI</b>	<b>9,192,478</b>	<b>10,613,313</b>	<b>11,998,212</b>	<b>11,955,743</b>			
<b>IINTLAWULO INGEPROGRAM (R'000)</b>							
1 Ezolawulo		393,529	415,605	440,064	425,918		
2 Imfundu yezikolo zikarhulumente eziqhelekleyo (funda elinye icandelo layo)		7,410,535	8,587,360	9,691,042	9,687,499		
3 linkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo		44,119	55,522	59,709	59,696		
4 Imfundu kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezzodwa		510,390	623,604	721,679	719,684		
5 Imfundu noqequesho oluhubelékayo		367,190	368,917	447,043	446,971		
6 Imfundu noqequesho lwaabada		26,838	29,479	32,152	32,152		
7 Uphuhliso lwemfundo yabantwana abasaqalayo		228,748	288,620	365,586	345,895		
8 linkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo		211,129	244,206	240,937	237,928		
<b>ITOTALI</b>	<b>9,192,478</b>	<b>10,613,313</b>	<b>11,998,212</b>	<b>11,955,743</b>			
<b>IINTLAWULO EZIYA KWIMFUNDU YEZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZQHELEKILEYO (R'000)*</b>							
2.1 Izikolo zikarhulumente eziziiprayinari		4,085,516	4,885,119	5,580,207	5,580,207		
2.2 Izikolo zikarhulumente eziziisekondari		2,874,010	3,149,110	3,429,232	3,429,232		

ST001	Icandelo leMfundu yePhondo – Imiba ephambili	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Itthagethi Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye
<b>Intlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*</b>					
Intlawulo zalo nyaka-mali	7,908,367	9,179,618	10,287,702	10,259,092	
Imbuyselo yabasebenzi	7,089,690	8,214,843	9,198,930	9,193,265	
Ootitshala	6,262,879	7,249,591	8,072,849	8,069,255	
Abasebenzi abangezotitshala	826,811	965,252	1,126,081	1,124,010	
Impahla neenkonzo kune nezinye iznto kulo nyaka-mali	818,677	964,775	1,088,772	1,065,827	
Inkasos-mali neentlawulo ezenziva ngoomatsihini	1,077,123	1,164,546	1,262,462	1,260,490	
Intlawulo zee-capital/ assets	206,988	269,149	448,048	436,161	
<b>ITOTALI</b>	<b>9,192,478</b>	<b>10,613,313</b>	<b>11,998,212</b>	<b>11,955,743</b>	
<b>linkukacha-manani zentsebenzo</b>					
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>					
Inani labasebenzi (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	31 462	31 401	31 581	31 965	
Inani labasebenzi abangengabo ootitsnala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	9 112	8 750	8 600	8 851	
<b>Ubhaliso kwinqanaba lokufunda elinyanzelelekileyo*</b>					
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-6 – 15 kwizikolo zikarhulumente eziqalelekileyo	715 151	721 443	725 500*	731 818	
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-6 – 15 kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	9 208	10 047	10 483	10 195	
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-6 – 15 kwizikolo ezizimeleyo	20 064	25 776	25 776*	28 031	
<b>Itali</b>	<b>744 423</b>	<b>757 266</b>	<b>761 759</b>	<b>770 044</b>	
<b>Ubhaliso kwinqanaba eligithileyo kwelinyanzelelekileyo*</b>					
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-16 – 18 kwizikolo zikarhulumente eziqalelekileyo	182 454	181 645	190 500	183 815	
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-16 – 18 kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	6 614	6 917	7 027	7 398	
► PPM 215: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa

Ithagethi: 32

Eyona kanye: 39

lingxoxo: Kwasekwa iiyunithi ze-ELSEN eziyi-39 ezaye zenza itotali epheleleyo yeZikolo eZenzo zonke iiNkonzo zoKufundisa zayi-108 (*Full Service Schools*) neeyunithi eziyi-119 ze-ELSEN.

Ukukhula kweli candelo kuxhomekeke kubukho bezibonelelo (ezemali nezingabantu).

<b>Imilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram, iiNJongo eziCwangciswe ngoBuchule, neZalathi: lingxoxo ngoMahluko</b>
► PPM 216: Inani lezikolo ezityelelwwe kwaba kanye ubuncinane ngekota ngumphathi wesekekethe
Ithagethi: 1 454
Eyona kanye: 1 453
lingxoxo: Bekukho izikolo eziyi- 9 zizonke ezingazange zityelelwwe kwikota nganye kwikota zone. Yi-avareji engu- 1453 izikolo ezatyelelweyo. Oku makuqondwe ngokwemeko engqonge ukuba inani lezikolo elipheleleyo kwiphondo ekupheleni konyaka-mali ngu-1 452, nangona kwezinye iikota ezintathu izikolo beziyi-1457.
linjongo ezicwangciswe ngobuchule ( <i>Strategic Objectives</i> )
SO 2.1 Abafundi abagcinwe kwinkqubo yesikolo ukususela kumaBakala 10 – 12
Ithagethi: 55%
Eyona kanye: 56.7%
lingxoxo: Oku kumele inkubela ebonakalayo xa kuthathelwa ingqalelo amanani amakhulu abandakanyekayo.
<b>Izalathi zeNtsebenzo yeProgram</b>
► PPI 2.1. Ipesenti yabafundi kumaBakala 3 efumene iziphumo ezamkelekileyo kulwazi lokufunda nokubhala
Ithagethi: 55%
Eyona kanye: 54.9%
lingxoxo: Abafundi beBakala 3 babevavanywe ngo-2008 okokugqibela. Indlela abaqhube ngayo ingaphantsi ngo-0.1% kwithagethi emiselweyo kulwazi lokufunda nokubhala ngo-2010
► PPI 2.2. Ipesenti yabafundi kumaBakala 3 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala
Ithagethi: 40%
Eyona kanye: 48.3%
lingxoxo: Abafundi beBakala 3 babevavanywe ngo-2008 okokugqibela. Indlela abaqhube ngayo ingaphezu ngo-8.3% kwithagethi emiselweyo kulwazi lokubala ngo-2010
► PPI 2.3. Ipesenti yabafundi kumaBakala 6 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala
Ithagethi: 45%
Eyona kanye: 52.3%
lingxoxo: Abafundi beBakala 6 baqhube ngaphezulu ngo-7.3% kunethagethi engu-45% emiselwe kulwazi lokufunda nokubhala ngo-2010.
► PPI 2.4. Ipesenti yabafundi kumaBakala 6 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala
Ithagethi: 15%
Eyona kanye: 24.4%
lingxoxo: Abafundi beBakala 6 baqhube ngaphezu ngo-9.4% kunethagethi emiselweyo ka-15% kulwazi lokubala ngo-2010. Nangona le ndlela baqhube ngayo ingonelisi ubukhulu becal, inkubela ibonisa ukuba izikolo zithatha amanyathelo okuphucula ukufundiswa kweMathematika. Iprogram yongenelelo ngoncedo eqhubekayeo ifanele ukuthathela ingqalelo inkubela eqhubeka okoko.
► PPI 2.5. Ipesenti yabafundi kumaBakala 9 efumene iziphumo ezamkelekileyo kwiiLwimi.
Ithagethi: 45%
Eyona kanye 51.8%
lingxoxo: Abafundi beBakala 9 baqhube ngaphezu ngo-6.8% kunethagethi ka-45% emiselweyo kwiiLwimi ngo-2010. Olu vavanyo yayiluvavanyo olulingwayo lokumisela uvavanyo lokwandlalela.
► PPI 2.6. Ipesenti yabafundi kumaBakala 9 efumene iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika
Ithagethi: 40%
Eyona kanye:
lingxoxo: Abafundi beBakala 9 baqhube ngaphantsi ngo-30.4% kunethagethi ka- 40% emiselweyo kwimathematika ngo-2010. Olu vavanyo yayiluvavanyo olulingwayo lokumisela uvavanyo lokwandlalela.
► PPI 2.7. Izikolo ezinereyithi yokupasa engu- <60%
Ithagethi: 55
Eyona kanye: 78
Ingxoxo:
Itotali yehla ukusuka ku-85 kunyaka ongaphambili ngezikolo eziyi-7. Oku kukuncitshisa kwenani nokuguquka kwemeko eqhubekayeo ( <i>reversal of a trend.</i> ) Inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle zibe nengxaki yokusilela ngenxa yogwayimbo lootitshala. Ziyi-16 kweziyi-78 izikolo ezitsha kolu didi lo gama ziyi-23 kweziyi- 85 izikolo zango-2009 ezaqhube kakuhle nangokwaneleyo ukufumana amanqaku ereyithi yokupasa engu->60% ngo-2010.

**Imilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram, iiNJongo eziCwangcisiwe ngoBuchule, neZalathisi: lingxoxo ngoMahluko**

► PPI 2.8. IReyithi yokuPasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Ithagethi: 80%

Eyona kanye 76.8%

lingxoxo: Okubalulekileyo apha kukuba ngabafundi abayi-1 122 ngaphezulu abapasileyo nokuba ukuhla kwireyithi yokupasa ukususela ngo-2004 kwatshintshwa. Oku kube yinkqubela engu-75.7% ka- 2009.

► PPI 2.9. Amanani okuPasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Ithagethi: 36 000

Eyona kanye 35 139

lingxoxo: Itotali yaggitha ngo-34 017 abapasileyo ngo- 2009.

► PPI 2.10. I-% yabafundi abafanelekileyo ukungena kwizifundo zesiDanga

Ithagethi: 34%

Eyona kanye 31.48%

lingxoxo: Ayifikelewanga ithagethi nangona amanani abapasileyo ande ukusuka ku-14 324 ngo-2009 ukuya ku-14 414.

► PPI 2.11. Amananani abafundi abafanele ukungena kwizifundo zesiDanga

Ithagethi: 15 000

Eyona kanye: 14 414

lingxoxo: Ayifikelewanga ithagethi nangona amanani abapasileyo ande ukusuka ku-14 324 ngo-2009 ukuya ku-14 414.

► PPI 2.12. Amanani abafundi abapase iMathematika kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Ithagethi: 13 500

Eyona kanye: 11 571

lingxoxo: Bayi-11 571 apasayo. Esi siphumo singanelisiyo siyaqwalesela ngokukhawuleza.

► PPI 2.13. Amanani abafundi abapase iPhysical Science kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Ithagethi: 10 000

Eyona kanye: 7 524

lingxoxo: Bayi-12 626 abaviwa ababhala i-Physical Sciences ngo- 2010 xa kuthelekswa nabayi-13 349 ngo- 2009. Inani labaviwa lihle ngo-723. Nangona lihlile inani labaviwa, ireyithi yokupasa kwisifundo yande ngo-6.67% ukusuka ku-2009 ukuya ku-2010. Ipesenti yabaviwa abazuze iziphumo ezigqwesileyo (*distinctions*) yande ngo-1.57% ngo-2009 ukuya ku-9.02% ngo-2010. Bayi-7 524 abapasayo.

**lingxoxo:**

Iyonke inkqubela kwizifundo ibubungqina bemizamo yamanqanaba ngamanqanaba (*efforts of many layers*) yabasebenzi abanika inkaso neenkubo ezenziweyo (iincwadi, izakhiwo nezixhobo) yaye inokuchazwa njengophawu olwayanyaniswa nootitshala abawamkele ngothakazelelo umbono wokwenza inkqubela nabathe baphendula kuzo zombini, imisebenzi yokumisela iithagethi nenkxaso ebonelelwayo enokwenzeka.

*Iithagethi zoLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala (Literacy and Numeracy targets)*

ISebe iWCED linesicwangciso esibanzi sokuphucula ulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kumaBakala 1- 6. La mangenelelo ngoncedo alandelayo aqhubeke kulo nyaka uchaphazelekayo:

- Iprogram *iLiteracy and Numeracy Programme* ngo-2010 yabonelela izikolo ezizipriyimari eziyi-250 ngoqequeso ngamandla (*intensive training*) nangenxaso eqhubekela kumaziko kootitshala bamaBakala 1-6.
- Izikim zokufunda *ii-structured reading schemes* zabonelelwa kwizikolo eziziiprayimari eziyi-508 Esi sibonelelo sakhatshwa yinkxaso yokufundisa eklassini.
- Iincwadi zeZifundo zeMathematika zasiwa kubo bonke abafundi kumabakala 2 – 7 ngo-2010, ngenjongo yokuba zisetyenziswe ngo-2011. Abafundi kumaBakala 1–3 baya kufumana iincwadi zeZifundo kuzo zonke izifundo ngo-2012 nabo bakumaBakala 4 –6 baya kunikwa nabo iincwadi zazo zonke izifundo ngo-2013.
- Iincwadi zomsebenzi zamaBakala1 - 6 zabonelelwa liSebe leMfundo esiSiseko, laza iSebe iWCED lazisa ezikolweni.

ISebe iWCED lathatha inxaxheba ekuqulunqweni nakumsebenzi weprojekthi yophando yeBakala 3 eqhutywe yiYunivesithi yaseStellenbosch. Iphamflethi esekelwe kwiziphumo neengcebiso ngophando yathunyelwa kuzo zonke izikolo eziziiprayimari ekupheleni kukaJanuwari 2011. Ukuphunyezwa kweziphumo zophando, ingakumbi ezo zimalunga nesantya sokugqitywa kwekharityhulam noko kulindelwe ngoottishala kumanqanaba entsebenzo abafundi abanokufikelela kuwo, kuya kuqhutywa kuzo zonke izikolo yaye kubekwe esweni. Isiphumo esikhuthazayo sibe kukuba izikolo zithathwa njengokuba zisebenza kakuhle ngokuqhelekileyo yaye azbonisi zimpawu zokungaqhubi kakuhle abaphandi abebelindele ukuzifumana.

#### *Ukuqaliswa kweProgram yeZikolo eziPhakamileyo*

Iprogram yongenelelo ngoncedo yeZikolo eziPhakamileyo yalungiselelwa ukuphunyezwa ngoJanuwari 2010. Yaqala ngenkazo ebanzi yeziphumo zeBakala 12 ngesikolo ngasinye. Oku kwallandela kukwenziwa kwesicwangciso esibanzi ukuphendula kwiziphumo zango-2009. Isicwangciso sobuchule sabandakanya ukuchazwa kwezo zifundo zinereyithi ephezulu yokungaphumeleli kwabafundi, ukwenzela ukuba kuboniswe ezo nkalo zinengxaki ezifuna inkxaso eyodwa. Idatha yendlela abaqhuba ngayo kwizifundo, neyanika izikolo iziphumo zazo kumbuzo ngamnye ngo-2009 kumaphepha emibuzo eSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, yathunyelwa kwisikolo ngasinye. Emva koko, kwamiselwa iithagethi ekulindeleke ukuba bafikelele kuzo kwizifundo kwisikolo ngasinye, kwakunye nesicwangciso sokuba kungafikelelwa njani na kwiithagethi zamanani abafundi abafanele ukupasa iNSC ngo-2010.

Izithili zemfundo zakhetha ootitshala bokufundisa abanamava (*experienced tutors*) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu zaza zamsela iprogram yokufundisa. Kwathengwa iincwadi zezifundo ezonegezelelwego, ngokwemali efumanekayo, yaye kwamiselwa iisistim zokuqinisekisa ukusetyenziswa nokubuyiswa kweencwadi zezifundo ngabafundi nootitshala. Kwabonelelwa nangezinto zokubhala. Umfundu ngamnye wabonelelwa ngepeksi yamaphepha emibuzo ethuba elidlulileyo kwakunye nencwadana ethi, “*Tips for Success in NSC*”. Kubekho iiseshoni zengcaciso nabazali nabanye abantu abachaphazelekayo ngamalungiselelo eemviwo.

Ukunika inkxaso ekufundiseni nasekufundeni, kwabakho iiklasi ezonegezelelwego ezaqhutywa ngoottishala emva kwemini nangeempelaveki nangeeholide. Inkxaso engqamene ngqo nesifundo yaBacebisi ngezeKharityhulam yabonelelwa ngexesha lokutelelwa kwezikolo ubuncinane kabini ngekota. Kwagxininiswa ekusetyenzisweni ngokupheleleyo kwazo zonke iintsuku zesikolo nexesha lokufundisa. Kwaqhutywa iprogram yeTelematics, neeklasi ezsasazwa ngethivi ngoottishala abaneqhuzu kwizikolo eziyi-120 yaye izithili zemfundo zabamba iintlanganiso zenkxaso nokumisela imigangatho.

#### *Uphuhliso loottitshala nenkxaso*

Kusetyenziswa ipeyiroli yeSebe iWCED elingana ne-1% ukuphucula izakhono nobuchule babaqeshwa beWCED. Amanqanaba ezakhono ootitshala, aphuculwa nawo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo eProgram iWorkplace Skills’ Programme (WSP). La maphulo ajolise kwiimfuno zoqequeso, ezichazwe kwiziCwangciso i-School Improvement Plans ne-District Improvement Plans, yaye aququzelelwa kwizithili zemfundo.

lintlobo ngeentlobo zeekhos i zoqeqesho, ii semina neenkomfa zaqhutywa yi-*CTLI*, yaye zezona zingundoqo kuqeqesho lwabo basesenkonzweni kwiSebe *iWCED*. likosi zanika ikhontenti yekharityhulam nemethodoloji kwisigaba seSiseko, esipPhakathi nesiPhezulu. Enye inkalo eyipravorthi, yaba ziiprogram zolawulo lwasikolo nophuhliso lobunkokeli. Ukongeza kwiikhosi zeeveki ezimbini ukuya kwezine kwezi nkalo, *iCTLI* yaqhuba kwakhona iintlobo ngeentlobo zeesmina neenkomfa ngezihloko ezibalulekileyo. Ngala maphulo, *iCTLI* yafikelela kootitshala abayi-3 378 ngalo nyaka-mali.

Kwaqhutywa iikhosi zokufundisa apho kuthagethwa okuthile, ezifana ne-*Advanced Certificate in Education (ACE)* ezigxinisa kwiinkalo ezininzi ezahlukeneyo, kubandakanya neMathematika, *iNatural Science*, *iSchool Leadership*, *i-Librarianship*, *iLife Orientation*, *iFoundation Phase* noLwimi, kumaziko emfundo aphakamileyo. Ezi khosi zaqulunqwa zaza zaxhaswa ngemali liSebe *iWCED* ekulilinge lokuphucula amabanga emfundo ootishala nokuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa eklasini. Ziyi-2 100 iibhasari ezanikwa ootishala abasenkonzweni ukuphucula amabanga abo emfundo neebhasari eziyi-106 zaphambi kokungena enkonzweni kwizifundo zeenkalo ezingaxhaphakanga (*scarce subject areas*).

#### *Ukhuseleko lweZikolo*

Iprogram *iSafe Schools Programme* inesicwangciso sobuchule esinjongo zintlantlu-ntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: i) *iZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (Safe Schools Call Centre)*, apho kunokuxelwa iintlobo ngeentlobo zobundlobongela obenzeka nokuqala ezikolweni ii) apho kunokunikwa iingcebiso ngokusebeniza *iZiko leeFoni (Call Centre)* kwabo bantu baxhwalekiswe ngumothuko (*traumatised individuals*) yaye iii) nalapho kubonelelwa ngokhuseleko kwizakhiwo (*physical security*).

Ukongeza, kwiZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*) nenkxaso yokhuseleko lweziseko zophuhliso, iSebe *iWCED* libonelela ngeeprogram zemfundo ukukhuthaza izinto ezakhayo ezifana nezemidlalo, imisebenzi yobugcisa, idrama nengcaciso ngamakhondo emisebenzi exa elizayo. Iprogram zigxinisa kutshintsho olumalunga neendlela zokusinga okanye indlela yokuziphatha, iinkqubo zobuchule nezakhayo ekusombululen iimbambano kwezolawulo noqeqesho ekulamleni iimbambano. Amagosa ezibonelelo zokhuseleko aqeshelwe ukunika inkxaso izikolo neekomiti zokhuseleko zezikolo nezicwangciso zokhuseleko; ukumisela inkxaso kune/okanye iiprogram zokuthintela okungekehli nokuba ngumzekelo omhle onika ithembamcemebisi kwizikolo eziyi-109 ezsengozini exhomisa amehlo.

Amagosa anika inkxaso abafundi ayabalandelela abafundi abatshungayo (*truant learners*) aze aphonononge iingxaki zabo. Ababonelela ngeengcebiso aze Anike inkxaso abafundi abasengozini yaye aqjinisekise ukuba abafundi bayafikelela kwiinkonzo abazifunayo. Amagosa anika inkxaso abafundi, aququzelela iprojekthi i “*Youth in Control*” njengenxalenye yeprogram yeholide. Le projekthi ijolise ekubetheleleni iindlela zokusinga ezinika ithembamcemebisi nokuziphatha ngendlela eyiyo ngokusa abafundi abasengozini kwizitraktsha zemfundo ezifanelekileyo nokuphuhlisa izakhono nokuphumeza iiprojekthi zabahlali zezakhono. Ngethuba leeholide zesikolo ngoJuni nangoJulayi 2010, iyunithi yoLawulo loKhuseleko (*Safety Management unit*) yabonelela ngeeprogram kubafundi; ukugxinisa kwindlela yokuhlala ukwentle impilo nokuzilolonga” (“*healthy lifestyles and physical exercise*”).

### *Amaphulo enkxaso ezithili zemfundo*

Ukulungela isikolo: Inkqubo yokuvavanya ukulungela isikolo ukulungiselela unyaka wesikolo ka-2011 yaqala ngoSeptemba 2010. Isixhobo sokuvavanya izikolo kwizinto ezintandathu (ukuqeshwa kwabasebenzi; ithayimthebhile yesikolo; ukwamkelwa kwabafundi; iLTS; izakhiwo ezicocekileyo ezinganayo igrafiti namabala acocekileyo) sasetyenziswa ngamagosa ezithili zemfundo ukuqinisekisa ukuba zeziphi na izikolo ebezikulungele ukuvula yaye zifundise. Amagosa ke ngoko ancedisa izikolo ukujongana nemiba ekungafikelewanga kuyo ngokuthi kuvalwe izikolo nge-17 Januvari 2011, yaye izikolo ezininzi bezikulungele ukufundisa abafundi bazo. Ukongeza, izikolo zachelwa ukuba ziqinisekise ukuba amabala azo acoekile, mahle, nengca isikiwe kuwo. Ezinye izikolo zancedwa liSebe leeNkonzo zoLuleko (*Department of Correctional Services*).

Ukwenzela ukuphucula izakhono zabasebenzi bezithili zemfundo, kwacwangcisa uqequesho nolwalungiselela iintlobo ngeentlobo zabasebenzi (liSayikhologisti zezikolo, abaphathi beze-IMG, aBacebisi bezeKharityhulam, aBaphathi beeKomiti zeeSekethe, ooNontlalontle naBacebisi abaLawula ezoPhuhliso (*Administrative Development Advisers*). Ayi- 583 ewonke amagosa ayayo kuqequesho.

### *Amabhaso okuwonga ootitshala abaggwesileyo*

Baliqela ootitshala baseNtshona Koloni abagqwesa kumabhaso okufundisa kazwelonke ngolu hlobo lulandelayo:

1. Ukutshatshela kubuNkokeli kwiZikolo zasePrayimari  
Ms Michlene Ashley - Kirstenhof Primary School
2. Ukutshatshela kubuNkokeli kwiZikolo zasePrayimari  
Mr Imtiaz Adams - Surrey Primary School
3. Ukutshatshela kubuNkokeli kwiZikolo zaseSekondari  
Mr David Millar - Norman Henshilwood High School
4. Ukutshatshela kwiMfundu eBandakanya bonke abaFundis nokuFundisa kwiZikolo zeMfundu eneeMfundu eziZodwa  
Ms Zelda de Villiers - Jan Kriel School
5. Ukutshatshela ekuFundiseni iBakala R  
Ms Juanita Van der Merwe - Piketberg High School

### Iprogram 3: Inkxaso-mali enikwa iZikolo eziZimeleyo

#### Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996

#### Le program yenkxaso-mali yeZikolo eziZimeleyo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo

*Isigaba sasePrayimari*

- ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ezifundisa amaBakala 1 - 7

*Isigaba saseSekondari*

- ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ezifundisa amaBakala 8 - 12

#### Injongo ecwangciswe ngobuchule

<b>Injongo ecwangciswe ngobuchule 3.1</b>	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimelyo ngokungqinelana nomthetho ofanelekileyo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo
---	---

#### Ukuqulunqwa komgaqo-nkqubo weeProgram ngo-2010/11

NgokoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika, nabani na unokuseka aze aqhube ngeendleko zakhe isikolo esizimeleyo, ngokuxhomekeka kwiikhayitheriya ngeekhayitheriya. Ezi zikolo mazingabi nalucalucalu-calulo ngokubhekiselele kuhlanga, mazigcine imfundo esemgangathweni ongenguwo lowo ungaphantsi kwalowo wesikolo sikarhulumnte esifana naso yaye masibhaliswe kwisebe lemfundo lephondo.

Ngo-2010, inkxaso eyanikwa izikolo ezizimeleyo ibe luxanduva lwakaNdunkulu ukwenzela ukuba amagosa ezithili akwazi ukugxininisa inkxaso ikakhulu kwizikolo zikarhulumente. ISebe iWCED latyelela izikolo ezizimeleyo eziyi-127 kweziyi-212 ezibhalisiwego. Izikolo ziyazifumana zonke iisetyhula nembaletwano yeWCED, ziyamenya kubo bonke oomasifundisane yaye ziyakhuthazwa ukuba zisebenzise iziko lewebhu leWCED.

#### Imimiselo emalunga nobhaliso nenkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo

UMphathiswa weMfundu kwiPhondo leNtshona Koloni, ngokungqinelana neSiqendu 46 no-48 zoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), ofakelwe izilungiso, upapashe imimiselo ehlaziyiweyo emisela ou kulandelayo:

1. limfuno neemiqathango yobhaliso
2. linkqubo zobhaliso
3. Izatifikethi zobhaliso
4. Imvume yabafundi yokubhalisela nokuhlalela iimviwo
5. Ukubeka esweni nokwazi ukufikelela kwizikolo ezizimeleyo
6. linkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo
7. Ukurhoxiswa kobhaliso nokuvalwa kwezikolo ezizimeleyo
8. Izibheno ezenziwa kuMphathiswa wePhondo

Imimiselo eyidrafti yathunyelwa kuzo zonke izikolo ezizimeleyo nakubathathi-nxaxheba ukwenzela ukuba benzi iikhomenti ungekadluli owe-18 Matshi 2011. Ezi khomenti ziya kuthathelwa ingqalelo, kuze kuqulunqwe uxwebhu oluyidrafti yokugqibela. Yakuba ivuniwego nguMphathiswa wePhondo wezeMfundu, iya kupapashwa kwiGazethi kaRhulumente ukwenzela ukuba iphunyezwe ngoJanuwari 2012.

### **linjongo eziCwangciswe ngobuchule neZalathisi**

**Imilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram (Imilinganiselo kaZwelonke)**

► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali enikwa iZikolo eziZimeleyo

ST301	Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo-Inmba ephambili	2008/09		2009/10		2010/11	
		Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	Eyona kanye kanye	Ithagethi	Eyona kanye kanye	Ithagethi
<b>Intlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)</b>							
3.1	Isigaba sePrayimari		19,500	22,610		24,028	24,015
3.2	Isigaba seSekondari		24,619	32,912		35,681	35,681
<b>Itotali</b>		<b>44,119</b>	<b>55,522</b>		<b>59,709</b>		<b>59,696</b>
<b>Intlawulo ngokokuhlewa kwezoqoqosho (R'000)</b>							
Intlawulo zalo nyaka-mali			0	0		0	0
Imbuyseselo yabasebenzi			0	0		0	0
Impahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali			0	0		0	0
Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini			44,119	55,522		59,709	59,696
Intlawulo zee-capital assets			0	0		0	0
<b>Itotali</b>		<b>44,119</b>	<b>55,522</b>		<b>59,709</b>		<b>59,696</b>
<b>Linkukachacha -manani zeNtsebenzo</b>							
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>							
Inani lootishala (abaqeshwiw ngurhulumente)			-	-		-	-
<b>Ubhaliso</b>							
<b>Abafundi kwizikolo ezizimeleyo abafumana inkxaso-mali</b>							
- Isigaba sePrayimari			17 397	17 928		18 100	16 625
- Isigaba seSekondari			11 115	11 657		11 770	10 844
Abafundi kwizikolo ezizimeleyo abangafumani nkxaso-mali			6 282	6 271		6 340	5 781
AmaBakala 1-7			<b>13 744</b>	<b>9 096</b>		<b>9 036</b>	<b>19 515</b>
AmaBakala 8-12			6 871	6 218		6 158	10 721
<b>Itotali (bonke abafundi bezikolo ezizimeleyo)</b>		<b>31 141</b>	<b>27 024</b>		<b>27 136</b>		<b>36 140*</b>

ST301	Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo-Inmba ephambili					2010/11 Eyona kanye kanye	2010/11 Ithagethi	2010/11 Eyona kanye kanye
		2008/09	2009/10	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Ithagethi			
<b>Amaziko</b>								
Izikolo ezifumana inkxaso-mali (a)		98	106	106	106	97		
3.1 Isigaba sePrayimari		66	80	80	80	40		
3.2 Isigaba seSekondari		26	26	26	26	57		
Izikolo ezingayifumanayo inkxaso-mali		115	125	125	125	115		
<b>Total</b>		<b>213</b>	<b>231</b>	<b>231</b>	<b>231</b>	<b>212</b>		
Izikolo ezifumana inkxaso-mali ezityelwelayo apha enyakeni ukulungiseleta iinjongo zokubeka esweni (b)		61	106	106	106	97		
<b>► Umlinganiselo wentsebenzo kwiiProgram</b>								
► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo		17 397	17 928	17 928	18 100	16 625		
<b>Makuqatshelwe:</b>								
* Idatha yabafundi enomahluko ngumba ongathembekanga wkungeniswa kweeseti zedatha zizikolo ezizimeleyo kwixa eldlilleyo. Obu buthathaka bulungiswa kw-SNAP survey ka-2011 engeniswe zizo zonke izikolo.								

## Imilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram, iiNJongo eziCwangciswe ngoBuchule, neZalathi: lingxoxo ngoMahluko

► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo

Ithagethi: 18 000

Eyona kanye: 16 625

lingxoxo: Ukuhla kwamanani kubangelwa zizikolo ezimbalwa ezifumana inkxaso-mali ngenxa yokuvalwa kwesikolo esinye (1) nezikolo eziyi-8 ezingasalungele ukufumana inkxaso-mali. Izikolo ezazikhethwe kwangaphambili kumanqanaba ahlukeneyo enkxaso-mali, ngokusekelwe kwiifizi zezikolo ezibizwa ngo-2004. Nakuba kunjalo, ngo-2010, izikolo zahlelwa ngokutsha kwakhona ngokusekelwe kwiifizi zezikolo zazo zango-2008. Oku kuthetha ukuba ukwanda kwiifizi zezikolo ekuhambeni kweminyaka kuzibeke izikolo kudidi olungasafanele kuzuza nkxaso-mali.

### lingxoxo

Ukungeniswa kwedatha efanelekileyo zizikolo ezizimeleyo kwiSebe iWCED kuye kumana kutshintsha-tshintsha, kungangqinelani. Ngaphandle kwango-2008, kubekho iqondo eliphezulu leengxelo (*high return rate*) kwiSNAP Survey kune-*Annual School Survey*. Iprogram yokutyelala izikolo ezizimeleyo ka-2010 yakhokelela ekwandenit ngamandla kweengxelo ze-SNAP Survey ngo-2010 yaye zonke izikolo eziyi-185 zangenisa iimpendulo zazo ngo-2011.

	<b>SNAP 07 Engenisiwego</b>	<b>SNAP 08 Engenisiwego</b>	<b>SNAP 09 Engenisiwego</b>	<b>SNAP 10 Engenisiwego</b>	<b>SNAP 11 Engenisiwego</b>
No	73	63	96	105	185
%	57.48	49.61	75.59	82.6	100%

	<b>ASS 07 Engenisiwego</b>	<b>ASS 08 Engenisiwego</b>	<b>ASS 09 Engenisiwego</b>	<b>ASSS 10 Engenisiwego</b>
No	59	86	62	161
%	46.46	67.72	48.82	88.0

litheyibile: Ungqinelwano lwedatha ye-ASS neSS engenisiwego ngokusekelwe kwisampula yezikolo eziyi-127 (Umthombo:EMS)

Ulawulo lweandelole lezikolo ezizimeleyo lwafakwa phantsi kwecandelo leze-IMG: (*Institutional Management and Governance*) ngo-2010, ngokwenjenjalo zabe zikhululwe izithili zemfundo ukuze zigxinise kwizikolo zikarhulumente. Kwatyelwa iZikolo eziZimeleyo eziyi-127 ukuzibonelela ngenxaso kulawulo, kwikarityhulam nasekuphathweni kweziko. Ngenxa yoku, kwabanjwa intlanganiso yazo zonke izikolo ezizimeleyo eKapa ukunika izicwangciso zika-2010. Ootishala kwizikolo ezizimeleyo bayo koomasfundisane bezikolo ezizimeleyo abaqhutywa liSebe iWCED. Izikolo ezizimeleyo zaqeleshwa kwi-CEMIS kwaza kwamiselwa nezixhobo zokulawula idatha ukulandeleta ukutyelela kwezikolo neengxelo ezifunyenwego.

ISebe iWCED lagqibelala ukulungiswa neentlawulo zenxaso-mali kumaziko ayi-104 kwaza kwasingathwa nezicelo eztsha zenxaso-mali ngokumalunga nezikolo ezi-5. Izikolo zachazelwa ngolwabiwo-mali lokugqibela lweenkxaso-mali ngo-2011/12 ungdululanga owe-30 Septemba 2010.

Zine izicelo eztsha zobhaliso ezaphunyeywayo. Ukuphicothwa kweencwadi zemali zezikolo ezingaqhubi kakuhle kube ngunozala wokukhutshwa kwesikolo esinye kwiincwadi zobhaliso. ISebe iWCED likwaqhube uphando ngezikhalazo eztifa nokuqhuba kakubi kwizifundo, ulawulo olukumgangatho ophantsi, iifizi zesikolo nokuqhuba kwesikolo njengeziko elingabhaliswangwa.

Izlungiso ezicetyiswayo kwimimiselo yezikolo ezizimeleyo zathunyelwa kwizikolo ukuba zenze iikhomenti ngazo. Ezi zilungiso zifikelela kwiimfuno zobhaliso ezingummiselo, nemiqathango ekunokurhoxiswa phantsi kwayo ubhaliso; ukubhalisela iimviwo kwabafundi; imiba yokubeka esweni nokwazi ukufikela nemigaqo emalunga neenkxaso-mali.

#### Iprogram 4: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente ezineemfuno ezizodwa

**Injongo:** Ukubonelela ngemfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996, ne-*White Paper 6 on Special Needs' Education: Building an Inclusive Education and Training System*

**Iprogram yeMfundo yeZikolo ezineemfuno eziZodwa zikaRhulumente iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:**

##### *Izikolo*

- ukubonelela izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente ngezibonelelo *linkonzo zokufundisa*
- ukunika inkxaso izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa *Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi*
- ukubonelela ngoqequesho nolunye uphuhliso lootitshala nabangezotitshala kwizikolo ezineemfuno ezizodwa zikarhulumente

##### **linjongo ecwangciswe ngobuchule**

<b>Injongo ecwangciswe ngobuchule 4.1</b>	Ukwandisa ngokupheleleyo ukufunda ngempumelelo nothathe-nxaxheba lwabo bonke abafundi kwizinto eziqhube ka kwezi zikolo nakwkharityhulam yamaziko emfundo nokunciphisa izithintelo ekufundeni ( <i>Education White Paper 6</i> )
---	--

##### **Ukuqulunqwa komgaqo-nkqubo weProgram ngo-2010/11**

Ngowe-1 Apreli 2010 waqalisa ukusebenza uMthetho *i-Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*. NgokweSiqendu 196 (3) soMthetho *i-Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, ezo zikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), ezeluxanduva lweSebe leMfundo lephondo njengangoku ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*), kwithuba leminyaka emibini yokuqalisa kwesahluko esifanalekileyo kulo Mthetho. Oku kuthetha ukuba izikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo eMzantsi Afrika zingatshintshelwa kwiSebe loPhuhliso lweNtlalo ekupheleni kuka-Apreli 2012.

Nangona amaziko ononophelo lolutsha nemfundo eSebe iWCED athe amkele abafundi abathunyelwa kulo ziinkundla zomthetho *ii-children's and juvenile justice courts*, akaweli phantsi kwamaziko aza kutshintshelwa kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo. Amaziko ononophelo lolutsha nemfundo eneemfuno ezizodwa abafundi abaneemfuno ezizodwa, asekwe phantsi kweSiqendu 12 soMthetho ofakela izilungiso kuMthetho weMfundo wePhondo leNtshona Koloni (*Western Cape Provincial School Education Act (Act 12 of 1997)*). Oku kuthetha ukuba kuhela ngumsebenzi wokulungiselela abafundi abathunyelwe ziinkundla kwezi zikolo zineemfuno ezizodwa oya kutshintshelwa kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo. ISebe leMfundo esiSiseko liya kuququzelela le nkqubo ngokudibene neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo namasebe afanelekileyo. Njengangoku mathathu amaziko ahlalisa abafundi abathunyelwe ngenxa yemithetho efanelekileyo: *Eureka Special Youth, Education Centre ne-Ottery Youth and Education Centre: neWellington Youth and Education Centre*.

##### **linjongo eziCwangciswe ngobuchule nezalathi**

<b>Imilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram (imilinganiselo kazwelonke)</b>
PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
PPM402: Inani lootitshala kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

ST401	Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa – Imiba ephambili	2008/09		2009/10		2010/11	
		Eyona kanye kanye					
<b>lntlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)</b>							
4.1 Izikolo		510,390		623,604		721,679	719,687
4.2 llnkonzo zokufundisa		0		0			-3
4.3 Upfuhliso lwezakhono zabasebenzi		0		0			
<b>Itotali</b>		<b>510,390</b>		<b>623,604</b>		<b>721,679</b>	<b>719,684</b>
<b>lntlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)</b>							
Intlawulo zalo nyaka-mali		414,963		490,034		561,183	559,188
Imbuyiselo yabasebenzi		411,090		484,441		553,264	551,269
Ootitshala		328,379		389,140		449,425	449,425
Abasebenzi abangezotitshala		82,711		95,300		101,847	101,843
Impahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali		3,873		5,593		7,919	7,919
Inkaso-mali neentlawulo ezenzia ngoomatshini		95,427		104,246		121,308	121,308
lntlawulo zee-capital assets		0		29,324		39,188	39,188
<b>Itotali</b>		<b>510,390</b>		<b>623,604</b>		<b>721,679</b>	<b>719,684</b>
* Ittagethi ka-2010/11 kwiNkicitho linani lolwabiwo-mali lokugqibela ngo- 2010/11							
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>							
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)		1 646		1 746		1 680	1 768
Inani labasebenzi abangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)		963		984		945	958
<b>Ubhaliso</b>							
Ukuya kufikeleta kwiBakala 7		8 200		8 522		10 483	9 411
lBakala 8 nangaphezulu		8 810		9 444		7 027	8 881
<b>Amaziko neziseko zophuhliso</b>		72		74		74	72

ST401	Imfundu kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhumente -Imiba ephambili	2008/09		2009/10		2010/11	
		Eyona kanye kanye					
<b>► Umlinganiselo wentsebenzo kwiiProgram</b>							
► PPM401: Inani labafundi ababhalisve kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhumente		17 010*		17 966		17 510	18 292
► PPM402: Inani loottishala abaqueshevwe kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhumente		1 646		1 746		1 680	1 768
► PPM403: Inani labasebenzi abangengabu ootitshala abaqeshwe kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhumente		963		984		945	958
<b>► Izalathi zeNtsebenzo yeProgram</b>							
► PPI 4.1. Izikolo ezenza zonke iinkorzo zokufundisa/iYunitthi ze-Elsen (Cumulative)		11		95		139	108
► PPI 4.2. Amaziko eZibonelelo		New PPI		8		10	17
► PPI 4.3. Inari lezikolo zezakhono		New PPI		17		19	17
<i>Makuqtatshelwe:</i>							
1. * La manani asondeziwe ukusawa kwelona liphezulu kuba idatha yobhaliso phambi ko-2009 ibengekangqiniswa kwisistim, yijo loo nito eyingiqikelolo eyenziviwe ngokwezizathu ezithile.							

## **Imilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram, iiNjongo eziCwangcisle ngoBuchule, neZalathisi: lingxoxo ngoMahluko**

► PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente

Ithagethi: 17 510

Eyona kanye: 18 292

lingxoxo: Ukwanda kwamanani abafundi kweli candelo kusisiphumo sokukhula kokwanda kwezikolo zezakhono ezisanda kusekwa kwithuba leminyaka emine.

► PPM402: Inani lootishala abaqueshwhe kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente

Ithagethi: 1 680

Eyona kanye: 1 768

lingxoxo: Izithuba ezili-10 ezonezelelweyo ze-Autism Spectrum Disorders (ASD) zabiwa ukususela kwi-1 Januwari 2011, ukwandisa ufileko Iwabafundi abane-ASD. Ukongeza, izithuba zengqesho zootitshala ezonezelelweyo (*additional inclusive educator posts*) zabelwa amaziko ezibonelelo aza kusekwa.

► PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqueshwhe kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente

Ithagethi: 945

Eyona kanye: 958

lingxoxo: Kwabakho ukukhula ngezithuba eziyi-29 ngenxa yokwanda kwizikolo zezakhono. Ukwanda okungaphezulu kumanani abasebenzi abangezotitshala bekubangelwe ngabasebenzi bemvumelwano abatshintshwe ekubeni ngabemvumelwano babangabaqeshwe isigxina nokuzaliswa kwezithuba ezinganabantu ezixhaswa ngemali ngurhulumnete (*substantive posts*) ngabaqeshwe ngemvumelwano.

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram

PPI 4.1. Izikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa/iiYunithi ze-ElSen (Cumulative)

Ithagethi: 139

Eyona kanye: 108

lingxoxo:

Iyunithi ze-ELSEN eziyi-39 zasekwa ukuze itotali epheleleyo yeZikolo eZenzo zonke iiNkonzo zoKufundisa zibe yi-108 (*Full Service Schools*)

Ukukhula kweli candelo kuxhomekeke kubukho bezibonelelo (ezemali nezingabantu). Kwixa eligqithileyo, izikolo bezibizwa njengezenza zonke iinkonzo kuphela kuba zineklasi eyiunithi. Iyunithi yeklasi ibifuna utitshala. Yiyo ke le nto bekungakwazeki ukubonelelwya ngezithuba, xa kungekho ziunithi ziqaqiyeyo'. Indlela eyamkelekileyo yokuyiqonda kakuhle le meko kukuba izikolo ezenza zonke iinkonzo "zizikolo ezibandakanya bonke abafundi" yaye akuyomfuneko ukuba zibeneeyunithi eziziklasi. Kukhethwa ukuba ezi zizikolo zingabahluli abafundi ngale ndlela yaye endaweni yoko, zibonelele ngenkxaso kubafundi ngokusebenzia abasebenzi abazingcali (*specialist personnel*), nezixhobo zokuncedisa nokuphucula izakhono zootitshala. liklasi zeeyunithi sele zisekiwe kwizikolo ezinazo zonke iindidi zabafundi eziyi-106 (*106 mainstream schools*). Ezi zikolo kungokunje zigualwa zibe zizikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa. Izikolo ezonezelelweyo eziyi-33 ezifundisa bonke abafundi eziza klinikwa inkxaso ziikomiti zenkxaso ii-Inclusive Education Support teams ezisekelwe kwi-Special School Resource Centres, ziya kutshintshwa zibe zizikolo ezenza zonke iinkonzo ngo-2011.

PPI 4.2. Amaziko eZibonelelo

Ithagethi: 10

Eyona kanye: 17

lingxoxo: Imali evela kwi-DBE yancedisa ekwandiseni inani lamaziko ezibonelelo. Kumiselwe iikomiti ezilishumi elinesithandathu (16) ii-Inclusive Education Support Teams kwizikolo ezikhethiweyo ukwenzela ukuba kubonelelwya ngenkxaso kwezemfundo kwabo bafundi banengxaki yezithintelo ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kulo ngingqi. IKomiti yephondo i-Autism Spectrum Disorder team yasekwa eVera School ukunika inkxaso ekuqlaweni kweeyunithi zabafundi kwi-autistic spectrum kwizikolo ezaziwa njengezikolo ezikhethelwe le njongo.

PPI 4.3. Inani lezikolo zezakhono

Ithagethi: 19

Eyona kanye: 17

lingxoxo: Izikolo zezakhono ezibini esicwangcisiwego azikhange zivule ngenxa yezi zizathu zilandelayo:

- isikolo kwi-Metro North Education District, i-Bishops School of Skills, azibanga nakuvula kuba kukho isikolo esisuswe endaweni yaso saza sahlalisa kumasango aso ngenxa yeengxaki zeziseko zophuhliso
- isikolo esakhethelwa ukuba siza kwakhiwa sibe sisikolo sezakhono sasuka sakhetelwa ukuba sakhiwe sibe sese-ELSEN ukwenzela ukulungiselela iimfuno zesithili iMetro South education district.

**lingxoxo:**

*Ukwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi*

Imfundo ebandakanya bonke abafundi liphulo elixhaswa nguzwelonke (*nationally-funded initiative*) nokwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi nazo zonke izitraktsha, kuhlala kuyipravorithi yawo onke amasebe emfundo amaphondo ukuqinisekisa ukufikelela kwabafundi abanengxaki yezithintelo ekufundeni.

*Izitraktsha zokunika inkxaso ukwanda kwiMfundo eBandakanya bonke abafundi*

Umbono we-*Education White Paper 6* ukhokela amasebe amaphondo ekupuhliseni imfundo ebandakanya bonke abafundi nenqubo yoqequesho. Ngokwe-*Education White Paper 6*, onke amacandelo enkqubo yemfundo makaxhotyiselwe ukubanako ukuqaphela izithintelo ekufundeni nophuhliso ukwenzela ukuba kulungiselelw iimfuno ezahlukenyero zokufunda zabo bonke abafundi.

Ngo-2010/11 ukwandiswa kwemfundo *i-inclusive education (IE)* kwaququzelelwa kwinqanaba lesikolo ngokwenziwa kweekomiti zokunika inkxaso kwinqanaba lamaziko; ukusekwa kweeyunithi ze-ELSEN kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezikhethelwe ukomelezwa njengezikolo ezenza zonke iinkonzo nokomeleza izikolo ezineemfuno ezizodwa ezikhethwe njengamaziko ezbonelelo ukwenzela ukubonelela ngenxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa kubafundi abanengxaki yezithintelo ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. Kwinqanaba lesithili bekukho uqequesho lweekomiti ezikwizithili zemfundo.

### **Ukomeleza inkxaso kwinqanaba lezikolo**

*Kwaseka ii-Institution-level support teams (ILST) kwizikolo ezininzi zikarhulumente eziqhelekileyo. Izikolo zikarhulumente ezenza zonke iinkonzo zokufundisa (full-service schools)*

Landile inani lezikolo ze-*ELSEN-units*. Uninzi lwaba bafundi lubhalise kwii-*ELSEN-units*, kwixesha langaphambili bebeza kuthunyelwa kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa (*special schools*). Aba bafundi banokuhamba isikolo esikufutshane namakhaya abo ngokungqinelana ne-*Education White Paper (EWP) 6*. Ootishala be-*ELSEN units* banikwa inkxaso zi komiti zenkxaso ezikwizithili zemfundo neekomiti zemfundo ezibandakanya bonke abafundi *i-inclusive education outreach teams* ezabelwe amaziko ezbonelelo/izikolo ezineemfuno ezizodwa (*resource centres/special schools*).

*Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa*

Njengangoku, iSebe iWCED linezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa eziyi-72 ezilungiselela abafundi abaneemfuno ezizodwa. Ezi zikolo ze zibhedlele zilandelayo zahlanganisa namaziko ezbonelela ezikhoyo: i-Sonstraal Hospital School ne-Lentegeur Special School; iBrewelskloof Hospital School ne-Pionier School ne-Prince Alice Hospital School ne-Groote Schuur Hospital School. Ukwanda kwamanani abafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa sisiphumo sokwanda kwisithuba seminyaka emine yokubakho kwezikolo ze zakhono, kwakunye nokwakhiwa kwezikolo ze zakhono ezibini ezonegezelwego.

### *Amaziko ezibonelelo*

Amaziko ezibonelelo alishumi elinesithandathu (16) akhethelwe le njongo, afumana izithuba ezonegezelweyo ukulungiselela iikomiti *ii-outreach teams (IE Teams)* ukunika inkxaso kubafundi abanengxaki yezithintelo ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa nee-*ELSEN-units*. Ezi komiti ze-IE zinetherapisti ezingootitshala (*educator therapist*), isayikhologisti, notitshala onika inkxaso kubafundi.

Ikomiti yephondo i-*Autism Spectrum Disorders (ASD)* yabelwe iVera School ukuyincedisa ekusekeni iiyunithi zabafundi abane-ASD nokuhlola aba bafundi. Le komiti ixhobisa ootitshala kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezikhethelwe le njongo ngokubaqeqesha ekwenzeni kanye umsebenzi (*hands-on training*), ngokubabeka esweni nangokuvavanya izicwangciso zongenelelo ngoncedo ze-ASD.

### *Inkxaso ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo*

Oomasifundisane bolwazi lokufunda nokubhala bootitshala abanika inkxaso ekufundeni nabacebisi abanika inkxaso ekufundeni baqhutywe apha phakathi enyakeni. Kwafunyanwa izicelo eziyi-742 nezaye zasingathwa, zokufakwa kwabafundi ezindaweni kwii-*ELSEN units*

### **Ukomeleza inkxaso kwinqanaba lezhithili zemfundo**

#### *Ilikomiti zenkxaso ezikwizithili zemfundo:*

Abasebenzi be-SLES, ngokudibene neekomiti zeesekethe babonelela ngenkxaso kwimfundu eneemfuno ezizodwa kubafundi abanengxaki yezithintelo ekufundeni Abasebenzi abanika inkxaso kwimfundu eneemfuno ezizodwa babandakanya iisayikhologisti, oonontlalontle, abacebisi abanika inkxaso, iitherapisti ezinkulu abacebisi bezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa namagosa eHIV/AIDS nawesondlo ezikolweni (*psychologists, social workers, learning support advisers, senior therapists, special school advisers, HIV/AIDS and school nutrition officials.*)

#### *Isicwangciso iScreening, Identification Assessment Strategy (SIAS)*

Isicwangciso seSIAS siye salungisisiswa ngelinge lokunciphisa umthwalo wolawulo wootitshala. ISebe iDBE likwajongisia ezi ziphakamiso ngenjongo yokuziphumeza.

#### *Izikolo zezakhono*

Zilishuni elinesixhenxe izikolo zezakhono yaye amacandelo amahlanu ezikolo zezakhono kwizikolo ezineemfuno ezizodwa aye asekwa eNtshona Koloni. Njengangoku bayi-7 185 abafundi ababhalise kwizikolo zezakhono babe yi-731 abafundi kwiiyunithi zezakhono kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Izikolo zezakhono ziyingalenye yeSigaba esiPhezulu seGET (AmaBakala 6-8). Izifundo zihlulwa kubini, isiqingatha yiprogram yokufundisa esetyenziselwa ikharityhulam yezifundo ukuze esinye isiqingatha ibe sesoqeqesho lwezakhono zeprakhtikhali. Uphuhliso olulolunye lwekharityhulam yezikolo zezakhono luya kuqhutywa ngo- 2011/12.

## **Uphuhliso Iwezakhono zabasebenzi**

### *Itherapisti zezemfundo*

Kwenziwe amalungiselelo ezithuba zetherapisti zezemfundo kwizithuba ezabelwe amaziko kwisithili semfundo ngasinye. Injongo yezi zithuba kukuncedisa iikomiti ze-*Inclusive Education (IE)* ngokuqaliswa kwe-*IE* nokufaka igalelo kupuhliso lweeprogram zongenelelo ngoncedo ukwenzela abafundi abanengxaki yezithintelo ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

### *Lisayikholojisti zezikolo*

Bayi-105 abaziisayikholojisti, ii-sayikhometristi (*psychometrists*) nabacebisi abaqeshwe liSebe leWCED ababeye kumasifundisane we “*Therapeutic Interventions*” oququzelelw yi-*Health Professions Council of South Africa for continuous professional development points*.

### *Onontlalontle bezikolo*

Oonontlalontle bezikolo baya kuqequesho ukuphucula ukuqonda ncum, ukwazi ukucazulula nokuza neempendulo kwiingxaki zezikolo. Oonontlalontle bezikolo bafumana uqequesho kuMthetho i-*Children’s Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, noMthetho i-*Sexual Offences Act*, kunye nakwiinkalo eziyiprayorithi ezilishumi zeSebe iWCED. Kubonelelw isiCwangciso i-WCED Strategy for the Prevention and Management of Substance Abuse in Schools.

### *Izicwangciso ezinika ithemba zokubuyisa izimilo nophuhliso lolutsha*

ISebe iWCED likhuthaza izicwangciso ezinika ithemba zokubuyisa izimilo nophuhliso lolutsha. Luqhubele uqequesho kwiiprogram zolawulo lwendlela yokuziphatha enika ithemba. Bayi-144 ootitshala nabasebenzi bezithili zemfundo ababeqequeshw kwiiprogram ezimbini.

### **Amaphulo ongenelelo ngoncedo awodwa**

#### *Ukuziphatha kakuhle kwabafundi*

Ukwanda kwanamani ezicelo zokugxothwa ngo-201/2011 kungqina ukuba ukuziphatha kakuhle kwabafundi kuhlala kungumngeni yaye kugxinisa imfuno yenqubo ecwangcisiweyo nehlanganisiweyo. Isicwangciso seWCED sokukhuthaza izimilo ezhile kunika inkubo-sikhokelo yokuguqula izikolo ukuze zibe ziindawo ezinika ithemba nezisekelwe kwiimfundiso eziziseko ezifana kwihiabathi jikelele. Lindawo ezinjengazo zikhuthaza izicwangciso zenkxaso zangaphakathi nezangaphandle zokucela umngeni kubafundi ukwenzela ukuba batshintshe yaye baqhubeke nokuziphatha ngendlela efanelekileyo. Okubaluleke kwangokufanayo ngamathuba oqequesho lootitshala eenkubo zokubuyisa izimilo, neyenza bakwazi ukuza neempendulo kwiingxaki zesimilo ezingumngeni.

#### *Uvavanyo lwempilo ezikolweni nenkxaso*

lisetyhula ezingemasisi (*measles*), ipoliyo (*polio*) ne-H1N1 zathunyelwa ezikolweni. ISebe leMfundu neSebe lezeMpilo, aseka iKomiti iSchool Health Screening Task Team ukuvelisa iinkubo zokuqalisa uvavanyo lwezempiro ezikolweni (*school health screening*) kwiphondo. Ukufunyaniswa kwasekuqaleni kwezithintelo ekufundeni kubalulekile kakulu kwinkubo yokujongana nezithintelo ukuphucula ukukhula kwabantwana nokubonelela ngenkxaso kusapho. Ungenelelo kwasekuqaleni lubonisa ukuba abantwana abalolu hlobo (a) bafuna iinkonzo zemfundo eneemfuno ezizodwa nezinye iinkonzo zokubuyiswa kwezimilo (*other rehabilitative services*) kamva ebomini babo (b) abafundi bayagcinwa kwibakala elingeantsi kwelo liqhelekileyo yaye (c) kwezinye iimeko abafundi abachaphazelekayo bebengenakwahlulwa kwabo bakhubazekileyo bangoontanga babo emva kongenelelo ngoncedo.

## IProgram 5: IMfundu noQeqesho oluQhubelekayo

### Injongo yale program:

Ukufundisa iFET kwiikholeji zeFET zikarhulumente ngokungqinelana noMthetho i-Further Education and Training (2006)

### Iprogram yeFET yenziwa zezi program zisekelayo zilandelayo:

Amaziko karhulumente

- okubonelela iikholeji zeFET zikarhulumente ezithile ngezibonelelo (*resources*)

*linkonzo zokuqequeshelwa umsebenzi*

- Ukunika inkxaso kwiikholeji zeFET zikarhulumente

*Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi*

Ukubonelela ngophuhliso loqequesho kootitshala nakwabangengabo ootitshala kwiikholeji zeFET zikarhulumente

### Injongo ecwangciswe ngobuchule

<b>Injongo ecwangciswe ngobuchule 5.1</b>	Ukuqinisekisa ungginelwano lwezicwangciso zeziko neeprogram ukwenzela ukuba kwensiwe iiprogram ezifanelekileyo, eziphendulayo ekuphumezeni iimfuno zoosomashishini bengingqi, imizi-mveliso yengingqi, zabahlali nabafundi kune nokulondoloza indawo eksuthaza ukwensiwa kweeprogram zethiyor/zepraktikhali ezidibeneyo ezikumgangatho ophezulu ngokusebenzia ulawulo nokuphathwa kwamaziko nenkxaso kwimisebenzi eyenziwayo kuwo onke amanqanaba eziko
---	---

### Iprogram yophuhliso lomgaqo-nkqubo ngo-2010/11

Amaziko emfundo ephakamileyo, iikholeji zeFET, iiSETA kune namaZiko eMfundu noQeqesho IwaBadala ngoku onganyelwe ngokudibeneyo ngamasebe amaphondo nelisandula ukusekwa kutshanje iSebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho. Injongo kukuba iiKholeji zeFET ziya kuba phantsi kolawulo lukazwelone. ISebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho iDHET namasebe emfundo kazwelone kune neentloko zezopolitiko basayine umgaqo wemvumelwano (*protocol of agreement*) ngexesha lotshintsho lwethutyana lolawulo nokuphathwa kweekholeji.

UMthetho oYilwayo i-Constitution Amendment Bill of 2011, wapapashwa nge-21 Januvari 2011. Injongo yawo kukufakela izilungiso kumgaqo-siseko ngokungqinelana nesiqibo sokutshintshela imisebenzi yamaphondo enxulumene neFET ne-AET kwiDHET. likhomenti zazilindeleke ukuba zingene ngomhla we-15 Matshi 2011.

IMimiselo neMigangatho kaZwelone yokuxhasa ngemali iiKholeji zeFET (National Norms and Standards for funding FET Colleges) eyenzelwe isiggibo kwisiqendu 23 soMthetho i-Further Education and Training Colleges Act, No. 16 of 2006, yapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 32010 ye-16 Matshi 2009. Le mimiselo yaphunyezwa ukususela nge-1 Apreli 2010. Ikakhulu imimiselo nemigangatho isekelwe kwiindleko zokufundisa i-National Certificate: Vocational

## **Programmes**

ISiqendu 13 semimiselo yenkxaso-mali sicacisa ukuba ifomula yenkxaso-mali inamacandelo amathathu, angala, i-personnel, capital ne-non-personnel/non-capital. Ukwabela imali iikholeji kwenzeka ngegranti ekhutshwa phantsi komqathango, nokwenziwa ngeentlawulo ezenziwa qho ngenyanga.

UMthetho oYilwayo i-Further Education and Training Bill 2011 (*iGazethi* 34222) wakhutshwa nge-15 Apreli ukwenzela ukuba uluntu lwenze iikhomenti. Injongo iphela yoku “kukufakela izilungiso kuMthetho weFETC, ka-2006, ukwenzela ukuba kususwe zonke izinto ezibhekiselele kumagunya ephondo, ukuba kufakwe endaweni yemisebenzi yangaphambili yeLungu leSigqeba soLawulo eyoMphathiswa; ukuba kususwe zonke izinto ezibhekiselele kwiNtloko yeSebe kufakwe endaweni yoko uMlawuli-Jikelele; ukwenza isibonelelo sokuthintela ilungu leBhunga okanye umqeshwa ukuba aqhube umsebenzi wokushishina ngqo okanye ngandlela yimbi, ne-FETC echaphazelekayo, msebenzi wokushishina lowo othi ubangele ukudlelelela abanye uze udale ukungqubana kweemfuno (*conflict of interests*) neFETC karhulumente echaphazelekayo; ukwenza amalungiselelo ethutyana malunga nezithuba zenkonzo karhulumente kunye nezithuba zootitshala, nezabasebenzi, namanyathelo oluleko; kunye nomgaqo-nkqubo owenziwa liLungu leSigqeba soLawulo phantsi koMthetho oyintloko okanye kwawo nawuphi na umthetho wephondo, oyimfuneko ukwenzela ukuphatha, ukulawula nokuxhaswa ngemali kwee-FETC zikarhulumente.

Ekuqaleni kuka-2011, iikholeji zagunyazisa ukuba ziqalise kwakhona ii- *Report 191 Programmes* zezfundo ezinxulumene nobunjineli kumanqanaba N1-N3 nasekuqaliseni kwakhona zonke ii-*Report 191 Programmes* kumanqanaba N4-N6. Kwangokunjalo amanani obhaliso ezi program abonisa ukwanda.

### **Injongo ezicwangciswe ngobuchule kunye nezalathisi**

<b>IMilinganiselo yeNkqubo yeNtsebenzo (imilinganiselo kazwelonke)</b>
PPM501: Inani labafundi ababhalise kwizifundo ze-NC(V) kwiikholeji zeFET
PPM502: Inani labafundi be-NC(V) beeKholeji zeFET abaggibe izifundo zabo zonke ngempumelelo
PPM503: Inani labafundi beeKholeji ze-FET abazigqibe ngempumelelo iiprogram zoqhelaniso nomsebenzi

**ST501 Imfundo noqeqesho oluqhubelekayo – Imiba ephambili**

		2008/09 Eyona kanye	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Ithagethi	2010/11 Eyona kanye
<b>lintlawulo ngokohlelo lwezoqoqosho (R'000)*</b>					
5.1 Amaziko karthulumente		289,885	368,917	447,043	446,971
5.2 linkonzo zokufundisa		0	0	0	0
5.3 Uphuhiliso lwezakhono zabasebenzi		0	0	0	0
5.4 ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango		77,305	0	0	0
<b>Itotal</b>		<b>367,190</b>	<b>368,917</b>	<b>447,043</b>	<b>446,971</b>
<b>lintlawulo ngokohlelo lwezoqoqosho (R'000)*</b>					
lntlawulo yangoku		200,850	212,675	251,757	251,685
Imbuyiselo yabaqeshwa		200,850	212,670	251,757	251,685
Otitshala		169,098	180,045	217,950	217,825
Abangengotitshala		31,752	32,625	33,807	33,860
limpahla neenkonzo nokunye		0	5	0	0
limali ezihawuliweyo (transfers) neenkaso-mali		166,340	156,242	195,286	195,286
lintlawulo zee-assethi i-capital assets		0	0	0	0
<b>Itotal</b>		<b>367,190</b>	<b>368,917</b>	<b>447,043</b>	<b>446,971</b>
* Ithagethi yenKcitho lulwabiwo-mali loku Gojibela luka-2010/11					
<b>Ezabasebenzi</b>					
Inani labanggezotitshala(abaqeshwe ngurhulumente)		24	24	24	24
<b>Abafundi ababhalisleyo</b>					
Inani labafundi abasisigxha eillinganayo		29 868	28 053	32 000	38 120
Abafundi ukubalwa ngabanye ngabanye)		39 083	42 291	40 000	45 056
abangamabhinqa		17 918	15 247	16 800	22 550
Abangamabhinqa akumacandelo obugcisa *		1 810	1 154	2 160	2 279
Abafundi abaqqiba iiprogram ngempumelelo apha enyakeni		20 744	21 665	36 100	27 000

ST501	Imfundo noqeqesho oluqhubelekayo – Imiba ephambili				2008/09 Eyona kanye	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Ithagethi	2010/11 Eyona kanye
		2008/09 Eyona kanye	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Ithagethi				
<b>linkcukacha-manani zoqhelaniso-nsebenzi</b>								
lumvumelwano zoqhelaniso-nsebenzi ezisebenzayo kwiphondo**		No data	4 196		5 000		6 336	
Imani leemvumelwano ezbibandakanya iikholejji ze-FET njengomboneleli ***		4 200	4 196		1 090		6 336	
<b>► Imilinganiselo yentsebenzo yeprogram</b>								
► PPM501: Imani labafundi be-NC(V) ababhalise kwikkholejji zeFET zikarhulumente		5 720	12 742		10 700		12 967	
► PPM502: Imani labafundi beeckholejji ze-FET be-NC(V) abaggiba izifundo ezipheleleyo ngempumelelo		1 143	2 308		6 250		3 429	
► PPM503: Imani labafundi beeckholejji ze-FET abaggibe ngempumelelo iiprogram zoqhelaniso nomsebenzi		2 452	2 890		7 800	Le PPM yasuswa kwisethi kazawelonke genxayemingeni yokungqinisiswa kweedatha.		

Qaphela:

1. \* Qaphela ukuba inkcazo yeenkalo zobugcisa icaciswe ngokusondezwu kumacandelo ezoBunjineli ukwenzela ukuba Ingqinelane nenkcazo-magama yeNC(V).
2. \*\* Ababonelelinkonzo bakarhulumente nababucala bathaha inxaxheba kughelaniso nomsebenzi (partnership delivery). Le dathha imete idatha "yeekholejji zeFET zikarhulumente kuphela" kwaye ibonisa lumvumelwano zoqhelaniso nomsebenzi ezasayinwa phakathi kweekholejji nabafundi.
Ulawulo lube ngumsebenzi ophambili kwiingxelo zokusetyenziswa kwemali neenkubo zokunika ingxelo, kubandakanya wa iisistim zolawulo lweze-akhawuntingi Iwangaphakathi (*internal accounting controls*). IKomiti yoPhicothi-zincwadi, kumsebenzi wayo wokongamela ukusetyenziswa kwezimali, ijongsise yaza yaxoxa iingxelo zokusetyenziswa kwemali eziphicothiweyo nolawulo. Ngokungqinelana ne-PFMA nokuthathela ingqalelo i-King III Report malunga neemfuno zikaRhulumente weNtsebenziswano (*Corporate Governance*), uPhicotho-zincwadi Iwangaphakathi (*Internal Audit*) lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (Audit Committee and Management) ngengqiniseko yokuba iinkubo zolawulo zangaphakathi (*internal controls*) zifanelekile yaye ziypumelelo. Oku kufezekiswe ngesicwangciso esisekelwe kwinkcitho eyilahleko (*risk-based Internal Audit Plan*) apha uPhicotho IwaNgaphakathi (*Internal Audit*) luvavanya ukufaneleka kweenkubo zolawulo ezinciphisa inkcitho eyilahleko kwizicwangciso nakwinkubo ezisetyenziswayo iSebe elijongene nazo, nokubekwa esweni kwamanyathelo ophunyezo lokulungisa imeko ngabakulawulo.

Ngokususela ekujongisisweni kweengxelo zaBaphicothi-zincwadi baNgaphakathi (*Internal Auditors*), iNgxelo yoPhicotho-zincwadi (*Audit Report*) ngeeNgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements*) nangeNgxelo yoLawulo (*Management Report*) yoMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*Auditor-General of South Africa*), IKomiti yoPhicotho-zincwadi inoma iSebe ngokufumana ingxelo engenamakhwiniba (*unqualified audit*) nesele ingunyaka wesine kusenzeka oku. Kwangaxeshanye iKomiti ivakalise inkxalabo yayo malunga nokungasebenzi kakuhle kolawulo Iwangaphakathi nokungangqinelani nemithetho ethile nemimiselo njengoko oku kuqatshelwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Makucaciswe ukuba, nakuba kunjalo, iSebe belikuthathela ingqalelo ukusilela kolawulo Iwangaphakathi kwizinto ngezinto. Ezintlanu kwezisixhenxe iingxelo zophicotho-nkwadi Iwangaphakthi ezikhutshwe kulo nyaka ophantsi koqwalaseloziquelethe iingcebiso zokuphucula iinkubo zolawulo nokuphucula ngakumbi nezo bezenziwe kakuhle. lingxelo bezifikelele kwingcaciso yolawulo lwekhefu, kwizibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa, ingcaciso yentsebenzo, iingxelo zokusetyenziswa kwemali zethutyana (*interim financial statements*) nenqubo yezothutho Iwabafundi. ISebe lizamkele ezo ngcebiso zinikiweyo. lingcebiso zokuphucula oku zifuna phakathi kwezinye, ukuveliswa kweesistim zomashini (*automated systems*) ukwenzela ukuphucula iinkubo zolawulo (*controls*). Ngenxa yoku iSebe lizimisele ekuphandeni ngezona sistim zomashini zinokusebenza ngokulula nezonga imali ezinokusetyenziswa.

ISebe linike ingxelo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi- zincwadi ukuba yonke imibandela yesiHlomelo A ekunikwe ingxelo ngayo kunya ongaphambili yalungiswa yaye iKomiti i-Audit Monitoring Team yeSebe ibeke esweni inkqubela yeSebe ekulungiseni nezinye izinto ezafunyanwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele (*Auditor-General*) nezinto ezafunyanwa kuphicotho-zincwadi Iwangaphakathi. ISebe lizimisele ukungenisa isicwangciso sezinto eziza kwenziwa esineenkukacha ezininzi (*comprehensive action plan*) ukusingatha imibandela yolawulo Iwangaphakthi kwiKomiti.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**4.1     *Li-Sistem ze-IT***

UMphicothi-zincwadi Jikelele ufumene ukuba ziinkqubo ezifanelekileyo ezisetyenziswayo kwaye zezichanekileyo waza waqaphela izinto ezingalunganga ezingephi malunga nokubeka esweni ii-akhawunti zabasebenzisi. Owona mba usoloko phambili yinkqubela encinane eyenziweyo ngokubhekiselele kuphunyezo Iwesicwangciso sokuguqula imeko yokusingatha izinto ezingayingozi (*risks*) ezinxulumene ne-IT iPhondo elijongene nazo.

**4.2     *Umgangatho weengxelo zokubeka esweni neengxelo zenkqubela zenyanga/zekota (the quality of in-year-monitoring and monthly/quarterly progress reports) ezingeniswa ngokwe-Public Finance Management Act (PMFA) ne-Division of Revenue Act***

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqhubekile nokujongisia ukubeka esweni okwenziwa liSebe Iwala maxwebhu (*in-year monitoring (IYM)*) nengxelo zekota ii-*quarterly performance report (QPR)* yaye ezi ngxelo ziyangqinelana neemfuno zoMthetho we-*PFMA ne-Division of Revenue Act njengoko kufanelekile*. lingcebiso ezenziwe kwiSebe ziyalandelewla ekuhlolweni kweengxelo okuya kulandela. lingxelo zekota kwiikota ezintathu zokuqala zandlaliwe (*have been tabled*) kwiintlanganiso zeKomiti yoPhicotho-zincwadi apha enyakeni. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yacela iSebe ukuba liqinisekise uzinzo olufanelekileyo phakathi kwee-output nee-input indicators.

**4.3     *I-Enterprise Risk Management (ERM)***

Kwenziwe inkqubela ngakumbi malunga nokuphunyeza kwe-*Enterprise Wide Risk Management (ERM)* methodology nokuqatshelwa kwenkcitho eyilahleko ephambili neenkqubo zolawulo ezinciphisa oku ezipunyeze liSebe. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yaqhubea nokujongisia inkqubela qho ngekota. Ngethuba lalo nyaka uphantsi koqwaselo iyunithi ye-*ERM*, eye yafakwa phantsi kweSebe leNkulumbuso, yaququzelela ukuqatshelwa kweenkcitho ezibe yilahleko eseles zisayinwe yiNtloko yeSebe. I-*ERM* iza kusebenzisa indlela ehlaziyewo yaye sele sigqityiwe isicwangciso sophunyezo salo nyaka. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yagxininisa ukabaluleka kongqinelwano olufanelekileyo phakathi kweenjongo ezicwangciso ngobuchule (*strategic goals*), imiba yenkcitho eyilahleko nezalathi zentsebenzo ezibalulekileyo. ISebe liceliwe ukuba lixoxe neKomiti yoPhicotho-zincwadi ngesicwangciso sokuza kwenziwa ukuhlangabezana noqhankqalazo Iwabasebenzi (*labour unrest*) kunyaka-mali olandelayo.

Inkqubela kwimiba ephantsi kophicotho (*forensic matters under investigation*) yenzelwe ingxelo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadii kwintlanganiso nganye kune nenqubela ibe yeyanelisayo ngalo nyaka. Imiba emininzi ebisalele (*backlogs*) incitshisiwe ukususela ekuphuculweni kokuqeshwa kwabasebenzi beyunithi ye-*forensic investigation unit*.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**5. Ukuhlolwa kweNgxelo zoKusetyenziswa kweMali**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi :

- ihlolisise yaza yaxoxa noMphicothi-zincwadi Jikelele neGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ngeeNgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements*) eziza kubandkanywa kwiNgxelo yoNyaka;
- ihlolisise *i-Auditor-General's Management Report* nempendulo yabaphathi ngokubhekiselele kuyo;
- ihlolisise iinguqu kwimigaqo-nkqubo yeze-akhawuntingi neenkqubo njengoko kwensiwe ingxelo kwiNgxelo-mali zoNyaka;
- ihlolisise iinkqubo zeSebe zokungqinelana nemigaqo nemithetho elawulayo (*legal and regulatory provisions*);
- ihlolisise ingcaciso emalunga neenjongo eseze zimiselwe njengoko kwensiwe ingxelo yonyaka; yaye
- ihlolisise uhlenga-hlengiso olubarulekileyo olubangelwe lolu phicotho.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyazamkela iziggibo zoMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neNgxelo-mali yoNyaka, yaye icebisa ukuba iiNgxelo-mali eziPhicothiweyo (*Annual Financial Statements*) zamkelwe yaye zifundwe kune nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

ISebe libonise ulwazi ngokwenene kulawulo Iwezemali Iwalo njengoko oko kungqinwa yingxelo yophicotho engenamakhwiniba. ISebe lifanele ukunconya ngendlela ephucukileyo yokuhlewa ngokweprayorithi kwakhona nangocwangciso lokuhlenga-hlengiso aphi uxinzelelo Iwezemali lohlenga-hlengiso kwimivuzo yootitshala oluqalela kwixesha eselidlule (*retrospective remuneration adjustments*), lubangele iindleko ezingaphezulu ebezingacingewanga (*unforeseen extra cost*).

Ngokusekelwe ekuhloliseweni nakwiingxoxo ezikhankanywe kwimihlathi engaphambili, iKomiti yoPhicotho-zincwadi yacebisa iSCOPA neSebe ukuba iingxelo-mali eziphicothiweyo zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka yeSebe kunyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2011.

**6. Uphicotho Iwangaphakathi**

Kunyaka wangaphambili, iKomiti yoPhicotho-zincwadi yanika ingxelo yokuba *i-Shared Internal Audit Unit* yaba nengxaki yemingeni emalunga nokwazi ukwenza umsebenzi (*capacity*) kwabasebenzi nolawulo Iwenguqu olwaba nefuthe ekwazini kwayo ukufikelela kwizicwangciso zayo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yavuma *i-reduced coverage plan* kwimeko yezibonelelo ezingongopeleyo, neseze isenzile yaye ezi ngxelo zangenisa qho ngekota kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi. Impendulo zeSebe kwiingcebiso zoPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi zibekwe esweni njengenxalenye yenqubo yokuhlolisa.

Lo ngunyaka wokuqala wokuba iyunithi yophicotho Iwangaphakathi isebenze ngokupheleleyo kwiinkalo zonke. Uphicotho Iwangaphakathi lunike ingxelo ngenqubela yazo zonke iintlanganiso zeekomiti zophicotho neengxelo zophicotho Iwangaphakathi zandlalwa, kwaxoxwa ngazo neKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (*Audit Committee and Management*). Ngaphandle kwezi zimbini, zonke iingxelo zagqitywa ngokwesicwangciso seminyaka emithathu sophericotho-zincwadi Iwangaphakathi. Ezi ngxelo zimbini zathatha ixesha elide kunokuba bekulindelwe ngenxa yokuntsonkotha kweemisebenzi ebisensiwa (*assignments*) kodwa oku kulbaziseka

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

akufanele kuphazamisa iithagethi ezimiselwe unyaka ozayo. Isicwangciso sophicotho-zincwadi Iwangaphakathi seminyaka emithathu siyahlaziwa ukwenzela ukuba singqinelane ne-strategic risk profile yesebe.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isaxhalabile ngenxa yendlela ekwenziwa ngayo ukufikelela ngokupheleleyo kuhphicotho-zincwadi olufunekayo (*required audit coverage*) kwixa elizayo yaye iyavuma ukuba kusekho imfuneko yowlazi lokwenza umsebenzi olongezelweyo ukunika inkxaso iziphumo eziphuculweyo zekomiti yoPhicotho-zincwadi Iwangaphakathi (*Internal Audit team*).

## **7. UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene noMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*Auditor-General South Africa*) ukuqinisekisa ukuba akukho mibandela ingasonjululwanga ethe yabangelwa yimithetho elawula uphicotho (*regulatory audit*). Amanyathelo okulungisa imeko ngeziphumo ezinika iinkcukacha ezininzi (*detailed findings*) ezibangelwe yimithetho elawula uphicotho olukhoyo njengangoku (*current regulatory audit*)aya kubekwa esweni yiKomiti yoPhicotho-zincwadi qho ngekota.

## **8. Unxibelewano**

Apha enyakeni iNtloko yeSebe nabaphathi besiqeba solawulo benze iinzame ngokudibeneyo zokuya kuzo zonke iintlanganiso zophicotho-zincwadi baxoxe ngokuphandle nangokunyanisekileyo kwezi ntlanganiso zimalunga nemiba echaphazela iSebe. Iintlanganiso phakathi komntu nomntu (*one on one meetings*) nazo bezibanjiwe phakathi kosihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi neNtloko yeSebe phambi kwentlanganiso yeKomiti yoPhicotho zincwadi. Emva kwentlanganiso nganye uSihlalo ungenisa ingxelo engekho *formal* kwiNtloko yeSebe ukuyazisa ngokukhawuleza ngayo nayipi na imiba engxamisekileyo iKomiti ekusafuneka ixoxe ngayo.

## **9. Umbulelo**

ISebe liroxne neKomiti yoPhicotho-zincwadi ngemiqathamgo ebonisa ukuzimisela ekuphuculen ulawulo Iwezik. Oku kuzimisela kufanele ukuba kugxininiswe ngakumbi yindlela ethembisayo iSebe eliphendule ngayo kwimiba ephakanyiswe kwintlanganiso yophicotho nangababoneleli-nkonzo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi inqwenela ukuvakalisa umbulelo kumaGosa eSebe, kuMphicothi-zincwadi Jikelele (*Auditor-General South Africa*) neYuniti yoPhicotho-zincwadi yangaphakathi (*Internal Audit Unit*) ngentsebenziswano nengcaciso abayinikileyo eyenze sabanako ukwenza le ngxelo.



**Estian Calitz**

**USihlalo**

**weKomiti yoPhicotho-zincwadi**

**weSebe leMfundo leNtshona Koloni**

**12 Agasti 2011**

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

Ingxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso IweMali kwiSigqeba soLawulo (*Executive Authority*) nakwiNdlu yoWiso-mithetho yePhondo (*Provincial Legislature*) yeRiphabliko yoMzantsi Afrika.

**1. Ukuphononongwa ngokubanzi kwemiba yemali**

- 1.1 Isabe iWCED liyitshintshile ifokhasi yalo ekubeni belisoloko ligxinisa kwizinto elizenzayo (*inputs*) layitshintshela ekubeni ijolise kwiziphumo neziqhamo (*outcomes and output*). Iziphumo ezithembisayo nezikhuthazayo zifunyenwe kwizalathi-nkqubela eziphambili. Iziphumo zematriki kwakunye neziphumo zeBakala 3 no-6 zombini zibe zezithembisayo kunyaka ophantsi koqwalaselo. Isicwangciso sokuqinisekisa ungqinelwano oluqhube ka okokoko Iwebhajethi neenjongo ezicwangciswe ngobuchule zesebe senzelwe ukufaka igalelo kwiinkqubo eziphucula umgangatho.

Ugxininiso oluqhube ka okoko Iwezo zinto zenziwe kakuhle lubangele ukuba isebe lise iincwadi zezfundo ezininzi ezikolweni. Ngenxa yocwangciso ngobuchule nobulumko, iprogram yokwandisa amagumbi okufundisela ibe neziphumo zokuba kube ngabafundi abaninzi ababe nako ukufikelela kwimfundu esemgangathweni ngeendaleko ezisezantsi kunesiqhelo. Ifokhasi eqhubeka okokoko yokubeka esweni ukubakho kwabasebenzi bethu, ingakumbi abasezikolweni, isaza kuqhubeka. Nakuba kunjalo, lusaza kuqhubeka uxinzelelo olwenzekayo kwibhajethi yesebe, kodwa kukho ingqiniseko yokuba sisoloko sikhangelia izisombululo eziyimpumelelo.

Uxinzelelo Iwezemali ezikolweni luhlala lukho yaye isebe likwazile ukuncedisa ngakumbi izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukuphelisa olo xinzelelo ngeprogram yalo yokubonelela ngeencwadi zezfundo neprogram yezikolo eziphakamileyo. Isabe likwancedisa izikolo kwimingeni emalunga namatyalala eenkonzo zikamasipala, njl.njl.

Isebe libenako ukuchitha malunga ne-99,6% kwibhajethi ehlenga-hlengisiwego. Ithagethi emiselwe nguNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury*) kukuba amasebe afanele angachithi iimali ngaphantsi okanye ngaphezulu kwebhajethi nkqu nange-1%. Inkitho ebengaphantsi kokulindelekileyo (*under expenditure*) ifikelele kwizigidi ezingama-R42 (*R42 million*).

*Izizathu zokungachithi yonke imali zezi zilandelayo*

- Ukuhlaziya iiSistim *iiHuman Capital Leave Management Systems* kwalibaziseka de kwaba ngunyaka-mali olandelayo.
- Ibhajethi yovavanyo IwamaBakala 3, 6 no-9 yachithwa ngaphantsi kokulindelekileyo ngenxa ye-Ofisi kaNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury*) yokungafaki ibango lesixa esipheleleyo.
- Ukulibaziseka ekuggityweni kwekhontrakthi yokuziswa kwezibonelelo zokufundisa zeECD.

Makuqatshelwe ukuba zonke ezi ziiprojekthi zii-committed projects yaye isicelo sokudlulisewa kunyaka olandelayo kweemali ezichithwe ngaphantsi kokulindelekileyo singeniswe kwi-Ofisi kaNondyebo wePhondo.

*laintlawulo:*

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

UNondyebo wePhondo uvume ezi ntlawulo zilandelayo phakathi kwamacandelo amakhulu kuLwabiwo-mali

- Ukutshintshwa kwe-R36 338 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 2 ngenxa yokuhlawula yonke i-akhawunti yetyala leenkonzo zikamasipala lezikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R18 554 000 ukusuka kwiprogram 2 ukuya kwiprogram 4 ngenxa yenkcitho *eyi-capital expenditure* phantsi kwezikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa
- Ukutshintshwa kwe-R15 235 000 ukusuka kwiprogram 4 ukuya kwiprogram 2 ngenxa yokuhlawula yonke i-akhawunti yetyala leenkonzo zikamasipala lezikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R558 000 ukusuka kwiprogram 6 ukuya kwiprogram 2 ngenxa yokuhlawula yonke i-akhawunti yetyala leenkonzo zikamasipala lezikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R10 214 000 ukusuka kwiprogram 8 ukuya kwiprogram 2 ngenxa yokuhlawula yonke i-akhawunti yetyala leenkonzo zikamasipala lezikolo zikarhulumente.

1.2 Inkitho engagunyaziswanga yenzeke ikakhulu ngenxa yeenkqubo zokhuphiswano ngamaxabiso ezingalandelwanga ngendlela eyiyo kwiiprojekthi ezithile okanye aphi iinkonzo nezisafuneka kodwa ikhontrakthi iphelile. Kule iprojekthi isebe lityumbe umphathi weprojekthi omtsha. ISebe likwaqalise inkubo yolawulo aphi bonke abaphathi beeprogram kufuneka bangenise izicwangciso zokuthenga iimpahla nenkonzo (*procurement plan*) kuzo zonke iimpahla neenkonzo eziza kuthengwa kunyaka-mali omtsha.

**2. Inkonzo eyenziwa lisebe**

Umgaqo-nkqubo wentlawulo (*Tariff policy*)

Isebe lemfundo libiza imali ngeenkonzo ezinxulumene neemviwo, ezinjengokumakishwa kweencwadi zeempendulo, izicelo zekopi yesatifikethi sematriki, njl.njl. intlawulo zimiselwe kwezi nkonzli Sebe leMfundu esisiseko (*Department of Basic Education*)

2.2 inkonzo zasimahla

Isebe lemfundo alenzi nayiphi na inkonzo yamahala ebinokuthi yenze ingeniso ebonakalayo.

2.3 li-inventri (*Inventories*)

I-inventri eyayikho ekupheleni konyaka-mali yayibandakanya imisebenzi esaqhube (work-in-progress) (*WIP*) enxulumene neemvumelwano zokwakha. I-WIP engumsebenzi osaqhubwayo uchazwa njengeemvumelwano zokwakha ekwenziwe iinkonzo zazo. Nakuba kunjalo, iimali ezsagciniweyo kusafuneka zihlawulwe, njengoko kwakuvunyelwene nomthengisi ngokumalunga nemigqaliselo yemvumelwano. Isixa-mali se-WIP yi-R345,6 yezigidi kulo nyaka-mali uphicotwayo. **3. Izithintelo ekuphumezeni umsebenzi (Capacity constraints)**

Izikolo zijongene nemingeni yokufumana izakhono nabasebenzi abaqeleshwe ngokufanelekileyo kwizifundo ezithile. Izifundo ezifana nemathematika nesayensi zijongene nokunqongophala okuxhomisa amehlo. Isebe likwanesikim sebasari esijongene nalo mnjeni ngokuyinxene. Nakuba kunjalo iSebe leMfundu esisiseko kuZwelone likwaphanda ngezisombululo ezinokusetyenziswa kule meko. Kwithuba INgxelo yoNyaka ka-2010/11

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

elifutshane isebe libonelela ngeprogram eyi-telematics broadcast programme ukunika uncedo abafundi beBakala 12 kwezo zifundo zibaluleke gjitha. Ukufakwa ezithubeni kwee-Funza *Lushaka bursary holders*, abanezo zakhono kufumana uqwalasel oluhlaziyiweyo. Isebe lenze idrafti yesicwangciso seMathematics and Science, esinokunceda koku.

**4. Ukusetyenziswa kweeziphо-mali zabaxhasi (*donor funds*)**

Isebe lemfundo alibanga nakufumana naziphi na iimali zabaxhasi.

**5. Amaziko ezoshishino namaziko karhulumente (*Trading entities and Public entities*)**

Isebe lemfundo alinawo nawaphi na amaziko afana nala.

**6. Amaziko asele ekhutshelwe iintlawulo**

Amaziko ezemfundo asele ekhutshelwe iintlawulo lisebe anikwe kwisiHlomelo 1B seengxelo zemali zonyaka.

Iintlawulo zenziwa kumaziko emfundo ngokomthetho wePalamente ochaphazelekayo olawula zona. Umzekelo, iintlawulo zihlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokwemimiselo nemigangatho, njengoko kumiselweyo kuMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (*South African Schools Act*), ofakelwe izilungiso. Uyacelwa ukuba ufunde isiHlomelo 1B ukufumana ingcaciso engaphezulu ngohlobo ngalunye lweziko lwemfundo.

Isebe lemfundo lilandela ngqo iSqendu 38(i)(j) soMthetho i-Public Finance Management Act, 1996 (*Act No.1 of 1996*) as amended (*PFMA*) apha amaziko emfundo afumana iintlawulo kufuneka eze nobungqina bokuba ayisebenzisele loo mali iinjongo ebikhutshelwe zona. Apha amaziko emfundo achaphazelekayo kufuneka avakalise oku aze asayine isatifikethi esilolo hlobo phambi kokuba kwensiwe iintlawulo ezilandelayo. Ngaphezulu, ngokomthetho ochaphazelekayo ophathelele kumaziko emfundo, anoxanduva ngokunjalo lokungenisa iingxelo zemali eziphipothiweyo (*audited financial statements*) zaho ungadlulanga umhla obekiwego wokuphonononga nokuthotyelwa komthetho. li-Ofisi zeZithili zeMfundu zinika ingqwalasela eyodwa kupuhliso lwezakhono zokwenza lo msebenzi ezikolweni yaye zikwanika nenkxaso eqhubeka okoko. Le nkqubo ibekwe esweni okokoko.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**7. Intsebenziswano namaziko abucala norhulumente (*public private partnerships*) (PPP)**

Isebe lemfundo iWCED alikangeni kuyo nayiphi na imvumelwano elolu hlobo.

**8. Amalungiselelo olawulo Iweziko lezemfundo (*Corporate governance arrangements*)**

Ukungqinelana neNgxelo *iKing III Report*, uphicotho-zincwadi Iwangaphakathi lulanlele inkqubo yokulwa ilahleko ukunceda abalawuli ekufikeleleni kwiinjongo zesebe.

Inkqubo yokulwa ilahleko ifuna ukujongwa kwayo yonke ilahleko eqaphelekayo, kodwa ayiphelelanga ekujoliseni kwilahleko yosetyenziso lwemali nelahleko engabangela iingxaki kwizicwangciso.

Lwaggitywa uphengululo Iwezicwangciso neenkqubo ezisetyenziswayo (*strategic and operational risk assessments*). Nakuba kunjalo ilahleko engabangela iingxaki kwizicwangciso (*strategic risk*) yasoloko ifumana ukuwalaselwa ngabalawuli abakhulu. Uphengululo Iwezicwangciso neenkqubo ezisetyenziswayo lwaggitywa kunyaka ongaphambili yaye lusahlaziya njengangoku.

Isebe linayo ikomiti yophicotho-zincwadi, enamalungu azimeleyo Njengangoku ikunyaka wayo wesixhenxe (7) iseberza. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangkan qho, kwaye ibamba iingxoxo nablawuli abakhulu neSigqeba soLawulo. (*Executive Authority*). IYunithi yoPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi (*Internal Audit Unit*), i-Ofisi yoMphicothi-zincwadi Jikelele neYunithi i-*Forensic Investigative Unit*, banika ingxelo ngqo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi njengaboneleli-nkonzo bengqinisekiso (*assurance providers*).

Isebe linayo iYunithi yoPhengululo IweLahleko (*Risk Assessment Unit*). Isebe lenza *iRisk Policy Framework* libambisene noNdyebo wePhondo. Umgaqo-nkqubo wokulawula ilahleko uya kutshintshwa ube ngumgaqo-nkqubo wophengululo Iwelahleko ebangelwa lurhwaphilizo -*fraud risk assessment policy*. Nakuba oku kusandula kukhankanya kungekabikho, isebe lemfundo linaso isiCwangciso soKuthintela uRhwaphilizo osiqhelekileyo (*a generic fraud prevention*) obesingazi kwahluka kakhlulu, ukuba bekuza kuthi kufunwe ukwenziwa kophengululo Iwelahleko ebangelwa lurhwaphilizo. Isebe libambisene neSebe leNkulumbo, liqalise iphulo lokwazisa ngorhwaphilizo njengenxalenye yesicwangciso sokuthintela urhwaphilizo.

Qho ngonyaka okanye njengoko iimeko zitshintsha, kufuneka abaphathi abakhulu bazalise baze bangenise ingxelo ebhalwe ‘No conflict of Interest’ (Akukho kungqubano kweemfuno zokudlelela abanye). Onke amalungu ekomiti yokhuphiswano ngamaxabiso nabasebenzi beCandelo loLawulo lokuThengwa kweeNkonzo neeMpahla (*Supply Chain Management*) kufuneka kwakhona batsho naluphi na ungqubano Iweemfuno zokudlelela abanye. ISebe ngoku likwafuna inkampani ezikhuphisana ngamaxabiso (*bidders*) ukuba zivakalise unxulumano Iwazo ezinokuba nalo nabaqeshi okanye nabaqeshwa. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nawo kufuneka angenise iingxelo zawo ezithi ‘Akukho kungqubana kweemfuno zokudlelela abanye’.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mngeni uphambili kwaye isebe lemfundo liseke intsebenziswano namanye amasebe ephondo achaphazelekayo okujongana nalo mba. Kubonakala ngathi kukho inkqubela ethile ngokumalunga neeprogram isebe eliza kuzenza ukukhusela izikolo.

**9. Imisebenzi eyekiwego / imisebenzi ekungasazi kuqhutyekwa nayo**

Ayikho

**10. Imisebenzi emitsha /ecetywayo**

Ayikho

**11. Ulawulo lwee-asethi**

Isebe lemfundo liziphumeze zonke izigaba ezibalulekileyo (*milestones*), njengoko kucacisiwe kwii-Asset Management Reforms. Inkubo yokungqinisiswa kwee-asethi yensiwa qho kunyaka wesibini ukuqinisekisa ukuphucula imeko ngokuthe gqolo. Zonke ii-asethi ziye zafakwa kwirejista yee-asethi yaze imeko/ubume nge-asethi nganye barekhodwa.

**12. Iziganeko zasemva komhla wokufakwa kwengxelo**

Azikho

**13. Ingaciso ngokwenziwa komsebenzi**

Ingaciso ngokwenziwa komsebenzi irekhodwa qho ngekota ingeniswe kwi-Ofisi kaNondyebo wePhondo. Ukuphucula ukwazi ukuphendula ngoxanduva lwalo nokwenzela izinto ekuhleni (*accountability and transparency*), isebe lenze izalathi-nkqubela zalo ukongeza kwezo zifunwa nguNondyebo wePhondo.

Ilistim ezikhoyo ngoku zokubeka esweni ukwenziwa komsebenzi yi-Central Education Management Information System (CEMIS) ebonelela ngedatha yabafundi, iPERSAL ebonelela ngedatha yeenombolo zabasebenzi (*personnel numbers*) nenkcitho enxulumene noko kunye ne-Basic Accounting System (BAS) ebonelela ngedatha yenkcitho.

ICandelo loQinisekiso IweMigangatho (*Quality Assurance*) linoxanduva lokungqinisia idatha engeniselwe ukunika ingcaciso ngentsebenzo. Oku kuyafuneka ukuze kuqinisekiswe ukuba ingcaciso ngentsebenzo iboniswa ngokuchanekileyo nangokupheleleyo.

**14. Iziggibo zeSCOPA**

Iziggibo zeSCOPA malunga nonyaka-mali ka-2009/10 azikandlalwa.

Imiba ebhekisselele kwingxelo yangaphambili yokuphicothwa kweencwadi nezigqibo zeSCOPA	Umba	Okufunyanisiwego kwizinto ezisenziwayo
Ingxelo yeSCOPA yomhla	ISebe kungafuneka liphendule malunga	ISebe iWCED liyazamkela iingce-

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

we-25 Matshi 2010	<p>nee-akhawunti ezicinyiweyo (<i>write-offs</i>) ngokumalunga nenkcitho engenanzuzo neyilahleko ebhekiselele kwiiprojekthi zeziseko zophuhliso (<i>infrastructure projects</i>). Isiphumo sokuggibela salo mbandela asinakuqinisekiswa njengangoku kwaye akukho malungiselelo ayo nayiphi na inkcitho engenanzuzo neyilahleko (<i>fruitless and wasteful expenditure</i>) engakhona kwiingxelo zemali. Ilahleko ngenxa yokurhoxiswa kweemvumelwano ithathwa njengenkitho engenanzuzo neyilahleko.</p>	<p>biso zekomiti. Isebe libandakanye amanqaku kwinxelo yezemali ngo-kubhekiselele ekubeni isixamali esiyi-R1,75 yezigidi, sele siqatshel-we njengenkitho engenanzuzo neyilahleko enokwenzeka, nto leyo ke eya kuxhomekeka ekuggityweni kwale nxelo.</p>
	<p>Kuye kwafunyanwa ubunzima ngethuba lophicotcho-zincwadi ngokubhekiselele ekulibazisekeni okanye ekungafumane-ki kwengcaciso efuniweyo. Oku kubonisa imeko yokungabikho kwenkubo yokubeka esweni neyokusuphavayiza eqhubeka okokoko kwakunye nokungabikho kwemisebenzi yowluloo ngempumelelo emalunga nokufumaneka kwen-gcaciso elindelekileyo. Amaxwebhu emvumelwano kunye okanye eethenda angaduka (<i>misplaced</i>) kuze kwensiwe intlawulo engangqinelaniyo neemfuno zemvumelwano okanye nengcaciso yokhuphiswano ngamaxabiso (<i>bid information</i>) okanye namaxwebhu ethenda.</p>	<p>ISebe iWCED liyazamkelwa iingcebiso zekomiti. ISebe liziphumezile iinkqubo zolawulo ezimalunga no-kuqokelelawwa kwamaxwebhu angovimba (<i>collection of source documentation</i>), nokubekwa esweni rhoqo ngenyanga.</p>
	<p>Izigqibo zeSCOPA azikaphunyeza ubukhulu becalo. Ukuba amanyathelo olungiso awathathwanga ngokweziggi-bo zeSCOPA, kunokwenzeka ukuba iimpazamo neenkqubo zangaphambili ziphinde zenzeke.</p>	<p>ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. Isebe lenze inkqubela ebonakalayo malunga noku.</p>

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**15. Ulungelelwaniso Iwangaphambili Iweengxelo zokuphicothwa kweencwadi**

Isebe liphumeze inkqubo yokujongana nezinto ezixhalabisayo neziphumo zoMphicothi-zincwadi. Kucelwa abaphathi abenza lo msebenzi ukuba benze isicwangciso sezinto eziza kwensiwa nesiza kuhlolwa yile komiti. Yakuba inkqubo yokuqinisekisa umgangatho igqityiwe, ukubekwa esweni kwayo kuya kuphunyezwa. Inkqubela ngalo mba ikwayingxelo eya kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

Imeko yokungathobeli imigaqo	Unyaka-mali okuqale ngawo oko	Inkqubela eyenziweyo ukuphelisa/ukusombulula lo mba
Izbonelelo zokufunda ze-HIV/Aids – ezincedisa abafundi azisiwanga okanye azisetyenziswanga kwizikolo ezithile	2009/10	Zonke ii-LTSM zamaBakala R ukuya ku-7 namaBakala 8 ukuya ku-9 zisiwe kuzo zonke izikolo zikarhulumente ngoFebruari 2011.
I-HIV/Aids – Izikolo ezithile azikawenzi ukuze ziwamkele ( <i>adopted</i> ) umgaqo-nkqubo/isicwangciso se-HIV/AIDS.	2009/10	UMgaqo-nkqubo we-HIV/AIDS kuZwelone uyasetyenziswa kuzo zonke izikolo. Abaphathi beeKomiti zeeSekethe, iinqununu zezikolo neeSGB ziya kufumana uqequesho ngethuba kuqhube ka unyaka-mali 2011/12.

**16. Uxolelo (exemptions) nokutenxa kwimigaqo (deviations) okuvela kwi-Ofisi kaNondyebo kaZwelone**

Alukho

**17. lingxelo zeMali zeThutiana (Interim Financial Statements)**

Isebe lenze iingxelo zemali zethutiana njengoko zifunwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo. Ezi ngxelo zaye zahlolwa ngabo zaza zonke iikhomenti /iingcebiso zathathelwa ingqalelo njengezifanelekileyo.

**18. Okunye**

Azikho

**19. Imiba engeziseko zophuhliso: Ityala likaMagqwaka**


Isebe libe neengxoxo ekudala ziqhube kaNondyebo wePhondo (Department of Transport and Public Works), malunga nomba weZiseko zoPhuhliso. Sisalinde iziphumo zokugqibela zenqubo yenkundla yomthetho (legal process) ukuba kunikwe ingxelo ngayo nayiphi na inkcitho engenanzuso neyilahleko ebe sisiphumo soku.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**20. Ukuvunywa**

liNgxelo-mali zoNyaka ezichazwe kumaphepha 120 ukuya kwele-175 zivunywe liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (*Accounting Officer*).



**PA VINJEVOLD  
INTSUMPA JIKELELE UMHLA: 31 Meyi 2011**

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE  
YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ENGEENGXELO ZEMALI NENGCACISO YOKULAWULWA KOKUSETYENZISWA KWEBHAJETHI NO. 5:  
YESEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI**

**INGXELO ENGEENGXELO ZEMALI**

**Intshayelelo**

1. Ndiziphicothile ezi ngxelo zemali zihamba nala maxwebhu zeSebe leMfundu leNtshona Koloni ekuzezi ingxelo yolwabiwo lwemali (*appropriation statement*), ingxelo yobume bemali njengoko injalo nge-31 Matshi 2010, nengxelo engokusetyenziswa kwemali, ingxelo engokutshintshwa kwee-asethi *ii-net assets*, nengxelo yokungena nokuphuma kwemali (*cash flow statement*) yonyaka-mali ogqiba kuphela, kunye nesishwankathelo semigaqo-nkqubo ephambili yokulawulwa nokusetyenziswa kwemali namanye amanqaku achazayo (*explanatory notes*), njengoko kubhaliwe kumaphepha 120 ukuya kwele-167.

**Uxanduva Iwegosa elimele ukuphendula ngokuphathelele kwiingxelo zemali**

2. Igosa lolawulo lwemali linoxanduva lokulungiselela nokucacisa kakuhle kwezi ngxelo zemali ngokwe-*Departmental Financial Framework* emiselwe yi*National Treasury* ngendlela efunwa nguMthetho woLawulo IweeMali zikaRhulumente, ka-1999 (uMthetho No. 1 ka-1999 (*Public Finance Management Act, 1999*) (Act 1 of 1999) (PFMA) 1 kunye noMthetho woKwahlulwa kweMali, ka-2008 (uMthetho No. 2 ka-2008) (DoRA). 1 of 2010) (DoRA) ukwenzela ukugcinwa kolawulo Iwangaphakathi okufanelekileyo ukuya kutsho ekulungisweni nokwandlalwa ngendlela efanelekileyo kweengxelo zemali ezingenampazamo ziqaphelekayo zokungaqondeki kakuhle (*misstatement*) nokuba ngaba oko kubangelwe lurhwaphilizo (*fraud*) okanye yimpazamo.

**Umsebenzi oluxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele**

3. Njengoko oku kuyimfuneko ngokweSiqendu 188 soMgaqo-siseko weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika, ka-1996 (*Constitution of the Republic of South Africa, 1996*) 108 of 1996) neSiqendu 4 soMthetho wokuPhicothwa kweeMali zikaRhulumente (uMthetho No. 25 ka-2004) (*Public Audit Act, 2004*) (Act No. 25 of 2004) (PAA) neSiqendu 40(2) se-PFMA, umsebenzi oluxanduva Iwam kukuvalisa ulovo Iwam ngezi ngxelo zemali zisekelwe kuphicotho-zincwadi olwenziwe ndim.
4. Ndilwenzili uphicotho-zincwadi Iwam ngokweMigangatho yaMazwe ngaMazwe yokuPhicotha iiNcwadi (*International Standards of Audit*) nangokweSaziso Ngokubanzi 1111 sika-2010, (General Notice 1111 of 2010), esakhutshwa kwiGazethi kaRhulumente No. 33872 (Government Gazette No. 33872) ye-15 Disemba 2010. Loo migangatho ifuna ukuba ndizithobele iimfuno ezingummiselo ngokwemigaqo (*ethical requirements*), ndenze izicwangciso zophicotho-zincwadi ukuze ndifumane ingqinisekiso efanelekileyo malunga nokuba ngaba iingxelo zemali azinampazamo ziqaphelekayo zokungaqondeki kakuhle (*material misstatement*) na.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE  
YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

5. Ukuphicothwa kweencwadi kubandakanya ukulandela kwemigaqo ukuze kufunyanwe ubungqina beezixa-mali nezibhengezo (*disclosures*) ezitsha kwiingxelo zemali. Imigaqo ekhethiweyo ixhomekeke kwisigqibo somphicothi zincwadi, kubandakanyawa uphengululo lwezinto ezingabangela iingxaki zokungachaneki kweengxelo zemali (*material misstatement*) nokuba ngaba oko kwenzeka ngenxa yorhwaphilizo okanye yempazamo. Ekwenzeni olo phengululo lwezinto ezingabangela iingxaki, umphicothi-zincwadi uthathela ingqalelo ulawulo Iwangaphakathi olululo oluchaphazela ukwazi kweziko ukulungiswa nokwandlalwa ngendlela efanelekileyo kweengxelo zemali ukuze kuveliswe imigaqo neenkubo zokuphicothwa kweencwadi ezifanelekileyo kwiimeko eziqhubekeyo, kodwa kungabi ngenjongo yokuvakalisa luvo ngokusebenza ngempumelelo kolawulo Iwangaphakathi lweziko. Ukuphicothwa kweencwadi kwakhona kubandakanya ukuvavanya ukufaneleka kwemigaqo-nkubo yokulawulwa kwemali esetyenzisiweyo nokufaneleka kweengqikelelo zokulawulwa kwemali okwenziwa ngabaphathi, kwakunye nokwandlalwa ngokupheleleyo kweengxelo zemali.
6. Ndikholelwa ekubeni ubungqina bophicotho lweencwadi zemali endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukuba bube sisiseko sokuvakaliswa koluvo Iwam ngophicotho lweencwadi zemali.

**Ukuvakalisa uluvo**

7. Ngokoluvo Iwam, ezi ngxelo zemali zichaza ngokwanelisayo ubume bezemali beSebe leMfund leNtshona Koloni njengoko bekunjalo nge-31 Matshi 2011, nengxelo yokusetyenziswa kwemali, ukuphuma nokungena kwayo kulo nyaka ogqiba kuphela, ngokungqinelana ne-*Departmental Financial Framework* emiselwe yi*National Treasury* kune nangokweemfuno ezimiselweyo yi-PFMA) neDoRA.

**Ukugxininiswa kombu**

8. Ndicela ukuba kukhe kuqwalaselwe lo mba ulandelayo. Alukatshintshi uluvo Iwam ngokumalunga nawo:

**Ukucaciswa (*Restatement*) kwamanani angqinelanayo**

9. Inkitho kwii-capital assets

Njengoko kuchaziwe kwinqaku 7 kwiingxelo zemali amanani angqinelanayo ange-31 Matshi 2010 aphinde acaciswa kwakhona ngo-R38 338 000 ngenxa yempazamo efunyenwe ngethuba leengxelo-mali zango-2011 zesebe kunyaka ophele nge-31 Matshi 2010.

10. lintlawulo ii-Capital commitments

Njengoko kuchaziwe kwinqaku 19 kwiingxelo zemali amanani angqinelanayo ange-31 Matshi 2010 aphinde acaciswa kwakhona ngo-R1 065 549 000 ngenxa yempazamo efunyenwe ngethuba leengxelo-mali zango-2011 zesebe kunyaka ophele nge-31 Matshi 2010.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE  
YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**Ukungaqiniseki okubalulekileyo (*Significant uncertainties*)**

11. Imibuzo yabalawuli namagqwetha iveze ukuba isebe lingummangalelwa kula matyala mabini alandelayo:

- Amabango ayi-22 okwenzakala kwabantu (*personal injuries*)

Isiphumo sala matyala asinako ukuqinisekisa okwakalokunje yaye akukho malungiselelo enziweyo alo naliphi na ityala elinokubakho, nakuba kunjalo, oku kuchaziwe njenge-contingent liability kwinqaku lenkcazo (*disclosure note*) 18 kwiingxelo-mali.

**Imiba eyongezelelweyo**

12. Ndicela ukuba kukhe kuqwalaselwe lo mba ulandelayo. Alukatshintshi ulovo lwam ngokumalunga nawo:

**Ukungangqinelani kwezinto kwenye ingcaciso ebandakanywe kwingxelo yonyaka**

13. Akukho kungangqinelani kwezinto phakathi kwedrafti yengxelo yonyaka neengxelo zemali okuqatshelweyo. Ingxelo yokuggibela eprintiwego yengxelo yonyaka iya kujongisiswa kwakhona yaye naziphi na izinto ezingangqinelaniyo eziye zaqatshelwa ziya kwaziswa abalawuli. Ukuba izinto ezingangqinelaniyo azilungiswanga, oko kunokubangela ukuba umba ungabandakanywa kwingxelo yophicotho-zincwadi.

**lishedyuli ezongezelelweyo ezingaphicothwangwa (*Unaudited supplementary schedules*)**

14. Ingaciso eyongezelelweyo ecacisa kumaphepha 168 ukuya ku-175 ayiyonxalenye yezi zicwangciso zengxelo zemali kwaye yndlalwa njengengcaciso eyongezelweyo. Andiziphicothanga ezi shedyuli kwaye ke ngoko akukho zizathu ndingazibekayo ngokoluvo lwam.

**Inkubo-sikhokelo yokunika ingxelo yezemali**

15. Inkubo-sikhokelo yokunika ingxelo yezemali emiselwe yi-National Treasury nesetyenzisa lisebe yinkubo-sikhokelo yokuthobela imimiselo. Ngoko ke ulovo lwam beluza kubonakalisa ukuba xa iingxelo zemali besele zilungisiwe ngokufanelekileyo endaweni yokuba zndlalwe kakuhle njengoko kuyimfuneko ngokwesiqendu 20(2) se-PAA, esifuna ukuba ndicacise ulovo lwam ngokwandalalwa kakuhle kweengxelo-mali zesebe.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE  
YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**INGXELO EMALUNGA NEZINYE IIMFUNO ZOMTHETHO KUNYE NEMIQATHANGO YOMTHETHO**

16. Ngokwe-PAA nangokwe-General Notice 1111 of 2010, eyakhutshwa kwiGazethi kaRhulumente No. 33872 ye-15 Disemba 2010 ndibandakanya apha ngezantsi iziphumo zam ngengxelo yentsebenzo yonyaka (*annual performance report*) engemiba ecaciswe kumapheda 9 ukuya ku-99 kunye nokungangqinelani ngokucacileyo nemithetho nemimiselo esebenzayo kwisebe.

**linjongo ezimiselwe kwangaphambili**

17. Akukho miba iziziphumo zifunyenwego malunga nengxelo yentsebenzo yonyaka.

**Ukungqinelana nomthetho nemimiselo**

Ukubeka esweni eminye imisebenzi ehlawulelwayo eyenziwa ngabaqeshwa

18. Igosa elimele ukuphendula ngezemali alikhange liyigcine imimiselo efanelekileyo yokuqinisekisa ukungqinelana nesiqendu 30(b) se-Public Service Act, 1994 (*Proclamation 103 of 1994*) nesiqendu 33(1) soMthetho wezeNgqesho yooTitshala (*Employment of Educators Act, 1998*) (Act No. 76 of 1998). Ezi ziqensu zicacisa ukuba akukho gosa okanye mqeshwa uya kwenza umsebenzi afumana ngawo intlawulo ingenguwo lowo wenkonzo karhulumente, ngaphandle kwemvume enikwe ngabo basemagunyeni bafanekileyo okanye ligosa eligunyazisiwego lelo gunya likhankanyiwe.

Ukuthengwa kweempahla neenkonzo nolawulo lweemvumelwano

19. Impahla neenkonzo ezinexabiso (*transaction value*) elingaphezu kwe-R500 000 azange zithengwe ngenkubo yokukhuphisana ngamaxabiso (*competitive bidding process*) ngokweemfuno ezingummiselo zeNational Treasury Regulations (TR) 16A6.1, TR 16A6.4 ne-National Treasury Practice Note 6 and 8 of 2007-08.
20. Impahla neenkonzo ezinexabiso eliphakathi kwe-R10 000 ne-R500 000 zathengwa kungakhange kucelwe iikowuteshini zamaxabiso ezibhaliwego ezintathu ubuncinane, kubathengisi abalindelekileyo ngokweemfuno ze-TR 16A6.1 ne-National Treasury Practice Note 8 of 2007-08.
21. Ithenda ezanikwa abathengisi zazingaselwanga kumanqaku okukhethwa kuqala (*preference points*), anikwayo nabalwa ngokweemfuno ze-*Preferential Procurement Policy Framework Act, 2000* (Act No 5 of 2000) kunye nemimiselo yayo ne-National Treasury Instruction Note ye-15 Septemba 2010.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE  
YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

22. lithenda ezanikwa abathengisi abangazange babe nako ukunika ubungqina obubhaliweyo obuvela kwiNkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika (*South African Revenue Service*) bokuba imibandela yerhafu yabo (*tax matters*) imi kakuhle ngokweemfuno ze-*Preferential Procurement Regulations 16 ne- TR 16A9.1(d)*.

**Ulawulo Iwenkcitho**

23. Igosa elimele ukuphendula ngokusetyenzisa kwemali alikhange lithathe amanyathelo angawo nafanelekileyo okuthintela inkcitho engagunyaziswanga echazwe kwimihlathi 19 no-22 apha ngentla nechazwe kwinqaku 24 kwiingxelo zemali ngokweemfuno ezingummiselo zesiqendu 38(1)(c)(ii) se-PFMA ne-TR 9.1.1.

**ULAWULO LWANGAPHAKATHI**

24. Ngokungqinelana ne-PAA ngokwe-*General notice 1111 of 2010*, ekhutshwe kwi*Gazethi kaRhulumente 33872 ye-15 Disemba 2010*, ndithathetele ingqalelo ulawulo Iwangaphakathi olufanelekileyo kumsebenzi wam wokuphicotha iingxelo zemali, kodwa ingenzelwanga iinjongo zokuveza izimvo malunga nokusebenza ngempumelelo kolawulo Iwangaphakathi. Imiba ekunikwe ingxelo ngayo apha ngezantsi iphelela kuphela kwizinto eziqatshelweyo ngokumalunga nokungqinelana nemithetho nemimiselo ezibandakanywe kule ngxelo.

**Ubunkokeli**

25. Igosa elimele ukuphendula ngokusetyenzisa kwemali alikhange livavanye ukuba ingaba abalawuli bayiphumezile kusini na inkqubo yolawulo Iwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba abalawuli abakhulu bawenzile umsebenzi wabo. Oku kububungqina bokungathotyelwa kwemiba eqatshelweyo ephathelele ekuthengweni kweempahla neenkonzo nolawulo lweemvumelwano nokubekwa esweni komsebenzi ohlawulelwayo.

**Ulawulo Iwezemali nentsebenzo**

26. Ulawulo aluqinisekisanga isikhokelo esifanelekileyo nesisiso kubo bonke abasebenzi abathatha inxaxheba kwinkqubo yokuthengwa kweempahla neenkonzo kunye nokuba kwenziwe uqequeso olwaneleyo ukuqinisekisa ukuthobela imigaqqo yoqhamshelwano Iwabathengi nabathengisi (*supply chain management- SCM*). Oku kubalulekile ngakumbi kubasebenzi abakwiyunithi endawonye yeSCM. Ngaphezu koko, ukuhlolwa nokubekwa esweni kokuthobela iinkqubo zemihla ngemihla nezaqho ngenyanga zokuthengwa kweempahla neenkonzo akusebenzi kakuhle. Izithuba ezingenamntu kwisebe lezemali zinokuba nefuthe elibi kwinkqubo yokubeka esweni nokuhlolwa efunekayo kule nkalo ibaluleke ggitha.

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE  
YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**EZINYE IINGXELO**

**Uphicotho oluqhubekayo**

27. Izalathi ezibonisa imisebenzi yorhwaphilizo enokubakho kwinkqubo yokuthengwa kweempahla neenkonzo ngethuba lophicotho-zincwadi yaye ngenxa yoko, yadluliselwa kwicandelo lophando (*forensic investigation unit*) ukuze kuphandwe ngayo.

**Uphicotho Iwentsebenzo**

28. Uphicotho Iwentsebenzo Iwaqhutywa kunyaka ophansi koqwalaselko kwiMfundno noPhuhliso IwaBantwana aBasaqalayo nakwiMfundno noQeqesho IwaBadala. Olu phicotho njengangoku lukwisigaba sokunika ingxelo yaye iziphumo ziya kuchazwa kwiingxelo ezahlukileyo.
29. Uphicotho Iwenetsebenzo luqhutywa malunga noKulungela kukaRhulumente (*Readiness of Government*) ukunika ingxelo ngentsebenzo yakhe. Ifokhasi yophicotho ingokuba akhokelwa njani amaziko karhulumente aze ancediswe njani na ukunika ingxelo ngentsebenzo yawo kwakunye neesistim neenkqubo asele eziqalisile ukuzenza. Iziphumo ziya kuchazwa kwingxelo eyahlukileyo.

*Auditor General*

eKapa

31 Julayi 2011



AUDITOR-GENERAL  
SOUTH AFRICA

*Auditing to build public confidence*

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOLWABIWO LWEMALI (APPROPRIATION STATEMENT)  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

Programmes	Appropriation per programme							2009/10	
	Adjusted Appropriation R'000	Shifting of Funds R'000	Virement R'000	Final Appropriation R'000	Actual Expenditure R'000	Variance R'000	Expenditure as % of final appropriation %	Final Appropriation R'000	Actual Expenditure R'000
								2010/11	
<b>1. Administration</b>									
Current payment	408,562	(4,423)	(36,338)	367,801	353,656	14,145	96.2	346,388	346,358
Transfers and subsidies	46,562	15,054	-	61,616	61,615	1	100.0	40,566	40,564
Payment for capital assets	17,545	(7,893)	-	9,652	9,652	-	100.0	19,595	19,194
Payment for financial assets	3,733	(2,738)	-	995	995	-	100.0	9,489	9,489
	476,402	-	(36,338)	440,064	425,918	14,146	-	416,038	415,605
<b>2. Public Ordinary School Education</b>									
Current payment	8,770,434	14,010	62,345	8,846,789	8,843,246	3,543	100.0	7,882,324	7,877,592
Transfers and subsidies	521,413	(13,651)	-	507,762	507,762	-	100.0	518,767	513,983
Payment for capital assets	355,404	(359)	(18,554)	336,491	336,491	-	100.0	229,716	195,785
	9,647,251	-	43,791	9,691,042	9,687,499	3,543	-	8,630,807	8,587,360
<b>3. Independent School Subsidies</b>									
Transfers and subsidies	59,709	-	-	59,709	59,696	13	100.0	55,522	55,522
	59,709	-	-	59,709	59,696	13	-	55,522	55,522
<b>4. Public Special School</b>									
Current payment	578,379	(1,961)	(15,235)	561,183	559,188	1,995	99.6	490,034	490,034
Transfers and subsidies	107,345	1,961	12,002	121,308	121,308	-	100.0	106,446	104,246
Payment for capital assets	32,636	-	6,552	39,188	39,188	-	100.0	29,743	29,324
	718,360	-	3,319	721,679	719,684	1,995	-	626,223	623,604
<b>5. Further Education and Training</b>									
Current payment	281,091	(29,334)	-	251,757	251,685	72	100.0	212,675	212,675
Transfers and subsidies	165,952	29,334	-	195,286	195,286	-	100.0	156,242	156,242
	447,043	-	-	447,043	446,971	72	-	368,917	368,917
<b>6. Adult Basic Education and Training</b>									
Current payment	8,652	(929)	(558)	7,165	7,165	-	100.0	6,901	6,901
Transfers and subsidies	24,058	929	-	24,987	24,987	-	100.0	22,578	22,578
	32,710	-	(558)	32,152	32,152	-	-	29,479	29,479
<b>7. Early Childhood Development</b>									
Current payment	112,456	(5,903)	-	106,553	98,749	7,804	92.7	94,718	94,718
Transfers and subsidies	190,576	5,903	-	196,479	196,479	-	100.0	169,288	169,288
Payment for capital assets	62,554	-	-	62,554	50,667	11,887	81.0	28,614	24,614
	365,586	-	-	365,586	345,895	19,691	-	292,620	288,620
<b>8. Auxiliary and Associated Services</b>									
Current payment	156,119	(446)	(10,214)	145,459	144,408	1,051	99.3	141,851	141,851
Transfers and subsidies	94,907	408	-	95,315	93,357	1,958	97.9	102,123	102,123
Payment for capital assets	125	38	-	163	163	-	100.0	232	232
	251,151	-	(10,214)	240,937	237,928	3,009	-	244,206	244,206
<b>Subtotal</b>	<b>11,998,212</b>	-	-	<b>11,998,212</b>	<b>11,955,743</b>	<b>42,469</b>	<b>99.6</b>	<b>10,663,812</b>	<b>10,613,313</b>
Total	11,998,212	-	-	11,998,212	11,955,743	42,469	99.6	10,663,812	10,613,313
Add: Departmental receipts				-				3,056	
Actual amounts per Statement of Financial Performance (Total Revenue)				11,998,212				10,666,868	
Actual amounts per Statement of Financial Performance Expenditure					11,955,743				10,613,313

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOLWABIWO LWEMALI (APPROPRIATION STATEMENT)  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

Economic classification	Appropriation per Economic classification								
	2010/11							2009/10	
	Adjusted Appropriation R'000	Shifting of Funds R'000	Virement R'000	Final Appropriation R'000	Actual Expenditure R'000	Variance R'000	Expenditure as % of final appropriation %	Final Appropriation R'000	Actual Expenditure R'000
<b>Current payments</b>									
Compensation of employees	9 330 046	(85 529)	(45 587)	9 198 930	9 193 265	5 665	99.9	8 214 843	8 214 843
Goods and services	985 647	56 543	45 587	1 087 777	1 064 832	22 945	97.9	960 048	955 286
<b>Transfers &amp; subsidies</b>									
Departmental agencies & accounts	4 926	-	-	4 926	4 926	-	100.0	4 604	4 604
Universities & technikons	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Non-profit institutions	1 139 761	18 209	12 002	1 169 972	1 168 002	1 970	99.8	1 103 748	1 096 762
Households	65 835	21 729	-	87 564	87 562	2	100.0	63 180	63 180
<b>Payment for capital assets</b>									
Buildings & other fixed structures	449 695	-	(12 002)	437 693	425 806	11 887	97.3	286 101	247 751
Machinery & equipment	9 320	(3 148)	-	6 172	6 172	-	100.0	12 389	11 988
Software & other intangible assets	9 249	(5 066)	-	4 183	4 183	-	100.0	9 410	9 410
<b>Payment for financial assets</b>	<b>3 733</b>	<b>(2 738)</b>	<b>-</b>	<b>995</b>	<b>995</b>	<b>-</b>	<b>100.0</b>	<b>9 489</b>	<b>9 489</b>
<b>Total</b>	<b>11 998 212</b>	<b>-</b>	<b>-</b>	<b>11 998 212</b>	<b>11 955 743</b>	<b>42 469</b>	<b>99.6</b>	<b>10 663 812</b>	<b>10 613 313</b>

**IPHONDO LENTSHONA KOLONI  
ISEBE LEMFUNDU  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**

**INGXELO YOLWABIWO LWEMALI (APPROPRIATION STATEMENT)  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

**INGCOMBOLO NGEPROGRAM NGANYE -EZOLAWULO  
KUNYAKA OPHELE NGE-31 MATSHI 2011**

Details per Sub-Programme	2010/11							2009/10	
	Adjusted Appropriation R'000	Shifting of Funds R'000	Virement R'000	Final Appropriation R'000	Actual Expenditure R'000	Variance R'000	Expenditure as % of final appropriation %	Final Appropriation R'000	Actual Expenditure R'000
<b>1.1 Office of the MEC</b>									
Current payment	4,326	537	-	4,863	4,863	-	100.0	4,194	4,194
Transfers and subsidies	-	18	-	18	18	-	100.0	-	-
Payment for capital assets	-	5	-	5	5	-	100.0	6	6
<b>1.2 Corporate Services</b>									
Current payment	222,595	-	(21,058)	201,537	193,719	7,818	96.1	180,957	180,927
Transfers and subsidies	19,276	10,091	-	29,367	29,366	1	100.0	19,004	19,004
Payment for capital assets	4,929	(1,913)	-	3,016	3,016	-	100.0	8,726	8,325
Payment for financial assets	3,733	(2,738)	-	995	995	-	100.0	9,489	9,489
<b>1.3 Education Management</b>									
Current payment	156,962	(2,449)	(15,280)	139,233	132,906	6,327	95.5	135,502	135,502
Transfers and subsidies	12,792	4,179	-	16,971	16,971	-	100.0	12,488	12,486
Payment for capital assets	6,680	(2,455)	-	4,225	4,225	-	100.0	6,586	6,586
<b>1.4 Human Resource Development</b>									
Current payment	17,074	(2,386)	-	14,688	14,688	-	100.0	15,855	15,855
Transfers and subsidies	-	6	-	6	6	-	100.0	24	24
Payment for capital assets	176	451	-	627	627	-	100.0	(1)	(1)
<b>1.5 Education Management Information System (EMIS)</b>									
Current payment	7,605	(125)	-	7,480	7,480	-	100.0	9,880	9,880
Transfers and subsidies	14,494	760	-	15,254	15,254	-	100.0	9,050	9,050
Payment for capital assets	5,760	(3,981)	-	1,779	1,779	-	100.0	4,278	4,278
<b>Total</b>	<b>476,402</b>	-	(36,338)	<b>440,064</b>	<b>425,918</b>	<b>14,146</b>	<b>96.8</b>	<b>416,038</b>	<b>415,605</b>

